ISIXHOSA HOME LANGUAGE

National Curriculum Statement (NCS)

Curriculum and Assessment Policy Statement



Foundation Phase
Grades R-3

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA YEBANGA R-3

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

Department of Basic Education

222 Struben Street
Private Bag X895
Pretoria 0001
South Africa
Tel: +27 12 357 3000
Fax: +27 12 323 0601

120 Plein Street Private Bag X9023
Cape Town 8000
South Africa
Tel: +27 21 465 1701
Fax: +27 21 461 8110
Website: http://www.education.gov.za

© 2011 Department of Basic Education

ISBN: 978-1-4315-0407-7

Design and Layout by: Ndabase Printing Solution

Printed by: Government Printing Works

FOREWORD BY THE MINISTER

Our national curriculum is the culmination of our efforts over a period of seventeen years to transform the curriculum bequeathed to us by apartheid. From the start of democracy we have built our curriculum on the values that inspired our Constitution (Act 108 of 1996). The Preamble to the Constitution states that the aims of the Constitution are to:

- heal the divisions of the past and establish a society based on democratic values, social justice and fundamental human rights;
- improve the quality of life of all citizens and free the potential of each person;
- lay the foundations for a democratic and open society in which government is based on the will of the people and every citizen is equally protected by law; and
- build a united and democratic South Africa able to take its rightful place as a sovereign state in the family of nations.

Education and the curriculum have an important role to play in realising these aims.

In 1997 we introduced outcomes-based education to overcome the curricular divisions of the past, but the experience of implementation prompted a review in 2000. This led to the first curriculum revision: the *Revised National Curriculum Statement Grades R-9* and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* (2002).

Ongoing implementation challenges resulted in another review in 2009 and we revised the *Revised National Curriculum Statement* (2002) to produce this document.

From 2012 the two 2002 curricula, for *Grades R-9* and *Grades 10-12* respectively, are combined in a single document and will simply be known as the *National Curriculum Statement Grades R-12.* The *National Curriculum Statement for Grades R-12* builds on the previous curriculum but also updates it and aims to provide clearer specification of what is to be taught and learnt on a term-by-term basis.

The *National Curriculum Statement Grades R-12* accordingly replaces the Subject Statements, Learning Programme Guidelines and Subject Assessment Guidelines with the

(a) Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) for all approved subjects listed in this document;

(b) *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; and

(c) *National Protocol for Assessment Grades R-12.*

MRS ANGIE MOTSHEKGA, MP
MINISTER OF BASIC EDUCATION

ISIQULATHO

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA....3

1.1 Imvelaphi....3

1.2 Amagqabantshintshi....3

1.3 Iinjongo eziphangaleleyo zeKharityhulam yoMzantsi Afrika....4

1.4 Ukwabiwa kwexesha....6

1.4.1 Isigaba esisiSeko....6

1.4.2 IsiGaba esiPhakathi....6

1.4.3 IsiGaba esiPhezulu....7

1.4.4 Amabanga 10 - 12....7

ICANDELO LESI-2: UKWAZISA IILWIMI....8

2.1 Intshayelelo....8

2.2 Indlela yokufundisa ebendakanya konke....8

2.3 Ukwabiwa kwexesha....8

2.4 Ukuhlola....11

2.5 Ukuphulaphula nokuthetha....11

2.6 Ixesha eligxininiswayo lokufunda nokubhala....12

2.7 Ukubhala....20

2.8 Ibanga labaQalayo (R)....21

ICANDELO LESI-3: ISICWANGCISO SESIFUNDO SAMABANGA R-3....24

3.1 Isicwangciso sesifundo samaBanga R-3....32

3.2 Iimfuno ngokwekota zeBanga labaQalayo (R)....56

3.3 Iitekisi noovimba abacetyiswayo....80

ULUHLU LWAMAGAMA....104

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

1.1 IMvelaphi

I*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* icacisa ipolisi yekharityhulam nokuhlola ezikolweni.

Ukuphucula ukusetyenziswa kwayo, INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ihlaziyiwe, yaye olu hlaziyo luya kuqala ukusebenza ngeyoMqungu/ngoJanyuwari 2012. Isifundo ngasinye senzelwe uxwebhu olunye lwePolisi yeKharityhulam nokuHlola endaweni yala maxwebhu madala angala: INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe, isiKhokelo seNkqubo yokuFunda kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo kwiBanga R-12.

1.2 AmaGqabantshintshi

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* imele inkcazelo yepolisi yokufunda nokufundisa kwizikolo zoMzantsi Afrika yaye iquka oku kulandelayo:

(i) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yesifundo ngasinye kwezo zifundo zivunyiweyo zesikolo;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12.*; kunye

(iii) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol for Assessment Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012).*

(b) Uxwebhu oluthi, *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* lungena endaweni yala maxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe mabini alandelayo:

(i) i*Revised National Curriculum Statement Grades R-9, Government Gazette No. 23406 of 31 May 2002*, kunye

(ii) ne*National Curriculum Statement Grade 10-12 Government Gazettes, No 25545 of 6 October 2003 and No. 27594 of 17 May 2005.*

(c) Amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ekuthethwe ngawo kumhlathi b(i) no(ii), aquka la maxwebhu epolisi alandelayo, aza kuthi aye eyekiswa ngokuyekiswa, engenelelwa yi*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* ngo2012 - 2014:

(i) INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yezifundo ngezifundo, isiKhokelo seNkqubo yokuFundisa kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo seBanga R-9 neseBanga 10-12;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Policy on assessment and qualifications for schools in the General Education and Training Band*, olubhengezwe kwi*Government Notice No. 124* ekwi*Government Gazette No. 29626 of 12 February 2007*;

(iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, the *National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF)*, olubhengezwe kwi*Government Gazette No.27819 of 20 July 2005;*

(iv) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding learners with special needs,* olupapashwe kwi*Government Gazette, No.29466 of 11 December 2006,* lufakwe kuxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12;* kunye

(v) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding the National Protocol for Assessment (Grades R-12)*, olubhengezwe kwi*Government Notice No.1267* kwi*Government Gazette No. 29467 of 11 December 2006.*

(d) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades* R-12; kunye namacandelo akwiPolisi yeKharityhulam nokuHlola njengoko ebonisiwe kwisahluko sesi-2, 3 nesesi-4 solu xwebhu aqulethe izithethe nemigangatho ye*Nkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yeBanga R-12.* Ngoko ke, olu xwebhu luya kuthi, ngokwe*candelo 6A* le*South African Schools Act* (uMthetho oLawula iZikolo zaseMzantsi Afrika), *ka1996 (uMthetho wama-84 ka1996,)* lwenze isiseko sokuxhobisa umPhathiswa wezeMfundo esisisiSeko ukuba akwazi ukubeka awona manqanaba aphantsi eziphumo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo nemigaqo yokuhlola impumelelo yabafundi, manqanaba lawo aza kusebenza kwizikolo zikarhulumente nezabucala.

1.3 IiNjongo eziPhangaleleyo zeKharityhulam yoMzantsi Afrika

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* inika isikhokelo kulwazi, izakhono nezithethe (izinto ezixabisekileyo) ezinokufundwa ezikolweni zaseMzantsi Afrika. Le kharityhulam ijonge ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana ulwazi bekwasebenzisa nezakhono ngeendlela ezihambelana nobomi babo bemihla ngemihla. Kungoko ke le kharityhulam ikhuthaza uluvo lokusebenzisa kakhulu iimeko zalapha, kodwa ibe ikwayise iso nemiba ebalulekileyo yehlabathi jikelele.

(b) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 yenza oku kulandelayo:

- Ixhobisa abafundi ngolwazi, izakhono nezithethe eziya kubanceda ukuba bakwazi ukuzimela nokuthabatha inxaxheba ekuhlaleni njengabemi belizwe elikhululekileyo; nokuba bavela kweyiphi imo yezentlalo, uhlanga, isini, bekhangeleka njani ngokomzimba okanye bekuliphi inqanaba lengqiqo;
- Ivulela abafundi amathuba okuya kwimfundo ephakamileyo;
- Incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuphuma kumaziko emfundo baye kumaziko omsebenzi; yaye
- Inika abaqeshi umfanekiso ocacileyo ngobuchule nolwazi abanalo abafundi.

(c) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 isekelwe phezu kwale mithetho-siseko ilandelayo:

- *Ukuphuculwa kwezentlalo:* ukuqinisekisa ukuba kuyalungiswa ukungalingani kwezemfundo okwabangelwa lixesha lobandlululo, nokuba bonke abemi banikwa amathuba emfundo alinganayo;
- *Ukufunda ngokubandakanyeka kusetyenziswa ingqiqo:* ukukhuthaza indlela yokufundisa efuna abafundi ukuba bathathe inxaxheba bebonakalisa ingqiqo, endaweni yokufunda ngokubethelela izimvo nokufunda nje bengaziqiqisisi iinyaniso okanye izimvo abazinikwayo;

- *Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo:* ukubekwa kweyona migangatho isezantsi yolwazi nezakhono ekufuneka abafundi bezibonakalise kwibanga ngalinye, kananjalo nokumiselwa kwemigangatho ephezulu enokufikelelwa kuzo zonke izifundo;

- *Ukuqhubela phambili:* umxholo wokufundwayo neemeko ekufundwa phantsi kwazo kwibanga ngalinye ubonisa ukuqhubela phambili, ukususela kokulula ukuya koko kuntsonkothileyo;

- *Amalungelo oluntu, uqukaniso, ukukhathalelwa kokusingqongileyo nobulungisa bezentlalo:* ukufakwa kwemithetho-siseko neendlela zokwenza ubulungisa kwezentlalo nokukhathalela indalo esingqongileyo kwanamalungelo oluntu, njengoko ebekiwe kuMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika. INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga 10-12 ibonakalisa uvakalelo kwimiba yeyantlukwano enjengendlala, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukuba nenkubazeko neminye imiba;

- *Ukuxatyiswa kolwazi lwemveli:* ukuthathela ingqalelo ubutyebi bembali kunye nelifa lemveli leli lizwe njengeentsika zokuxhasa izithethe eziqulethwe nguMgaqo-siseko; kunye

- *Nentembeko, umgangatho ophezulu, kunye negalelo elibonakalayo:* ukunika imfundo enokuthelekiseka neyamanye amazwe ngokomgangatho, ukunatyiswa kwanokungena nzulu kwayo kwimiba efundiswayo.

(d) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 ijonge ukuphuhlisa abafundi abakwaziyo:

- ukuchonga nokusombulula iingxaki bathabathe izigqibo besebenzisa ingqiqo nokucinga okubonakalisa ubugcisa;

- ukusebenza ngempumelelo bebodwa naxa bekunye nabanye njengamalungu eqela;

- ukuzicwangcisa nokuzilawula bona buqu kunye nemisebenzi yabo, loo nto beyenza ngentembeko nangempumelelo;

- ukuqokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuhlaba amadlala ulwazi;

- ukunxibelelana nabanye ngempumelelo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso kunye/okanye nezinye izakhono zolwimi ngeendlela ezahlukeneyo;

- ukusebenzisa inzululwazi nobuchwepheshe ngempumelelo nangokubonisa ukuba noxanduva ngokunengqiqo ekukhathaleleni indalo esingqongileyo nempilo yabanye; kunye

- nokubonisa ukuliqonda ihlabathi ukuba liyiseti yezinto ngezinto ezizalanayo ngokuqaphela ukuba iimeko ezisonjululwa phantsi kwazo iingxaki azizimelanga zodwa geqe.

(e) Ukuqukaniswa kwemfundo kufuneka kube ngundoqo ekulungiseleleni, ekucwangciseni nasekufundiseni kwisikolo ngasinye. Oku kunokwenzeka kuphela xa bonke ootitshala benolwazi oluphangaleleyo malunga nendlela yokuqonda nokusombulula izidingo zokufunda kunye nendlela yokucwangcisela abafundi abangafaniyo.

Undoqo ekulawuleni ukuqukaniswa kwemfundo kukuqinisekisa ukuba izidingo ziyachongwa zize zisonjululwe ngawo onke amaqela enkxaso efanelekileyo asesikolweni, aquka ootitshala, amagosa esithili, amaQela eNkxaso amaZiko athile, abazali neZikolo zabaFundi abaneeMfuno eZizodwa njengamaZiko aXhobisa ngoLwazi. Ukusombulula izidingo eklasini, ootitshala mabasebenzise iindlela ngeendlela zokujongana neyantlukwano kwikharityhulam, ndlela ezo zifana nezo zikuxwebhu lweSebe leMfundo esisisiSeko oluthi *Guidelines for Inclusive Teaching and Learning (2010).*

1.4 UKwabiwa kweXesha

1.4.1 IsiGaba esisisiSeko

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IBANGA R (IIYURE)	IBANGA 1-2 (IIYURE)	IBANGA 3 (IIYURE)
ULwimi lwaseKhaya	10	8/7	8/7
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo		2/3	3/4
IMathematika	7	7	7
IzaKhono zoBomi	**6**	**6**	**7**
• ULwazi olusisiSeko	(1)	(1)	(1)
• **EzobuGcisa**	(2)	(2)	(2)
• EzemiThambo	(2)	(2)	(2)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1)	(1)	(1)
LILONKE	**23**	**23**	**25**

(b) Ixesha elabelwe ukufundisa leBanga R, 1 nelesi-2 ziiyure ezingama-23. KwiBanga lesi-3 ziiyure ezingama-25.

(c) IBanga R-2 labelwe iiyure ezilishumi, zize zibe li-11 kwiBanga lesi-3. ULwimi lwaseKhaya lwabelwe ezona lwimi zininzi ezisi-8 nezona zimbalwa ezisi-7; luze uLwimi oloNgezelelweyo lwabelwe ezona zimbalwa zibe 2 zize ezona zininzi zibe 3 kwiBanga 1-2. KwiBanga lesi-3 ezona yure zininzi zisi-8, zize zibe si-7 ezona zimbalwa kuLwimi lwaseKhaya; kanti kuLwimi oloNgezelelweyo ezona zimbalwa zi-3, zize ezona zininzi zibe 4.

(d) IMathematika yabelwe iiyure ezisi-7.

(e) KwizaKhono zoBomi, uLwazi lokuQala lwabelwe iyure e-1 kwiBanga R-2, zi-2 kwiBanga lesi-3, njengoko kubonisiwe kwizibiyeli kwiBanga.

1.4.2 IsiGaba esiPhakathi

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhakathi limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	6
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	5
IMathematika	6
INzululwazi nobuChwepheshe (neTeknoloji) beNdalo	3,5
INzululwazi yezeNtlalo	3
IzaKhono zoBomi	**4**
• **EzobuGcisa**	(1,5)
• EzemiThambo	(1)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1,5)
LILONKE	**27,5**

1.4.3 IsiGaba esiPhezulu

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhezulu limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4
IMathematika	4,5
INzululwazi yezeNdalo	3
INzululwazi yezeNtlalo	3
UbuChwepheshe (iTeknoloji)	2
INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho	2
IsiFundo ngezoBomi	2
EzobuGcisa	2
LILONKE	**27,5**

1.4.4 IBanga 10-12

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa iBanga 10-12 limi ngolu hlobo:

IZIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	**4.5**
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	**4.5**
IMathematika	**4.5**
IsiFundo ngezoBomi	**2**
Ubuncinane bazo naziphi izifundo ezithathu ezikhethwe kwi**Qela B** isiHlomelo B, iiTheyibhile B1 - B8 zoxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12,* ngokuxhomekeke kwimigaqo ebekwe kumhlathi wama-28 wolu xwebhu lwepolisi.	**12 (3x4yur)**
LILONKE	**27,5**

Ixesha elabelwe ukufundisa ngeveki malisetyenziselwe ukufundisa izifundo ngokweemfuno zezifundo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NKS) ezichatshazelwe apha ngasentla, hayi ezinye izifundo ezongezelelweyo. Ukuba umfundi ufuna ukongeza izifundo, makongezelwe elinye ixesha lezo zifundo azongezileyo.

ICANDELO LESI-2: UKWAZISA IILWIMI

2.1 INTSHAYELELO

Kwisigaba esisiseko, izakhono eziphambili kwiKharityhulam yoLwimi lwaseKhaya zezi:

Ukuphulaphula nokuthetha	Ukucinga nokuQiqa, Ukwakhiwa nokusetyenziswa koLwimi , zonke zibandakanywa kuzo zonke izakhono zolwimi (ukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala).
Ukufunda nezandi	
Ukubhala nokubhala ngesandla	

- Isiqulatho (ulwazi, ingqiqo nezakhono) *esikwiNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe* (NCS), sibekwe ngendlela elandeleka kakuhle *kwiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola*, ngekota nganye, kusetyenziswa ezi zihloko. Le Nkcazelo *yePolisi yeKharityhulam nokuHlola* ixhobisa ootitshala Intshayelelo equlethe izikhokelo ngokusetyenziswa kwalo mqulu wesiGaba esisiSeko.
- Umxholo, ingqiqo nezakhono emazifundiswe ngekota nganye.
- Izikhokelo ngolwabiwo lwexesha.
- Iimfuno ezilindelekileyo kwimiSebenzi yokuHlola eseSikweni neengcebiso ngokuhlola okungekho sesikweni.
- Uluhlu lwezixhobo ezicetyiswayo kwiBanga ngalinye.

2.2 INDLELA YOKUFUNDISA EBANDAKANYA KONKE

Inkqubo yeeLwimi ibandakanywa kuzo zonke izifundo. ULwimi lusetyenziswa kwikharityhulam ngokubanzi, kwizifundo zomlomo, ukufunda nokubhala. Izakhono ezininzi zoLwimi zokuPhulaphula nokuThetha ziya kuphuhliswa kwizibalo zeMathematiki nakwiZakhono zoBomi, eziquka izifundo ezininzi ezinjengezifundo zobuGcisa beZandla nokuFunda kokuQala, kubandakanywa ezeMpilo, iNzululwazi, iTeknoloji neNzululwazi yezeNtlalo. Imixholo nezihloko zinokukhethwa kwezi zifundo xa kufundiswa izakhono zolwimi.

2.3 UKWABIWA KWEXESHA

Ukwabiwa kwamaxesha okufundisa iilwimi okucwangciswe ngezantsi apha kuya kuqalisa ngowama-2012. KwisiGaba esisiSeko ixesha lokufundisa uLwimi liya kuxhomekeka kwimeko yolwimi yesikolo. Izikolo zinokubona ngokwazo ukuba ziwongeze okanye ziwunciphise umyinge wexesha ojongene noLwimi lwaseKhaya neeLwimi zokuQala ezoNgezelelweyo ngokulawulwa ziimfuno zabafundi bazo. Ubuncinane bexesha elabelwe uLwimi lwaseKhaya neeLwimi zokuQala ezoNgezelelweyo liboniswe phakathi kwezibiyeli, kwesi sicwangicso silandelayo:

ULwimi lwaseKhaya		**Ulwimi lokuQala Olongezelelweyo**
IBanga labaqalayo (R)	Iiyure ezisi-8 (7)	Iiyure ezi-3 (2)
IBanga loku-1	Iiyure ezisi-8 (7)	Iiyure ezi-3 (2)
IBanga lesi-2	Iiyure ezisi-8 (7)	Iiyure ezi-3 (2)
IBanga lesi-3	Iiyure ezisi-8 (7)	Iiyure ezi-4 (3)

ISebe alikwazi ukugunyazisa ngokwalo indlela yokucakaca **ubuncinane bexesha** elabelwa izifundo ezahlukileyo, kodwa nangona kunjalo, esi sicwangciso singezantsi singangumzekelo onokulandelwa kwisigaba ngasinye.

IBANGA LOKU-1: ULWIMI LWASEKHAYA		Ngeveki
Ukuphulaphula nokuthetha	Imizuzu eli-15 ngosuku, ngeentsuku ezi-3	Imizuzu engama-45
Ukufunda nezandi	Izandi: imizuzu eli-15 ngosuku, iintsuku ezi-5 (iyure e-1 nemizuzu eli-15) Ukufunda notitshala: imizuzu eli-15 ngosuku, iintsuku ezi-3 (imizuzu engama-45) Ukufunda ngamaqela: imizuzu engama-45 ngosuku (amaqela ama-2 imizuzu eli-15 iqela ngalinye) iintsuku ezi-5 (iiyure ezi-2 imizuzu engama-30)	Iiyure ezi-4 nemizuzu nemizuzu engama-30
Ukubhala ngesandla	Imizuzu eli-15 ngosuku, iintsuku ezi-4	Iyure e-1
Ukubhala	Imizuzu eli-15 ngosuku, iintsuku ezi-3	Imizuzu engama-45
	Ngeveki	**Iiyure ezisi-7**

IBANGA LESI-2 ULWIMI LWASEKHAYA		Ngeveki
Ukuphulaphula nokuthetha	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Imizuzu engama-45
Ukufunda nezandi	Izandi: imizuzu engama-45 ngosuku ngeentsuku ezi-5 (1 iyure 15 imizuzu) Ukufunda notitshala: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-3 (imizuzu engama-45) Ukufunda ngamaqela: imizuzu engama-30 ngosuku (amaqela ama-2 imizuzu eli-15 iqela ngalinye) iintsuku ezi-5 (iiyure ezi-2 imizuzu engama-30)	Iiyure ezi-4 imizuzu engama-30
Ukubhala ngesandla	Imizuzu engama-45 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Imizuzu engama-45
Ukubhala	Imizuzu engama-45 ngosuku ngeentsuku ezi-4	Iyure e-1
	Ngeveki	**Iiyure ezisi-7**

IBANGA LESI-3 ULWIMI LWASEKHAYA		Ngeveki
Ukuphulaphula nokuthetha	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Imizuzu engama-45
Ukufunda nezandi	Izandi: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-3 (imizuzu engama-45) Ukufunda notitshala: imizuzu engama-20 ngosuku ngeentsuku ezi-3 (iyure e-1) Ukufunda ngamaqela: imizuzu engama-30 ngosuku (amaqela ama-2 imizuzu eli-15 iqela ngalinye) iintsuku ezi-5 (iyure ezi-2 imizuzu engama-30)	Iiyure ezi-4 imizuzu engama-30
Ukubhala ngesandla	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Imizuzu engama-45
Ukubhala	Imizuzu ezingama-20 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Iyure e-1
Izandi zopelo (*phonics*) - ubudlelwane phakathi kwezandi nendlela ezipelwa ngayo. Izandi zopelo zisetyenziswa ekufundeni nasekubhaleni	**Izandi zopelo (*phonics*)** - ubudlelwane phakathi kwezandi nendlela ezipelwa ngayo. Izandi zopelo zisetyenziswa ekufundeni nasekubhaleni	**Izandi zopelo (*phonics*)** - ubudlelwane phakathi kwezandi nendlela ezipelwa ngayo. Izandi zopelo zisetyenziswa ekufundeni nasekubhaleni

ISebe alikwazi ukugunyazisa ngokwalo indlela yokucakaca **elona xesha lininzi** elabelwa izifundo ezahlukileyo, kod-

wa nangona kunjalo, esi sicwangciso singezantsi singangumzekelo onokulandelwa kwisigaba ngasinye.

IBANGA LOKU-1 ULWIMI LWASEKHAYA		**Ngeveki**
Ukuphulaphula nokuthetha	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-4	Iiyure e-1
Ukufunda nezandi	Izandi: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-5 (iyure e-1 imizuzu eli-15) Ukufunda notitshala / ukubhala notitshala: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-5 (iyure 1 imizuzu eli-15) Ukufunda ngamaqela: imizuzu engama-30 ngosuku (amaqela ama-2 imizuzu eli-15 iqela ngalinye iintsuku ezi-5 (iiyure ezi-2 imizuzu engama-30)	Iiyure ezi-5
Ukubhala ngesandla	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-4	Iiyure e-1
Ukubhala	Imizuzu engama-20 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Iiyure e-1
	Ngeveki	**Iiyure ezisi-8**

IBANGA LESI-2 ULWIMI LWASEKHAYA		**Ngeveki**
Ukuphulaphula nokuthetha	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-4	Iiyure e-1
Ukufunda nezandi	Izandi: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-5 (iyure e-1 imizuzu eli-15) Ukufunda notitshala / ukubhala notitshala: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-5 (iyure e-1 imizuzu eli-15) Ukufunda ngamaqela: imizuzu engama-30 ngosuku (amaqela ama-2 imizuzu eli-15 iqela ngalinye) iintsuku ezi-5 (iyure ezi-2 imizuzu engama-30)	Iiyure ezi-5
Ukubhala ngesandla	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-4	Iiyure e-1
Ukubhala	Imizuzu engama-20 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Iiyure e-1
	Ngeveki	**Iiyure ezisi-8**

IBANGA LESI-3 ULWIMI LWASEKHAYA		**Ngeveki**
Ukuphulaphula nokuthetha	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-4	Iiyure e-1
Ukufunda nezandi	Izandi: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-5 (iyure e-1 imizuzu eli-15) Ukufunda notitshala / ukubhala notitshala: imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-5 (iyure e-1 imizuzu eli-15) Ukufunda ngamaqela: imizuzu engama-30 ngosuku (amaqela ama-2 imizuzu eli-15 iqela ngalinye) iintsuku ezi-5 (iyure ezi-2 imizuzu engama-30)	Iiyure ezi-5
Ukubhala ngesandla	Imizuzu eli-15 ngosuku ngeentsuku ezi-4	Iiyure e-1
Ukubhala	Imizuzu engama-20 ngosuku ngeentsuku ezi-3	Iiyure e-1
	Ngeveki	**Iiyure ezisi-8**

2.4 UKUHLOLA

Lo mqulu uqulethe iimfuno ngemiSebenzi yokuHlola okuseSikweni.

IBANGA	ISIFUNDO	IKOTA YOKU-1	IKOTA YESI- 2	IKOTA YESI- 3	IKOTA YESI-4	ZIZONKE
1	ULwimi lwaseKhaya	1	2	2	2	7
2	ULwimi lwasehaya	1	2	2	2	7
3	ULwimi lwaseKhaya	1	3	3	2	9

KwiKota yoku-1 mnye kuphela umSebenzi wokuHlola okuseSikweni kwiBanga loku-1 ukuya kwelesi-3, (msebenzi lowo oqulethe izinto ezichaphazela imiba ethile yoLwimi). KwiBanga loku-1, izikolo ziyakhuthazwa ukuba ziqhube ukuhlola okusisiseko kwikota yokuqala. Ukongeza, kunikwa iingcebiso ngokuhlola okungekho sesikweni, neziya kuzisa ulwazi kwinkqubo yemihla ngemihla yokufunda nokufundisa, kodwa kungarekhodishwa ngokusesikweni.

2.5 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Abantwana bathi gqolo ukuphuhlisa izakhono zabo zokuphulaphula nokuthetha, kungapheleli kwisifundo ngasinye esiyinxalenye yoLwimi, koko naxa kuqhutywa ezinye izifundo. Ngenxa yokuba Ukuphulaphula nokuthetha kubaluleke kakhulu kuzo zonke iinkalo zezifundo, kubalulekile ukuba ezi zakhono ziphuhliswe ngokugqibeleleyo kwakumabakala asezantsi kwimfundo yomntwana. Yiyo loo nto kwisiGaba esisiSeko kubekelwe bucala ixesha elilodwa lokuphuhlisa ezi zakhono zibini zibalulekileyo.

Ixesha elibekelwe bucala izifundo *zokuPhulaphula nokuThetha* lijonge ukubonelela ngexesha emalichithwe ekuqaleni kosuku, nemalichithwe kwimisebenzi egxininisa kwizifundo zokuphulaphula nokuthetha.

2.5.1 Izifundo zeorali ekuqaleni kosuku

Intsasa nganye mayiqalwe ngomsebenzi omfutshane wezifundo zomlomo, nowenziwa yiklasi yonke. Sebenzisa eli xesha:

- Uthethe ngosuku, umhla, itshati yemozulu, imihla yabantwana yokuzalwa, kwakunye nazo naziphi na iziganeko ezizodwa zosuku.
- Ujonge abakhoyo nabangekhoyo: ufunde uluhlu lwabakhoyo nabangekhoyo.
- Uphulaphule abantwana babe mbalwa bencokolelana iindaba zabo , bebonisana, bethetha ngemifanekiso okanye ngento ethile; bethetha ngedayari, imidlalo, iikonsathi, iziganeko ezisematheni nokubalisa amabali. Zama ukuphulaphula iindaba zabantwana bonke, ubuncinane kanye kwisithuba seeveki ezimbini.

2.5.2 Imisebenzi egxininiswayo

Makunikwe ingqwalasela eyodwa izakhono zokuphualphula nokuthetha kuso sonke isiGaba esisiSeko. Ixesha elabelwe iziFundo zoMlomo liquka imiSebenzi yokuPhulaphula nokuThetha ejonge izakhono ezi ncakasana, ubuncinane kabini ngeveki. Lo mqulu ubonelela (1) ngezakhono zokuphulaphula nokuthetha yonke imihla/zonke iiveki, (2) noluhlu lwezinye izakhono zokuphulaphula nokuthetha ezibalulekileyo. Eli candelo linceda ootitshala ekucwangciseni iinkqubo zabo zokufundisa, ukuze izifundo zokuphulaphula nokuthetha zigxininise ekuphuhliseni izakhono ezibini ukuya kwezithathu ezikhethiweyo ngexesha. Le misebenzi igxininiswayo mayibandakanywe kwiDrama neyinxalenye yezifundo zobuGcisa beZandla kwiZakhono zoBomi.

2.6 IXESHA ELIGXININISWAYO LOKUFUNDA NOKUBHALA

KwiBanga loku-1 ukuya kwelesi-3, izakhono zokuFunda nokuBhala ziqhuba *ngeXesha lokuFunda nokuBhala eliGxininisiweyo*. Kulapho baye bathi abantwana, ngezifundo ezicacileyo nezigxininisiweyo, bafundiswe babe ngabafundi nababhali abaphume izandla. Yonke imihla, makubekwe bucala ixesha lokuqhuba izifundo ekugxininiswa kuzo, kuqukwa ukufunda (ukuFunda noTitshala, ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ukuFunda ngaBabini nangabaNye, neziFundo zeZandi) nokubhala (ukuBhala noTitshala, ukuBhala ngamaQela nokuBhala ngabaNye, imisebenzi yegrama nopelo). Ngeli xesha, utitshala uqhuba izifundo ekhokela amaqela amabini abafundi, eli xa abanye bexakeke yimisebenzi exhobelayo neqinisayo, enjengezicatshulwa ezibhalwayo, izandi, upelo, ulwimi nokubhala. Ukufunda ngababini nokuzifundela / nangabanye kungenzeka ngexesha elinye.

Inkcazelo *yePolisi yeKharityhulam nokuhlola* kwisiGaba esisiSeko izahlula iimfuneko zokuFunda ngolu hlobo:

- UkuFunda noTitshala (kuquka ukuBhala noTitshala).
- UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala.
- UkuFunda ngaBabini nangabaNye.
- Izandi (kuquka nokuqonda ngezandi).

2.6.1 Ukufunda notitshala

Ukufunda notitshala (kunye/okanye ukuBhala noTitshala) kudla ngokwenzeka kwimizuzu eli-15 ngexesha eligxininisiweyo lokuFunda nokuBhala. Utitshala usebenza neklasi yonke. UkuFunda noTitshala kungenzeka ngeentsuku ezimbini ukuya kwezine ngeveki, kusetyenziswa itekisi enye enamagama amakhulu yiklasi yonke (umzekelo, iiNcwadi eziNkulu, iipowusta nemifanekiso okanye itekisi ebonwayo), okanye iitekisi ezingamabali ayinyani ndawonye nezo zalawo angeyonyani kumntwana ngamnye. Nangona phantsi kweemeko eziqhelekileyo kuye kusetyenziswa itekisi enye ngeveki, iitekisi ezichongiweyo kwiBanga ngalinye maziye zisiba nde nangobunzima ziye zisiba qatha ngokuhamba konyaka nakumabanga onke akumgangatho omnye. Abantwana mabaqaliswe ukuthiwa ntlo kwiintlobo ngeentlobo zamabali, imibongo, izicengcelezo nemidlalo, kwakunye nokufumana ulwazi ndawonye neetekisi ezibhalwe ngemizobo.

Isifundo notitshala ngasinye masigxininise koku kulandelayo: *ingqiqo ngokushicilelweyo, inkangeleko yetekisi, izandi, iipateni zolwimi, iindlela zokuchonga amagama nezicatshulwa kumanqanaba ngamanqanaba (umzekelo, imibuzo elula,* ecwangcisiweyo, efuna ingqiqo nentelekelelo, ukuphonononga nokuxabisa). Kwindibano yokuqala kugxininiswa ekuyonwabeleni nokuyijonga okokuqala itekisi, abantwana benika izimvo zabo ngetekisi leyo. Xa kuphinda kudityanwa kwixesha elilandelayo, kusetyenziswa kwale tekisi inye, kodwa ngoku ugxininiso lube sekuthatheni inxaxheba ephathekayo ekuyifundeni notitshala, kusetyenziswa iingxoxo ezivelayo ekwakheni isigama, ukutyhila ingxam, ukudandalazisa ubunzulu bezakhono nokwakheka kwetekisi uqobo (igrama, iziphumlisi njl). Kusuku lwesithathu, mhlawumbi nakusuku lwesine, abantwana bayifunda itekisi ngokwabo bezixakekise ngemisebenzi abayithetha ngomlomo, benze ngezandla babhale, konke oku kusekelwe kwitekisi. Ezinye iitekisi zingasetyenziwa usuku lube lunye okanye iintsuku ezimbini ngakumbi kwiBanga lesi-2 nelesi-3.

2.6.2 Ukubhala notitshala

Xa iimeko zivuma, itekisi efundwa notitshala mayizise ulwazi kwisifundo sokuBhala noTitshala, aze utitshala ababonise indlela eyiyo yokubhala itekisi leyo. Abantwana mababe nenxaxheba ekwakhiweni kwetekisi leyo, elixa utitshala alawula inkqubo, ebhale nezimvo zabo. Itekisi esetyenziswa kwisifundo sokuBhala noTitshala inokusetyenziswa

ukunika imizekelo yeepatheni zolwimi, iindlela zopelo okanye ezinye iinkangeleko zeetekisi eziya kuba luncedo ekulungiseleleni iitekisi ezintsha. Ukufundisa abantwana ngokubabonisa indlela yokubhala kunceda abantwana bakulungelele ukubhala ezabo iitekisi. Isifundo sokuBhala noTitshala masenziwe kwiBanga loku-1 ukuya kwelesi-3.

2.6.3 UkuFunda ngamaQela encediswa nguTitshala

Le yindlela / ubuchule apho abantwana bafunda bengamaqela ngokwamanqanaba okufunda kwamaqela lawo, apho amalungu amaqela afunda itekisi efanayo bekhokelwa ngutitshala, kwaye oku kumele ukwenzeka **yonke imihla.** Ukukhokela abantwana ekufundeni kuthetha ubukho bukatitshala encedisa iqela elinamalungu amathandathu (6) ukuya kwalishumi (10). Utitshala ucwangcisa isifundo esiquka ukubaxhobisa ngeendlela-ngeendlela zokufunda amagama, abaya kuthi abantwana bazifunde baze bazisebenzisele ukumelana nemingeni abadibana nayo kwiitekisi. Iingxoxo ngetekisi phakathi kukatitshala nabantwana (nabantwana bebodwa) zibalulekile kule nkqubo. Ngeli xesha utitshala makangaphazanyiswa okanye anqunyanyiswe ngabanye abafundi abazisebenzela bebodwa. Iqela ngalinye malithathe imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ubude, utitshala efundelwa ngamaqela amabini, oku kusenzeka yonke imihla (ixesha elikwimizuzu engama-30 iyonke ngosuku).

2.6.4 Ukwakhiwa kwamaqela afunda kwinqanaba elinye

Iitekisi zichongwa ngokwezinga lokufunda amaqela akulo. Indlela elula yokufumana izinga abakulo uze ukwazi nokubahlula babe ngamaqela, kukubajonga indlela abafunda ngayo itekisi. Nalu uluhlu lweempawu ezibonisa indlela abaziveza ngayo xa befunda neziya kuncedisana notitshala ekubahluleni ngokwamaqela ukulungiselela iindibano zokufunda ngoncedo lukatitshala:

- Mabayifunde ngokulula itekisi, kodwa kunjalo ibekho imingeni embalwa ahlangana nayo umntwana nokuba kukumgangatho wokuguqula umyalezo obhaliweyo ukuze uvakale (*decoding*) okanye kwizinga lokuqonda. Umfundi kufuneka awuqonde aze awuguqule umyalezo, awubambe aphinde awuguqule engqondweni awazi amagama kangangamashumi alithoba ukuya kumashumi alithoba anesihlanu ekhulwini (90% - 95%).
- Baya kufunda ngotyibiliko nangaphandle kokuthintiliza, bebonisa imvakalelo.
- Baya kubonisa umdla kwitekisi leyo.
- Abayi kuyisebenzisa iminwe yokukhomba amagama xa bafundayo.
- Baya kufunda ngokuthe cwaka.

2.6.5 Amanyathelo amakalandelwe ngamaqela xa kufundwa ngoncedo lukatitshala

I. Khetha itekisi efanelekileyo:

Abafundi baya kusebenzisa iincwadi zokufunda ezikumgangatho wabo. Kufuneka ezi ncwadi zibe kumagangatho onganeno kulowo wezo zisetyenziswa xa kufundwa notitshala. Utitshala makayifunde itekisi kuqala phambi kokusebenza ngayo nabantwana ukuze aqwalasele imilo yetekisi, isigama esitsha, ukwakheka kwezivakalisi , ulwimi, nazo naziphi na izinto ezinganika ubunzima ebantwaneni. Konke oku kuya kunika utitshala ithuba lokugxininisa koko akufundisayo okanye kwinto ayifundisayo.

II. Intshayelelo:

Utitshala uxelela abafundi ngohlobo lwencwadi okanye isahluko aza kusisebenzisa, azise nesihloko, athi gqabagqaba etyhilela abantwana ngabanokukulindela. Uncedisa abantwana banxibelelanise okuqulethwe kwisihloko namava abo obomi. Le ntetho mayijolise emcimbini ekungawo, kwaye ibe yeyanele nje ukuba incede abantwana bafunde ngempumelelo (imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3).

III. Ingxoxo ngomfanekiso okanye ukufunda nje ungajolisanga ntweni:

Uncokola nabantwana abancinci kakhulu nijonge imifanekiso esencwadini okanye isahluko usalatha iinkcukacha ezibalulekileyo, ukwabuza imibuzo ngento eqhubekayo kwitekisi kwindawo ethile. Abadadlana mabafundiswe ukufunda itekisi bephalisa amehlo, beqwalasela izihlokwana ezihamba nemifanekiso, izihloko zezahluko ndawonye nezinye iimilo zetekisi, ezinjengesiqulatho nezihlokwana kwitekisi leyo. Utitshala makaxoxe ngamagama anzima kwitekisi phambi kokuba ifundwe ngabantwana. Oku kungathatha imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3).

IV. Ufundo lokuqala:

Abantwana bafunda ngabanye. Abaqalayo bafunda ngokuvakalayo okanye ngokusebeza, lo gama abanamava befunda ngokuthe cwaka de utitshala abayalele ukuba bafunde ngokuvakalayo. Utitshala ujonga iindlela abafunda ngazo abantwana ukuze aqulunqe izifundo ezigxininisa ekukhawulelaneni neengxaki ezo azibonileyo. Utitshala uhamba-hamba phakathi kwabantwana ephulaphula umntwana ngamnye efunda isiqendwana setekisi ngokuvakalayo. Utitshala ukhuthaza abantwana ngokubabuza imibuzo ngeli thuba:

- Ulindele ukufunda ntoni kule ncwadi?
- Ingaba inento eyithethayo kuwe?
- Wenze kakuhle! Uzilungisile iziphoso zakho, itsho yanayo intsingiselo ngoku.
- Besinokuthini ukuze sivakale kakuhle esi sivakalisi?
- Jonga kulo mzekelo.
- Kunganjalo, kodwa qaphela unobumba wokuqala kwakhona.

V. Ingxoxo:

Ukuba abantwana babe nemibuzo kwisigaba sokuxoxa ngemifanekiso, buyela kulaa mibuzo kuxoxwe ngeempendulo. Ingxoxo ingagxininisa kwizandi, ingqiqo ngetekisi okanye umba othile wegrama. Ingxoxo mayikhokelele kwimibuzo evelisa ingqiqo ngetekisi.

VI. Ufundo lwesibini nezifundo ezilandelayo:

Kwiintsuku ezilandelayo abantwana baphinda-phinda ukufunda itekisi ngababini okanye ngabanye. Injongo ephambili kukukhulisa ukufunda ngotyibiliko nokukhulisa isigama, igrama nengqiqo eyondeleyo ngetekisi. Tshintsha-tshintsha iindlela zokwenza oku, (umz. ukufunda iziqendu ngomlinganiswa okanye banikane amathuba okufunda iphepha (*page*) okanye umhlathi encwadini). Abadadlana, nabo banamava okufunda bangakhetha umhlathi othile basebenze ngawo ngeli thuba.

VII. Ukufunda ngababini nokuzifundela / nangokuzimela:

Ukufunda ngaBabini nangokuZimela kunika abantwana amathuba okuziqhelisa ukufunda nokubakhutha-za bafundele ukuzonwabisa.

Abantwana bangaphinda-phinda ukufunda iincwadi zabo zeklasi nezamaqela, okanye ezihlekisayo, okanye ezongezelelweyo kwezesiqhelo. Itekisi mayibe kumgangatho onganeno kulowo ubusetyenziswa kufundo notitshala, nofundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala. Ukufunda ngababini kungenzeka nanini na, naphi na, njengomsebenzi wokufunda beyiklasi. Abantwana bangahlala ngababini eklasini okanye phandle, bafunde kunye okanye banikane amathuba okufunda, okanye abantwana ababini abayigqibileyo imisebenzi yabo bangafunda kunye, elixa abanye abantwana bagqibezela imisebenzi yabo.

Ukuba abantwana bazifundela iincwadi ngokwabo bakwaphuhlisa ukufunda ngotyibiliko, kodwa oko kuxhomekeke ekubeni iincwadi zilula ngokwaneleyo ukuba bangazifunda bengancediswa. Iincwadi ezimfutshane nezilula, ongaqikelela nengxam yazo ungekazifundi, nezinemifanekiso egqamileyo, ze-zona zikulungeleyo oku. Ezinye iititshala zikholisa ukunika abantwana iincwadi baye kuzifunda ekhaya. Oku kufundela ekhaya kufuneka kuquke ukuphinda-phinda ukufunda iincwadi zamaqela okanye uku-funda iincwadi ezilula nezihlekisayo. Oku kuziqhelisa ukufunda kongezelelweyo, xa kuthe kwenziwa rhoqo yonke imihla, kudlala indima enkulu ekufundeni ukufunda.

VIII. Iinkalo ezintlanu zokufundisa ukufunda

Iingcali zokufunda ezininzi ziyavumelana ukuba kukho iinkalo ezintlanu eziphambili ekufundiseni uku-funda ezizezi:

- Ukuqonda izandi / Ingqiqo ngezandi.
- Ukuqonda igama / amagama (abonwa rhoqo ndawonye nezandi).
- Ingqiqo / ulwazi
- Isigama.
- Ukufunda ngokutyibilika / ngokufanelekileyo.

Inkalo nganye mayifundiswe ngokugqibeleleyo, rhoqo yonke imihla.

IX. Ingqiqo ngezandi

Ukuq]onda izandi / Ingqiqo ngezandi kukuqonda ukuba intetho inokulandelelana kwezandi nokunakana isandi ngasinye, nendlela ezakha ngayo amagama, nangendlela la magama angakha ngayo izivaka-lisi. Le ngqiqo mayiphuhliswe kwaphaya ekuqaleni kwiBanga loku-1. Kubalulekile ukuba abantwana bafundiswe izikhamiso a, e, i, o, u. Ukuze xa bezibambile kugqithelwe kumaqabane edityaniswe ne-zikhamiso umz b+a, b+e, b+i, b+o, b+u. Le methodi ibanceda kakhulu abafundi ukwazi ukuthetha, ukuphulaphula nokubhala.

X. Isicwangciso sokufundisa ingqiqo ngezandi:

- Imisebenzi egxininisa kwimfano-zandi (umz. Usisi usula isosi).
- Imisebenzi egxininisa kumalungu egama (umz. ukuqhwabela izandi zegama, u -Zi -zo).

- Imisebenzi egxininisa kumaqabane okuqala egama (Z-izo).
- Uphinda-phindo lwezandi nemisebenzi yokutshatisa izandi (umz. iqaqa liyaziqika-qika kuqaqaqa).
- Imisebenzi egxininisa kwifonimi (i-q-a-q-a, q-i-k-a-q-i-k-a, Z-i-z-o).
- Imisebenzi yokuthelekisa: angaba la magama aqala ngokufanayo? (umz. duma, duka, dubula)
- Imisebenzi yokwahlula: amalungu egama: Uva ntoni ekuqaleni kweli gama - bo + na, a+ma+se+le?
- Izandi: b+o+n+a , u+k+u+tsh+a+t+i+s+a
- Imisebenzi egxininisa upelo: umbona, intlanzi, umngcwabo njalo-njalo.
- Imisebenzi yokudibana kwezandi (blending) umz umlambo u-m ubizwa ngokuzimeleyo no l-uzimele kwaye wahlukile xa ubiza u-mb ubizwa njengesandi esinye.intlanzi n-no tl

Imisebenzi eluncedo ukuphuhlisa izakhono zokuphulaphula ibandakanya imidlalo yokuphulaphula, izicengcelezo zabaqalayo nemidlalo yophinda-phindo lwezandi.

2.6.6. IZANDI (IFONIKSI)

IFoniksi (*Phonics*) ligama elibhekisa kwindlela ethile yokufundisa abantu ukufunda ngokunxulumanisa izandi noonobumba. Ngamanye amazwi kuthethwa ngezandi ezifumaneka emagameni noonobumba abamele zona. Zizixhobo ezibalulekileyo ekufundeni nasekubhaleni.

Abantwana baqala isikolo bekwazi ukusithetha isiXhosa, ngoko ke kubalulekile ukuba bafundiswe izandi ezimaqabane mabini nangaphezulu kwakwiBanga loku-1. **Mabafundiswe ezo zandi namagama abawasebenzisa ngalo lonke ixesha kweli Banga.**

Zininzi iinkqubo zokufundisa izandi zamagama. Izikolo zingazikhethela inkqubo eya kuxhasa ngokupheleleyo nangendlela ecwangcileyo yokufundisa izandi esikolweni. Izikolo maziyithobele inkqubo eziyikhethileyo. Isicwangciso

sokufundisa ingqiqo yezandi ekucetyiswa sona kumqulu we-Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola sisikhokelo. Apho iinkqubo zokufundisa ingqiqo ngezandi zinezicwangciso ezahlukileyo, landela zona, endaweni yaso. Noko kunjalo, isantya sokuzifundisa masifane neso sikumqulu we-Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola.

Izandi nokubhala ngesandla mazihambelane, njengoko xa kufundiswa isandi esingunobumba nendlela esibhalwa ngayo zihambelana xa zifundiswa. Fundisa izandi ezisetyenziswa rhoqo kuqala kwiBanga loku-1. Kwakhona, ukuqaphele ukwakhiwa konobumba kuba, mhlawumbi omnye umntu angakhetha ukufundisa unobumba ongu-c phambi kuka-a, nonobumba u-l phambi ko-h no-b. Lo mqulu we-Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola ubeka isantya sokufundisa izandi ekubeni kufundiswe isandi esi-1 okanye ezi-2 ngeveki nganye kwiikota ezimbini zokuqala, ukuze kube kufundiswe izandi ezisi-8 ubuncinane ekupheleni kwekota yokuqala, ze eziseleyo zibe sezifundisiwe ukuphela kwekota yesibini. Ukuhlanganiswa kwamaqabane nezikhamiso ezithile kungafundiswa kwisiqingatha sesibini kwiBanga loku-1. Ngaxesha nye makuqhutywe ukuqhelisa ukwakhiwa nokuhlahlelwa kwamagama.

KwiBanga lesi-2 nelesi-3 kuthiwa nyi ukufundisa ukuhlanganiswa kwamaqabane nezikhamiso, kusiya kusongezeleleka ubunzima ngokuhamba konyaka kumaBanga omabini. Ukufundiswa kwezandi asingomsebenzi uzimeleyo, ngoko ke kumele kuhambelane nenkqubo yofundo notitshala.

Njengoko abantwana befunda indlela izandi noonobumba ezime ngayo (*sound symbol system*) kulwimi olufundis-

wayo, bamelwe ukuba bakhuthazwe ukusebenzisa upelo oluqanjiweyo (*invented spelling*), de kufike ixesha lokuba bafunde iindlela zokupela ezivumelekileyo. Abantwana abasebenzisa upelo oluqanjiweyo baba ngabantu abapela ngcono kunabo bangalusebenzisiyo. Zama ngandlela zonke ukuba abantwana babhale ifonimi (unobumba omele isandi) ngokuchanekileyo, apho isandi ngasinye egameni simelwe ngokubhalwa njenge: "*becors*" okanye "*stashun*".

Upelo luyahambisana kakhulu nezandi, kwaye inkqubo yokufundisa upelo mayithathelwe koko kufundisiweyo kwizandi kuloo veki. Noxa ufundiso lopelo lungekho seSikweni kwibanga loku-1 nelesi-2, kwibanga lesithathu inkqubo yopelo ngokuseSikweni mayilandelwe, kuthi maxa wambi kwenziwe iimvavanyo nobizelo olungekho seSikweni. Noko kunjalo, upelo oluchanekileyo kufuneka lubonakale kumsebenzi obhaliweyo wabantwana, kungekuko nje kuphela kwiimvavanyo zopelo nobizelo.

I. **Ukuqonda igama**

Amagama abonwa rhoqo (amagama abonwa abizwe qho), amenza umntwana alinakane igama elilodwa ngokulibona, nangokuliphinda-phinda rhoqo ukulisebenzisa. Amagama avela rhoqo kwitekisi (amagama axhaphakileyo) anokufundwa ngale ndlela.

Sebenzisa izifundo zokuFunda notitshala nokufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala ekuboniseni ezi **ndlela** zilandelayo **zisekelwe eminweni emihlanu,** apho umnwe ngamnye umele indlela umfundi anokuyisebenzisa ekuzifumaneleni ngokumiselekileyo indlela yokufunda igama angalaziyo nentsingiselo yalo:

- *Ubhontsi:* Lishiye igama usifunde sonke isivakalisi.
- *Umnwe wokuqala*: Jonga emfanekisweni.
- *Umnwe wesibini*: Jonga igama ubone ukuba akho na amalungu owaziyo egameni.
- *Umnwe wesithathu*: Funda izandi ozaziyo zegama elo.
- *Umnwe wesine*: Cela uncedo lokufunda igama okanye ukwazi intsingiselo yalo.

II. Ingqiqo / ulwazi:

Xa kuqhutywa izifundo zokuFunda, utitshala ufumana amathuba amaninzi okusebenza nabantwana ekuphuhliseni izakhono zokucinga nokubuza kwimigangatho eyahlukileyo. Nazi ezinye iindlela zokubuza ezinokunceda ekuphuhliseni imigangatho esezantsi nephezulu yezakhono zokuqiqa:

Imizekelo ekhulisa ingqiqo yabantwana

Kwinqanaba elilula (iimpendulo zifumaneka kwisicatshulwa ngqo):

- Chonga…. (umz. Chonga umlinganiswa ophambili ebalini.*)*
- Khomba… (umz. Khomba imoto ebiqhutywa sisigelekeqe.*)*
- Funda / chonga umqolo othi… (umz. Funda umqolo okuxelela ukuba umakhulu wakhe wayengonwabanga.*)*
- Chaza/ Xela… (umz. *Chaza umlinganiswa olitshijolo kweli bali.)*
- Fumana… (umz. F*umana igama lencwadi awayeyifunda.)*

- Bonisa … (umz. *Bonisa indawo othe wayithanda kakhulu ebalini.)*
- *Yitsho..... (umz. Xela igama lenja emnyama eyabalekayo.)*

Kwinqanaba elinobunzima (iimpendulo zifumaneka kuyo yonke imihlathi yetekisi):

- Thelekisa…. (umz. Thelekisa ezi ntombi zingoodade. Wawuphi umahluko phakathi kwabo bobabini?*)*
- Dwelisa…. (umz. Dwelisa iindawo awazityelelayo utatomkhulu wakhe.)
- Bonisa umahluko.....(umz. phakathi kwendawo ababehlala kuyo nekhaya labo elitsha.)
- *Y*ahlula-hlula...(umz. Yahlula izilwanyana ezisebalini zibe ngamaqela amabini, ezo zazinobubele entombini nezo zazifuna ukuyitya.)
- Hlela...(umz. Nika iindidi zezilwanyana ezisebalini.)
- Shwankathela… (umz. Shwankathela ibali lingadluli kwizivakalisi ezine.)
- Yahluke njani...(umz. Lahluke njani iqhawe kwitshijolo?)

Kwinqanaba elinobunzima (qikelela ngezikhokelo)

- Ukuba ibinguwe… (umz. Zithathe ngokuba ibinguwe iqhawe, ngowathini?*)*
- Bekungenzeka ntoni ukuba…. (umz. Masithi umgcini-zilwanyana walishiya isango lendawo ehlala izilwanyana lingavalwanga, ngekwenzeka ntoni?*)*
- Ungaba nakho...(umz. Ingaba indoda yayinokuba nakho ukuwelela ngaphesheya komlambo ngandlela yimbi?)
- Kwenzeke ntoni… (umz Kwenzeke ntoni ngenxa yoko / emva koko?*)*
- Zaba yintoni iziphumo….(umz...Zaba yintoni iziphumo ngenxa yesigqibo awasithathayo?)
- Kwakunokwenzeka ntoni xa....(umz...Kwakunokwenzeka ntoni xa utata wakhe wayeye kumbona umalume wakhe?)
- Ziphumo zini...(umz. Zaba yintoni iziphumo zeentshukumo zakhe?)

Kwinqanaba lokuHlola / lokuvavanya

- Ubefanele… (umz...Wayefanele na ukuba umakhulu wakhe amxelela ibali*?)*
- Ngokubona kwakho (izimvo zakho)… (umz. Xa ucinga wena, ingaba inkwenkwe yayifanele ukuba iziphathe ngoluya hlobo*?)*
- Uyavumelana noku... (umz.Uyavumelana nokuba ukushiya umzi yayiyeyona nto ilungileyo?)
- Wawunokwenza oku.... (umz.Wawunokwenza into efanayo ukuba wawugaxeleke kuloo meko nawe?)

- Kulungile na ukuba..... (umz. Ingaba ilungile na into yokuba umalume wakhe amgxothe emzini wakhe kuba ebe isonka?)
- Yiyiphi indlela yokuchaza engcono..... (umz.Yiyiphi indlela emchaza ngcono umlinganiswa ophambili ebalini?)

Kwinqanaba lokuxabisa

- Ucinga ntoni xa… (umz. Ucinga ukuba ngekwenzeka ntoni ukuba iNgonyama yayinokuvula umlomo?*)*
- Ingaba ligama/ibinzana elifanelekileyo… (umz. Lingaba eli gama lifanekile ukuchaza itshijolo?)
- Ukho umntu omaziyo ofana na.... (umz.Ingaba ukho omaziyo oziphethe njengodade wabo?)
- Kutheni le nto umthandayo/umthiyileyo....(umz....Kutheni umcaphukela nje umalume wakhe?)

Sebenzisa izakhono ezixhasa ukuphuhla kokuqiqa ukufundisa abantwana bakwazi ukuzinqwanqwada bazilungise iziphosiso zabo xa bafundayo ngokubhekiselele kumba wokunakana amagama ngengqiqo. Abantwana mabafundisweukubuza imibuzo ephuhlisa ulwazi lwabo (umz. Ndivakala kakuhle? Ingaba ilungile? Iyavakala?). Zekelisa le nkqubo kuFundo notitshala, uze uyisebenzise kuFundo ngoncedo lukatitshala, wenze namanye amalinge okuyixhasa.

III. Ukufunda ngokutyibilika

Ukufunda ngokutyibilika kubandakanya:

- Ulwazi lonxulumano phakathi konobumba nesandi (*decoding*) Ukuchonga amagama aliqela ngokuchanelekileyo.
- Isantya sokufunda: Ukuqonda amagama aliqela ngokukhawuleza ngaphandle kwamagingxi-gingxi, loo nto izenzekela.
- Inzululwazi ngesingqi nezandi (iprosodi) (imo esiveliswe ngayo isingqi nezandi): Ukufunda ngokuchebeleza nokubiza amagama nezandi ngendlela efanelekileyo.
- Ingqiqo.

Ukufunda ngotyibiliko kungaphuculwa ngokuthi kufundiswe izakhono ezikhethekileyo zokufunda ukutolika intsingiselo nokunakana amagama, ngokukhetha iitekisi ezilula, ngokuza neetekisi ezininzi ezinomdla, ngokuphinda-phinda ukufunda iincwadi, nokwandisa umthamo weetekisi emazifundwe.

IV. Ukufunda ngokuvakalayo kukatitshala

Eyona nkalo yokugqibela nebalulekileyo kwinkqubo yokuFunda, kukufunda ngokuvakalayo (ixesha lamabali) kukatitshala. Le ndlela ikhulisa izakhono ezininzi zoLwimi (kuquka ezokufunda) kwimeko enentsingiselo evakalayo nengundoqo kwinkqubo ezinzileyo yokufunda ngoLwimi. Ngokulandela le nkqubo yokufunda ngokuvakalayo, ootitshala bangatyala ebantwaneni uthando lokufunda nokuthanda amabali ngokungazenzisiyo.

Ulwazi oluthe vetshe lufumaneka kwi*Department of Education's Handbook: Teaching Reading in the Early Grades (2008*

2.7 Ukubhala

Abantwana baqala kwiBanga loku-1 ngoku 'bhala' besebenzisa imifanekiso, bathi ngokuya befumana isakhono sokwakha oonobumba, baqalise ukukhuphela amagama, izihloko, nezivakalisi ezipheleleyo abanakho nokuzizoba. Xa bengena kwiKota yesi-3 kwiBanga loku-1, mabakwazi ukubhala ezabo izihloko zemifanekiso, bakhe nesivakalisi esinye ubuncinane. Utitshala makabancedise ngokubaqalela izivakalisi baze bazigqibezele (umz. Ndifuna.....). Nika umntwana ngamnye incwadi engu-A5 aza kuyisebenzisa njengesichazi-magama sakhe. Banike imisebenzi ezizikhokelo apho abantwana bagqibezela isivakalisi ngokongeza igama okanye imibuzo elula abanokuthi abantwana bayiphendule ngokuthi 'Ewe' /' Hayi', okanye ngegama elinye.

Imisebenzi yokubhala notitshala ibonisa indlela eyiyo yokubhala ukuze abantwana baqonde indlela oonobumba namagama akhiwe ngayo, indlela yokwakha izivakalisi ngamagama, ukubaluleka kwezithuba phakathi kwamagama nokusebenzisa iziphumlisi. Ngokusebenzisa ukubhala notitshala, abantwana bavelisa isigama esandileyo, baqonde ukuba izivakalisi zityetyiswa njani kukusebenzisa izichazi nezihlomelo ezinika umdla. Ngokuya abantwana befumana izakhono ezongezelelekileyo ekubhaleni izivakalisi zabo, bafundise ingqiqo ngokusebenzisa imihlathi.

Lo mqulu we-Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola usebenzisa ze ulandela amanqanaba ekufundiseni ukubhala. Le nkqubo ibandakanya abantwana ekuyileni (drafta), ekubhaleni, ekuhleleni nokunikezela (ukunika abanye itekisi leyo bayifunde). Abantwana abakwisigaba esisiseko abasayi kuwubhala kwakhona umsebenzi wabo, koko bayawuhlela ngokukrwela umgca kuloo magama angafunekiyo, nokongeza itekisi apho kufuneka khona.

2.7.1. Ukubhala ngesandla

Inkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuhlola ivula amathuba okufundisa izakhono zokubhala ngesandla amisiweyo, ngamaxesha amafutshane, kwimigangatho eyahlukileyo yamaBanga ngokomyinge okwimizuzu eli-15 ngosuku ngalunye.

Inkqubo ekhokelela ekuqaliseni ukufunda ukubhala

Phambi kokufundisa ukubhala ngesandla okusesikweni kwiBanga loku-1, abantwana mabalandele inkqubo yokubhala kwabaqalayo ukuphuhlisa ukukwazi ukuphawula umahluko wezinto ngokuzibona, ukulungelelaniswa kwemithambo-luvo namalungu omzimba, izakhono zokuthetha ngezijekulo, nokuqhagamshelana kwezandla namehlo. Abantwana kufuneka bafundiswe indlela eyiyo yokubamba ipensile, ukwakha oonobumba, apho kuqalwa khona, umlinganiselo, ubume, nokuba kuqalwa kubhekiswe ngaphi na xa kubhalwa (ukusuka ngasekhohlo kuyiwe ngasekunene). Ngokuhamba kwexesha ubakhokele abantwana ngokubabonisa indawo amababhale kuyo nokunikana amathuba koonobumba emgceni naphakathi kwemigca. Indlela elungileyo yokuhlala nayo ibalulekile. Abantwana abancinane bafumana ubunzima amaxesha amaninzi xa bekhuphela ephepheni into ebhalwe ebhodini njengokuba amehlo abo efuna ixesha lokuphalisa amehlo ukusuka ebhodini ukuya ephepheni eliphambi kwabo, kwaye nenkumbulo emfutshane ngabakubonayo inokungabi yiyo ephuhlileyo ngokwaneleyo. Kuyanceda ukunika abantwana abakwibanga loku-1 ukuya kwelesi-3 iziqwentshana zokubhala eziqulethe imiqolo yoonobumba ukuba abantwana babakhuphele ngexesha lokufundisa ukuBhala ngeSandla.

Utshintsho ukuya kubhalo ngokudibanisa

Ekuyeni ekuligqibeni kwabo iBanga loku-1 abantwana mabakwazi ukubhala oonobumba abancinane nabakhulu ngokuchanekileyo, bechebeleza, bakwazi ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini nezikwiziqwentshana zamaphepha ngokufanelekileyo. Mabathi abantwana xa bekwiBanga lesi-2 babe bekwazi ukubhala ngokukhawulezisa bengadibanisi, kwaye kukweli Banga apho izikolo ezininzi ziya kuqalisa ukubafundisa ukubhala ngokudibanisa. Nakubeni kusemagxeni esikolo okanye iPhondo ukukhetha indlela yokubhala ngesandla, abantwana bamele ukuba

bafundiswe ukubhala indlela yokubhala ngokudibanisa xa beya ekuligqibezeleni iBanga lesi-3. Uninzi lwabantwana lulwenza utshintsho lokubhala kwakwisiqingatha sokuqala seBanga lesi-3.

Izixhobo zokubhala

KwiBanga loku-1 abantwana baqalisa ngokubhala kumaphepha angenamigca besebenzisa iikhrayoni. Ngokuhamba kwexesha bagqithela ekubhaleni kwimigca enezithuba eyi17mm, besebenzisa iipensile xa bekwizifundo eziseSikweni zokufunda ukubhala, nakubeni izikolo ezininzi zikhetha ukusebenzisa amaphepha angenamigca xa kusenziwa eminye imisebenzi yokubhala nakwiBanga lesi-2. Xa bekwiBanga lesi-3 abantwana batshintshela ekusebenziseni iincwadi ezinemigca enezithuba ezisi-8.5mm. Ixesha elichanekileyo lokwenza olu tshintsho liya kuxhomekeka kumgangatho abakuwo abantwana nepolisi yesikolo.

Izithintelo zokufunda / imiqobo ethintela ukufunda

Amaxesha okufundisa uLwimi mawanike amathuba okuxhasa abantwana abanezithintelo ekufundeni / abanokubazeko kwiimeko ngeemeko , iimeko ezikhuthazayo kwabo benza kakuhle, imisebenzi yokuhlola nexesha lokubhala. Umsebenzi obhaliweyo mawuphononongwe, kwaye ujongwe ngutitshala ukuze inkqubo yomntwana ngamnye ibe nokulandeleleka, ibekwe esweni, ukuze ibe nokusetyenziswa ukunika isikhokelo kumanqanaba alandelayo aya kuthatyathwa kwindlela ebheka phambili ekufundeni. Fundela abantwana ngokuvakalayo yonke imihla, ukuqinisekisa ukukhulisa nokuphuhlisa isigama sabo.

2.8 Ibanga labaqalayo (R)

Indlela yokufundwa koLwimi kwiBanga labaqalayo (R) ixhomekeke kumthetho-siseko wobandakanyo nokufundabudlala. Utitshala makabe nemibono ngazo zonke iindlela zokufundisa uLwimi, abe ngumngeneleli kunokuba yinjoli. Umngeneleli uwasebenzisa ngamandla amathuba okufunda azivelelayo kuthotho lwemisebenzi echaphazela ngqo abantwana, njengelizwe lokuzakhela izindlu, iimoto nemizi yokudlala, kwakunye nemisebenzi ekhokelwa ngutitshala njengezangqa zamabali nezinye izangqa. Imiba echaphazela ulwimi nezinto ezichaphazela intlalo, uvakalelo, nezinye iimo zophuhliso ezinjengemithambo-luvo emincinci nemikhulu ethwala imiyalezo esuka engqondweni ukuya kumalungu ahlukileyo omzimba (*fine and gross motor*), ziya zizivelela ngokusebenza kwendalo kwimisebenzi nezinto eziqhelekileyo ukwenzeka kwinkqubo yemihla ngemihla kwiBanga labaqalayo (R). Zonke ezi mo zentlalo zinokuza namathuba apho utitshala anokungenelela ngenjongo ethile, abe ngumnxibelelanisi kufundo oluzivelelayo olukhuthaza ufundo ngoLwimi oluthukuzayo. Inkqubo yokufunda elandela isithethe esidala, esesikweni nesekelwe kumoya ogquba eklasini, nelandela imigomo engqongqo, 'ikwaqamangeleke kwiziseko', mayiphetshwe kuba ayikunyuseli kwizinga eliphezulu ukufumana imfundo yolwimi komntwana okwiBanga labaQalayo (R). IBanga lobaQalayo (R) malingenziwa 'umngxengwa' weBanga lokuQala. Lineempawu ezizezalo ezizodwa, ezisekelwe kubantwana abakule ntanga ukuba balibona njani na ilizwe abaphila kulo, ze bafumane ulwazi, izakhono, izinto eziluluthu neendlela abazibona ngayo izinto, neziya kubavumela bawandise amathuba abawanikwayo kwiminyaka esesikweni yokufunda.

Gxininisa kufundo olungekho sesikweni noluzenzekelayo kwizangqa ezahlukileyo ngexesha lasemini. Kwakhona uvelise inkqubo enika ixesha elinomdla lokufunda ngokudlala, nehambisana nokuqaphela okukwiqondo eliphezulu kukatitshala lamaxesha angalungela ukufundisa, maxesha lawo athi amaxesha amaninzi aveliswe kukuba nomdla nokuqamba kwabantwana ngokwabo. Usuku lonke lwesikolo malubonwe njengamathuba ezinto ezinokwenzeka ukukhulisa ukufunda ulwimi; mhlawumbi ngenxa yokungenelela ngqo kukatitshala, ocwangcise amathuba okungenelela, kuquka imisebenzi ekhokelwa ngutitshala, okanye ngenxa yeziganeko zamathuba okufunda eziliqela ezenzeka ngexesha lasemini, nezithi zenze ukuba utitshala akwazi ukukhuthaza ukufunda ngokusebenzisa 'amathuba okufundisa'. Amathuba anje axhaphake ukufumaneka ubukhulu becala ngexesha lesiqhelo, nangexesha lokudlala.

Xa kujongwa izinto uvela ngakwicala ezibonwa ngalo kufundo lolwimi, amathuba avumela ukufundisa aya kumnika utitshala amathuba okubuza, njengokubuza imibuzo empendulo zingangqalanga, okanye anike umntwana iingcebiso ezingezinye, ngaloo ndlela utyala emntwaneni umnqweno wokuqhubela phambili izifundo zakhe. Indaba iba notitshala ukuba azi ukuba angangenelela nini na kwinkqubo yokufunda, nokuba abuye umva anike umntwana ithuba lokuza nesakhe isisombululo sengxaki ekhoyo.

Isicwangciso sexesha sonyaka weBanga labaQalayo (R) sibizwa ngokuba **yinkqubo yemihla ngemihla,** kwaye iqulethe amasolotya (iikhomponenti) aphambili amathathu, angala: **imisebenzi ekhokelwa ngutitshala, eyesiqhelo nemisebenzi eqaliswa ngabantwana okanye ixesha lokudlala.** Amathuba okufunda iziFundo zolwimi ezizodwa ezikhokelwa ngutitshala ayaveliswa ngexesha lesangqa sokufunda ulwimi (umz. umxholo, ingxoxo yesihloko, isangqa solwimi; iingxoxo zemozulu zemihla-ngemihla; 'ukubalisa' iindaba; iizangqa zemiboniso nokuxela, nexesha lamabali). Ngokuxhomekeke kwinto ekukhethwe ukuba kugxininiswe kuyo (ukutsho oko: utitshala kufuneka abe nembono ecacileyo ngokufunda afuna ukukukhuthaza), imisebenzi yobugcisa, izangqa ezibonakalayo, umculo nezangqa zokubonisa imidlalo, zinganogxininiso lokufunda ngolwimi olulodwa, ngakumbi ekuphuculeni iingqiqo zemithambo yokubona (*perceptual motor concepts*) nezakhono ezixhasa ukufunda okusesikweni.

Imisebenzi yesiqhelo inika amathuba amahle okukhuthaza ngokungalindelekanga izakhono ezahlukileyo zokufunda ulwimi. Umzekelo, endaweni yokuyeka umntwana ame eluhlwini, alinde ukuya egumbini lokuhlambela okanye langasese, utitshala angasebenzisa eli xesha ukukhuthaza ukuqonda ngokukufunda izandi. Bonke abantwana abamagama abo aqala ngo 'S' mabaye egumbini lokuhlamba, kuze ngoku bonke abantwana abamagama abo aqala ngonobumba okanye ngesandi esingu 'N', njalo-njalo. Abanye abantwana bangabe bedlala imidlalo yamagama, okanye bakhuthaze ukumilisela isigama ezingqondweni zabo, njalo-njalo. Amaxesha okuphumla kutyiwa amashwamshwam nokutshayela, anika amathuba afanayo okufunda, njengoko utitshala ekhuthaza ukufunda kudlalwa imidlalo yezandi namagama.

Ngexesha **lokudlala** utitshala angaphuhlisa ukufunda ulwimi ngeendlela ezimbini:

Okokuqala, ngokucwangcisa ikona yokudlala, utitshala unika amathuba okukhetha asekwe kwiintlobo zamathuba okufunda anqwenela ukuwakhuthaza. Ukudlala phandle njengokukhwela kwileli eyenziwe ngomthi okanye ukukhwela kumavili eemoto kungakhulisa isakhono esinjengokusuka ekhohlo uye ekunene, nokusuka ekunene uye ekhohlo. Konke oku ukwenza ngokusebenzisa amalungu omzimba. Bakwanikwa amathuba okunakana amagama noonobumba ngokuvelisa amathuba okuba abantwana bafunde iimpawu zendlela. Imisebenzi yokudlala ngaphakathi eklasini imelwe kukunika amathuba okufunda ngolwimi. Umdlalo wokukhumbula ukhuthaza isakhono sokukhumbula into oyibonileyo, nomdlalo wokulinganisa (ekoneni) ukhuthaza amathuba okuphulaphula nokuthetha.

Indlela yesibini yokukhuthaza ukufunda ulwimi ngexesha lokudlala kukungenelela ngenjongo ethile. Oku kwenzeka ngokuthi, umzekelo, ubuze imibuzo efuna usebenzise ingqondo, ucinge phangaleleyo, wandise nesigama. Ngokunika iingcebiso eziluncedo, umeme abantwana ukuba bacinge ngeempendulo ezizezinye, neendlela zokusombulula iingxaki, utitshala angamkhuthaza umntwana ukuba acinge nzulu ngakumbi ngomcimbi, afumane izizathu ezibhadlileyo ngenkalo akhetha ukuphuma ngazo. Ngalo ndlela asikokufunda ulwimi kuphela, kodwa luphuhliso olupheleleyo oluthi lufumane ingqwalasela ngokusebenzisana kukatitshala nomntwana ukwakha ulwazi.

Oku kungenzeka ngokubuza imibuzo yengqiqo ekhokelela kwiingcinga nesigama esiphangaleleyo. Bakhuthaze abantwana bakwazi ukuzisombululela iingxaki abadibana nazo, banike nezizathu. Ngale ndlela baphuhliswa kwinkalo zonke ingelo luLwimi kuphela.

Kwinkqubo yolwimi yemihla-ngemihla, ezinzileyo, ekwaziyo ukutshintsha ngokuvumela iimeko yoLwimi, amathuba okufunda ulwimi ayafumaneka imini yonke. Ngaxesha nye umthetho-siseko ophambili ekuqiniseni ukufunda kwabaqalayo uyagxininiswa. Abantwana abancinci bafunda kakuhle ngentshukumo nangokusebenzisa izinto

eziphathwayo (*3 dimensional objects*) phambi kwemisebenzi yephepha nepensile (*2 dimensional representational activities*).

Inkqubo yokuHlola kwiBanga labaQalayo (R) mayingabikho sesikweni, nabantwana bangabikho phantsi kox-inzelelo lokubhaliswa uvavanyo. Yiyo loo nto imisebenzi yokuHlola ingafakwanga *kwinkcazelo yePolisi yeKharityh-ulam nokuhlola yeBanga R*. Umsebenzi ngamnye wokuHlola mawucwangciswe ngocoselelo ukuze uquke izakhono ezahlukileyo. Kweli Banga ukuHlola, okuninzi kwenziwa ngokuthi utitshala alolonge, arekhode iziphumo kuluhlu lwezinto ezimele ukwenziwa. Ngoko ke, njengoko unyaka uhamba nje kwakhiwa umfanekiso ogcweleyo wenkqubo yomntwana ngamnye, ndawonye nemingeni ahlangabezana nayo nako konke akwaziyo. Oku kunceda ukuba imin-geni isonjululwe, bathi oko bakwaziyo bakwenze ngokufanelekileyo.

ICANDELO LESI-3: ISICWANGCISO SESIFUNDO SAMABANGA R-3

Inkqubo yemihla ngemihla: ibanga labaqalayo (R)(Ukusuka ± 7:30 - 13:00)



ISICWANGCISO SESIFUNDO SAMABANGA R-3

AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWIMI EMAZIFUNDISWE JIKELELE KULWIMI LWASEKHAYA KWIBANGA LABAQALAYO (R) UKUYA KWELESI-3				
	IBANGA LABAQALAYO (R)	**IBANGA LOKU-1**	**IBANGA LESI-2**	**IBANGA LESI-3**
Ukuphulaphula nokuthetha	• Ukuphulaphula amabali, kuze kwenziwe imidlalo • Ukuphulaphula imiyalelo emifutshane nelula aze asebenze ngayo • Ukuphulaphula aze anakane impinda kwiipateni ezinesingqi esinye, aze alinganise ngokukuko • ukuphulaphula akhumbule amagama alula ngokulandelelana kwawo • Ukubiza nokukhomba amalungu omzimba • Ukucula amaculo alula, aze alinganise, nokwenza izicengcelezo ezilula elinganisa • Ukuphulaphula, akhumbule ukulandelelana kwamagama ngendlela eyiyo • Ukuthetha ngemifanekiso ekwiiphowusta, iitshati zomxholo • Ukubalisa amabali, aze aphinde nawabanye ngawakhe amazwi.	• Ukuphulaphula amabali, avelise izimvo zakhe ngebali • Ukuphulaphula imiyalelo nezibhengezo, aphendule ngokufanelekileyo • Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, benikana amathuba okuthetha nokubuza imibuzo ukuze afumane ingcaciso • Ukuphulaphula onwabele ingxoxo ngemifanekiso, ooqashi-qashi, iziqhulo nephazili • Ukuthetha ngamava akhe nemvakalelo • Ukubalisa ibali, abonise umxholo nesiphelo • Ukuphendula imibuzo • Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo zeklasi • Ukusebenzisa amagama anjengonobumba omkhulu, isingxi, isivakalisi	• Ukuphulaphula amabali nemibongo aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu • Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa ebonisa imbeko kwisithethi • Ukuthetha ngamava akhe • Ukucengceleza ngendlela eyiyo • Ukulandelelanisa iziganeko ebalini • Ukuphulaphula imiyalelo eliqela ze aphendule ngokufanelekileyo • Ukubalisa ibali, abonise isiqala, umxholo nesiphelo	• Ukuphulaphula ukuze afumane ingcinga ephambili, neenkcukacha zebali, kuphendulwe imibuzo evulelekileyo • Ukuthetha ngamava akhe • Ukuphulaphula imiyalelo aphendule ngokufanelekileyo • Ukuphulaphula undoqo nenkcukacha ebalini, aze aphendule nemibuzo • Ukubuza imibuzo yengcaciso aze aphawule. • Ukubonisa imvakalelo ngetekisi anike nesizathu • Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo abuze nemibuzo • Ukuphendula imibuzo anike nezizathu • Ukubonga abonise imvakalelo

AMAGQABANTSHINSTHI NGEZAKHONO ZOLWIMI EMAZIFUNDISWE JIKELELE KULWIMI LWASEKHAYA KWIBANGA LABAQALAYO (R) UKUYA KWELESI-3				
	IBANGA LABAQALAYO (R)	**IBANGA LOKU-1**	**IBANGA LESI-2**	**IBANGA LESI-3**
IZANDI	• Ukuchonga uphinda-phindo lwamagama kwizicengcelezo neengoma eziqhelekileyo umz.Ukuqonda ukuba amagama akhiwe ngezandi, umz. isandi sokuqala kwigama lakhe, umz.**S**indi **;** **L**azola**;** **I**minathi; **A**thi • Ukucakaca izivakalisi zomlomo zibe ngamagama azimeleyo. Umz. **USindi uhlamba izitya. (USindi - uhlamba - izitya)** • Ukwahlula-hlula amagama ngokwamalungu, umz**. U-hla-mba; i-zi-tya.** • Ukuqonda ngokuva nokubona amaqabane nezikhamiso ekuqaleni kwegama • Ukuqonda, ukuphimisela nokubhala bonke oonobumba abakhulu nabancinci be-Alfabhethi (26) A, bu, ci, di, e, fu, gi, ha, i, ji, ki, li, mu, n, o, pi, qi, ri, si, ti, u, vi, wi, xi, yi, zi Qaphela: makufundiswe unobumba omnye ngeveki. Abafundi mabaqanjelwe ingoma ngonobumba	• Uhlaziyo loonobumba abancinci nabakhulu be-Alfabhethi • Ukuchonga nokunakana izikhamiso, umz. **a e i o u** • Ukutshatisa iqabane nesikhamiso, umz. **ma me mi mo mu** • Ukubiza, ukwakha nokubhala amagama besebenzisa amaqabane onke e-Alfabhethi (**oononye) umz** **s b c** **s**ala **b**ala i**c**ala **s**ela **b**eka i**c**eba **s**ula **b**iza i**c**iko **s**usa **b**uka i**c**ulo • Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amabini (**oonombini**) umz. **bh dl** **bh**a**bh**a **dl**ala i**bh**atata **dl**eka i**bh**ekile **dl**isa i**bh**ola **dl**oba **dl**ula i**mf**ama, i**mf**ene, i**mf**uyo, i**ng**oma, i**ng**ubo, i**ng**alo, i**ng**obozi, i**hl**ath**i**, i**hl**obo, i**ph**u**ph**a, i**dy**asi, i**nj**a, igu**sh**a, njalo -njalo Qala ngamagama aqhelekileyo.	• Uhlaziyo lwezandi **ezingoononye,oonombini, oonontathu noonone** ezifundwe kwiBanga loku-1 • Ukufundwa , ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula kusetyenziswa izandi ezifundwe kwiBanga loku- 1.umz U**Si**ph**o** u**dl**ala i**bh**ola. U-A**kh**ona u**hl**a**tyw**e **ng**ameva. I**ng**ozi ye**bh**asi i**sh**iye ii**ngxw**ele**rh**a Gqithela kumagama angaqhele-kanga angoonontathu. umz. **ntl** i**ntl**anzi i**ntl**aka **intl**onti **ngc** i**ngc**aphephe i**ngc**ebiso i**ngc**ondo i**ngc**uka i**ngw**enya, i**ngq**o**ngq**o,i**nkq**ayi, i**nkq**ubo, i**nkx**aso, njalo-njalo Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amane (**oonone**) umz. **nkxw** **nkxw**e	• Ukuhlaziya izandi ezingoononye, oonombini oonontathu noonone ezifundwe kumaBanga loku-1 nele-2 • Gqithela kumagama angaqhelekanga angoonontathu nonone, umz **xhw nkc** i**xhw**ane i**nkc**azelo i**xhw**ayelo i**nkc**aso i**xhw**ele i**nkcenkc**e **xhw**itha i**nkc**iyo i**nkc**ubeko **ngqw ndyw** i**ngqw**ayi-**ngqw**ayi ii**ndyw**ala i**ngqw**angi i**ndyw**abasi i**ngqweqwe** **nyhw** i**nyhw**agi i**nyhw**eba • Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide • Ukusebenzisa zonke izakhono zokupela, umz. kusetyenziswe izijungqe zoonobumba zokulakha igama elingaziwayo, ukukhuphela amagama anobunzima ezincwadini bewajongile, bawabize rhoqo xa bewabhala amagama, bawajonge rhoqo koonotsheluza

AMAGQABANTSHINSTHI NGEZAKHONO ZOLWIMI EMAZIFUNDISWE JIKELELE KULWIMI LWASEKHAYA KWIBANGA LABAQALAYO (R) UKUYA KWELESI-3				
	IBANGA LABAQALAYO (R)	**IBANGA LOKU-1**	**IBANGA LESI-2**	**IBANGA LESI-3**
IZANDI		Amagama mawasetyenziswe kwizivakalisi ezifutshane, umz. I**mf**ama iya**kh**oke**l**wa. Upelo nobizelo luyinxalenye yoku. • Gqithela kumagama angaqhelekanga angoonombini. Umz. ii**mf**uno, uku**rh**ola, **irh**afu, i**bh**adi, **ind**alo, qu**mb**a, i**mf**ama, njalo-njalo • Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amathathu (**oonontathu**) umz. **ngc** **ndl** i**ngc**a i**ndl**ala i**ngc**o**ngc**oni i**ndl**ela uku**ngc**ola i**ndl**ebe, i**ndl**ovu, i**ndl**u, i**ndl**ulamthi **ntl , intl**anzi, i**ntl**aka, i**ntl**oko, **ingx**olo, i**nts**imbi, **tsh**ayela **tsh**isa, i**ngq**aka, i**ngq**ele, **ingq**ondo, i**ngq**olowa njalo-njalo Qala ngamagama aqhelekileyo. Upelo nobizelo luyinxalenye yoku • Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amane (**oonone**) umz. **ngcw,** i**ngcw**aba, i**ngcw**ele • Upelo nobizelo yinxalenye yoku. • Ukwakha izivakalisi ezilula kusetyenziswa izandi ezifundiweyo • Ukulandelelana kwezikhamiso emagameni, umz. kwizininzi nakwizikhuzo (**ii**mfene, **oo**sisi, s**ii!** Yh**oo! Aa!**)	i**nkxw**aleko **ngxw** i**ngxw**aba-**ngxw**aba **ngqw** **ingqw**alasela ii**ngqw**eqwe • Upelo nobizelo lwamagama anezandi ezifundwe kwiBanga loku-1 luyaqhutywa • Ukusebenzisa zonke izakhono zokupela, umz. kusetyenziswe izijungqe zoonobumba zokulakha igama elingaziwayo, ukukhuphela amagama anobunzima ezincwadini bewajongile, bawabize rhoqo xa bewabhala amagama, bawajonge rhoqo koonotsheluza. • Ukubhala izivakalisi nemihlathi emifutshane	• Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kwezabo iincwadi, aze utitshala ajonge ukuba upelo luchanekile na

AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWIMI EMAZIFUNDISWE JIKELELE KULWIMI LWASEKHAYA KWIBANGA LABAQALAYO (R) UKUYA KWELESI-3				
	IBANGA LABAQALAYO (R)	**IBANGA LOKU-1**	**IBANGA LESI-2**	**IBANGA LESI-3**
UKUFUNDA NOKUBUKELA	**Izakhono zokufunda kwabaqalayo** • Ukuchonga izinto emifanekisweni • Ukulandelelanisa imifanekiso yebali • Ukutolika imifanekiso • Ukulinganisa ibali, iculo, isicengcelezo • Ukubamba incwadi nokuyityhila ngokufanelekileyo • Ukuqonda igama lakhe nawabanye • Ukufunda amagama aqhelekileyo **Ukufunda notitshala** • Ukufunda incwadi enkulu, iphowusta, nesicengcelezo • Ukuxoxa ngabalinganiswa ebalini • Ukuqikelela okuthethwa libali • Ukuphendula imibuzo engebali • Ukuzoba imifanekiso ngoyena ndoqo ebalini	**Izakhono zokufunda kwabaqalayo** • Ukubamba incwadi nokuyityhila ngokufanelekileyo • Ukuqikelela ibali kwiqweqwe lencwadi • Ukufunda okubhaliweyo jikelele • Ukuqonda igama lakhe nawabahlobo bakhe • Ukufunda ngengqiqo yokwalathisa, umz. ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi **Ukufunda notitshala** • Ukufunda incwadi enkulu ngamaqela • Ukusebenzisa imifanekiso neqweqwe lencwadi ukuqikelela ibali • Ukuchonga abalinganiswa abaphambili bebali • Ukulandelelanisa iziganeko zebali • Ukuqonda unobangela nesiphumo ebalini • Ukunika izimvo zakhe ngokufundiweyo • Ukuphendula imibuzo ngebali • Ukutolika imifanekiso nephowusta, umz. ikhalenda	**Ukufunda notitshala** • Ukufunda incwadi enkulu netekisi eyinyani nengeyonyani, imibongo, namaculo • Ukusebenzisa izikhokelo ezibonwayo ukuqikelela ibali • Ukuchonga okuphambili kokufundiweyo ngebali • Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu • Ukubonisa imvakalelo ngebali axhase izimvo zakhe • Ukuxoxa ngeenkcubeko ezikwibali • Ukubonisa ulwazi lweziphumlisi • Ukutolika imifanekiso nokushicilelweyo, umz. iifoto, amaphephandaba, iimagazini neentengiso • Ukufunda yedwa	**Ukufunda notitshala** • Ukufunda incwadi enkulu netekisi eyinyani nengeyonyani, amaphephandaba, ingxoxo phakathi kwababini, imibongo, amaculo nekhompyutha • Ukuchonga okuphambili kokufundiweyo ngebali, abadlali abaphambili, isimo sentlalo nempixano • Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngokufundiweyo • Ukufunda imibongo eyahlukileyo ngesihloko esinye • Ukusebenzisa izikhokelo ezibonwayo ukuqikelela ibali, isibhengezo, isimemo, iimephu neetshati • Ukufumana nokusebenzisa oovimba bolwazi, umz. ithala leencwadi neenkonde (inyathi ibuzwa kwabaphambili) • Ukusebenzisa isiqulatho, isalathiso ukufumana ulwazi • Ukusebenzisa isichazi-magama ukufumana intsingiselo yamagama amatsha • Ukuzifundela afundele nabahlobo bakhe

AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWIMI EMAZIFUNDISWE JIKELELE KULWIMI LWASEKHAYA KWIBANGA LABAQALAYO (R) UKUYA KWELESI-3				
	IBANGA LABAQALAYO (R)	**IBANGA LOKU-1**	**IBANGA LESI-2**	**IBANGA LESI-3**
UKUFUNDA NOKUBUKELA (kuyaqhubeka)	**Ukufunda yedwa** • Ukufunda incwadi zemifanekiso	**Ukufunda neqela** • Ukufunda ngokuvakalayo ngoncedo lukatitshala • Ukusebenzisa izandi, izikhokelo namagama abonwa rhoqo xa efunda • Ukufunda ngotyibiliko olukhulayo nemvakalelo • Ukuzilungisa xa efunda, kunakano lwamagama nengqiqo • Ukubonisa ulwazi lweziphumlisi xa efunda ngokuvakalayo **Ukufunda ngababini nayedwa** • Ukufunda akubhalileyo alungise iziphoso zakhe • Ukufunda yedwa iincwadi ebezifundwa notitshala, ezinemifanekiso elula nezo zaseklasini	**Ukufunda neqela** • Ukufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo iincwadi eziyinyani nezingeyo nyani ngoncedo lukatitshala • Ukusebenzisa amagama abonwa rhoqo, izandi nezakhono zengqiqo, ezezicatshulwa ukunika intsingiselo • Ukufunda ngotyibiliko nesantya esikhulayo esebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa isakhono sokuzilungisa xa efunda **Ukufunda ngababini nayedwa** • Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye • Ukufundela umlingane ngokuvakalayo • Ukufunda yedwa eziyinyani nezingeyonyani neekhomikhi • Ukudlala imidlalo yokufunda bagqibezele iphazili	**Ukufunda neqela** • Ukufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo iincwadi eziyinyani nezingeyo nyani ngoncedo lukatitshala, kufundwa ibali elifanayo • Ukusebenzisa izandi nemeko yokusebalini xa efunda amagama angaqhelekanga • Ukusebenzisa isakhono sokuzilungisa xa efunda • Ukusebenzisa imizobo yeetekisi ukufumana intsingiselo • Ukufunda ngotyibiliko nesantya esikhulayo ebonisa uvakalelo **Ukufunda ngababini nayedwa** • Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye • Ukufundela umlingane ngokuvakalayo • Ukufunda yedwa eziyinyani nezingeyonyani neekhomikhi • Ukudlala imidlalo yokufunda bagqibezele iphazili

AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWIMI EMAZIFUNDISWE JIKELELE KULWIMI LWASEKHAYA KWIBANGA LABAQALAYO (R) UKUYA KWELESI3				
	IBANGA LABAQALAYO(R)	**IBANGA LOKU-1**	**IBANGA LESI-2**	**IBANGA LESI3**
UKUBHALA NGESANDLA	• Ukuphuhlisa ukusetyenziswa kwamalungu ezandla, umz. ukubumba ngomdongwe • Ukuphuhlisa ukusetyenziswa kweminwe, kwizikere, kwimifanekiso nakubume • Ukuphuhlisa unxibelelwano phakathi kwemehlo nesandla, umz. ukugibisela phezulu ibhola nokuyibamba, ukuzoba • Ukutreyisa imifanekiso, iipateni, izandi kumagama abo • Ukwakha oonobumba besebenzisa ukupeyinta, iibrashi neekhrayoni • Ukukopa iipateni, amagama noonobumba abancinane nabakhulu • Ukusebenzisa iintlobo ngeentlobo zezixhobo zokubhala	• Ukuziqhelisa ukubamba nokusebenzisa iikhrayoni neepensile • Ukuziqhelisa ingqiqo eqalayo yokwalatha, ukususka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi • Ukuphuhlisa unxibelelwano phakathi kwemehlo nesandla ngokuzoba iipateni nokutreyisa • Ukukhuphela abhale igama lakhe, amafutshane nezivakalisi • Ukuqalisa ukubonisa okubhaliweyo ngemizobo akhuphele oonobumba namanani • Ukubhala oonobumba abancinane nabakhulu ngotyibiliko nangokufanelekileyo • Ukubhala amanani ngokufanelekileyo • Ukubhala izivakalisi ezifutshane ngokufanelekileyo	• Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo • Ukubhala ngokwamkelekileyo kwimigca yencwadi (17mm) • Ukubhala oonobumba abancinane nabakhulu eshiya izithuba ngokufanelekileyo • Ukubhala ngokungadibanisi bonke oonobumba abakhulu nabancinci • Ukukhuphela umhlathi omnye (imigca emi-3 ukuya kwe- 4) • Ukubhala izimemo, imiyalezo noluhlu lwezinto bengadibanisi • Ukukhuphela iipateni ngokudibanisa • Ukukhuphela oonobumba abancinane nabakhulu abaqhelileyo ngokudibanisa • Ukukhuphela afunde amagama amafutshane abhalwe ngokudibanisa • Ukubhala izivakalisi ezifutshane ngokudibanisa	• Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo. • Ukubhala isivakalisi ngokufanelekileyo ngkudibanisa nokungadibanisi esebenzisa oonobumba abancinane nabakhulu. • Ukubhala amagama amafutshane ngokudibanisa. • Ukukhuphela amagama nezivakalisi • ngokudibanisa • Ukubhala ngokudibanisa, umhla, igama lakhe nezinye iitekisi • Ukukhuphela iitekisi ebhodini, kwincwadi nakumakhadi ngokufanelekileyo • Ukubhala ngokuzithemba nangesantya esikhulayo ngokudibanisa • Ukubhala besebenzisa iipeni

AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWIMI EMAZIFUNDISWE JIKELELE KULWIMI LWASEKHAYA KWIBANGA LABAQALAYO (R) UKUYA KWELE I - 3				
	IBANGALABAQALAYO (R)	**IBANGA LOKU—1**	**IBANGA LESI-2**	**IBANGA LESI-3**
UKUBHALA	• Ukuzoba bapeyinte imifanekiso bedlulisa imiyalezo • Ukukhuphela oonobumba ababaziyo kumagama abo • Ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi • Ukuthatha inxaxheba kubhalo lweklasi ngemizobo • Ukuzama ukubhala oonobumba esebenzisa imibhalo mizobo • Ukuthetha ngakubhalileyo	• Ukuzoba imifanekiso bedlulisa imiyalezo ngamava abo • Ukuthatha inxaxheba ekuphononongeni ibali leqela eklasini • Ukukhuphela izivakalisi ebhodini okanye itshati ngokufanelekileyo • Ukubhala umyalezo ekhadini • Ukubhala izivakalisi ezifutshane okanye izihloko ezifutshane • Ukubhala izivakalisi zakhe esebenzisa oonobumba abakhulu, neziphumlisi • Ukubhala izivakalisi esebenzisa izandi namagama afundiweyo • Ukubhala izibizo nezimelabizo ngoncedo • Ukuqalisa ukusebenzisa ixesha langoku nelidlulileyo xa ebhala • Ukubhala isininzi, apele namagama ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa izihlanganisi ngokufanelekileyo • Ukwakha isichazi-magama nebhanki yakhe yamagama	• Ukuthatha inxaxheba ekwakheni ibali leklasi • Ukubhala umbongo olula nezinye iitekisi (amakhadi okuzalwa neeleta) • Ukubhala imihlathi emibini ngamava akhe neziganeko (izivakalisi ezili-10) • Ukudrafta, ukubhala nokupapasha amabali akhe (imihlathi emi-2) • Ukubhala incwadi ngesihloko asinikiweyo esebenzisa amanqanaba okubhala (ukudrafta, ukubhala nokuhlela) • Ukusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo • Ukupela amagama aqhelekileyo, alinge angaqhelekanga esebenzisa ulwazi lwezandi • Ukusebenzisa ixesha langoku , elidlulileyo nelizayo ngokufanelekileyo xa ebhala • Ukusebenzisa izihlanganisi, izibizo, izenzi nezimelabizo ngokufanelekileyo • Ukwakha isichazi-magama nebhanki yakhe yamagama • Ukusebenzisa isichazi-magama	• Ukuthatha inxaxheba ekwakheni ibali leklasi • Ukuyila, uqokelele ulwazi ulungiselela ukubhala • Ukubhala iitekisi ezimfutshane ngezizathu ezahlukileyo • Ukubhala ngamava akhe ngeendlela-ngeendlela • Ukudrafta, ukubhala nokupapasha amabali akhe, imihlathi emibini (izivakalisi ezili-12 ubuncinane) • Ukubhala azobe izivakalisi ngesihloko ukwenza incwadi yeklasi • Ukugcina idayari yeveki • Ukushwankathela nokurekhoda ulwazi, umz. isazobe sokucinga /imephu yengqondo • Ukusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa izihlanganisi ukwakha izivakalisi ezimbaxa • Ukusebenzisa ulwazi lwezandi nemigaqo yopelo ukubhala amagama anobunzima • Ukusebenzisa isichazi-magama

3.1 IBANGA LABAQALAYO (R)

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA **IIMFUNO NGOKWEKOTA**
IXESHA ELICETYISWAYO NGEVEKI: iiyure ezisi-10 **IXESHA ELICETYISWAYO NGOSUKU: iiyure ezisi-2** **Iqukwe e kwinkqubo yemihla ngemihla**
IKOTA -YOKU-1
Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali)
Umxholo/lingqiqo/ Izakhono: **Imisebenzi yemihla ngemihla kwiinkalo zoLwimi nezinye izifundo.** **Le misebenzi ilandelayo ingenziwa nangaliphi na ixesha okanye ngawo onke amaxesha esangqa, eklasi yabaqalayo (R), umz. umculo, intshukumo, ezenzululwazi, ulwimi, iindaba, umboniso nokuthetha, ibali neminye imisebenzi yokuzenzela. Kwibanga labaqalayo (R), ukufunda ngokuphatha, ngokuphulaphula, ngokubona, nokungcamla (perceptual work) kubaluleke kakhulu kuba kuko okulungiselela isiseko sekamva lemfundo kwixesha elizayo. Qiniseka ukuba ixesha elaneleyo lichithwa ekwakheni ezi zakhono yonke imihla, kude kuphele unyaka.** • Ukuphulaphula ngenyameko imibuzo elula, nezibhengezo, aze aphendule ngokufanelekileyo. • Ukuphulaphula imiyalelo emifutshane nelula, aze asebenze ngayo. • Ukuphulaphula aze anakane impinda kwiipateni ezinesingqi esinye, (**umz. gqum, gqum, gqum liyaduduma),** aze alinganise ngokukuko. • Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa. • Ukuphulaphula ngolonwabo amabali amafutshane, aze angenelele kwiikhorasi ngexesha elililo. • Ukucula amaculo alula, aze alinganise ngoncedo, **(umz. Imvul 'amanzi, imvula; Chapha, chapha imanz'ilokhwe yam…).** • Ukwenza izicengcelezo ezilula elinganisa ngoncedo. • Ukuphulaphula, akhumbule ukulandelelana kwamagama ngendlela eyiyo. • Ukwakheka kwesakhono sokuchonga nokuqaphela esona sandi (i**k**etile, u**k**umkani, i**k**ayiti njalo-njalo; nokuqaphela ilizwi likatitshala kumazwi awavayo. • Ukuthetha ngemifanekiso ekwiiphowusta, iitshati zomxholo, iincwadi eziphuhliswa **ngemixholo emihlanu ngekota**. • Ukubalisa amabali, aze aphinde awabanye ngawakhe amazwi. **Ukusebenzisa ulwimi ekwakheni iingqiqo kwizifundo zonke:** • Ukubonisa ukwanda kolwazi lwabo lwesigama esinjengesi: umlinganiselo, ubukhulu, isimo, ukwalathisa, umbala, isantya, ixesha, ubudala nolandelelwano, njl). **Ukusebenzisa ulwimi, ukucinga nokuqiqa:** • Ukuchonga nokuchaza imfano neyantlukwano. • Ukutshatisa izinto ezihambelanayo, aze athelekise izinto ezahlukeneyo. • Ukuhlela izinto ezihambelanayo, umz. ukubeka iithoyi okanye izinto zokudlala ebhokisini yazo, iincwadi ezishelufini ngokweendawo zazo; iikhrayoni kwiibhokisi zazo, ukubeka izinto ngokwemibala yazo njalo-njalo). • Ukuchonga inxalenye kokupheleleyo, umz.ukuchaza akhombe amalungu omzimba, ebhayisikile, njalo-njalo **Ukusebenzisa ulwimi ukuphanda nokuphononongo:** • Ukubuza imibuzo. • Ukunika ingcaciso. • Ukusombulula agqibezele neephazili, **ubuncinane amaqhekeza ama-5 nangaphezulu.** **Ukulungisa ulwazi:** • Ukuchonga ulwazi olukhethekileyo kwinkcaza. **Ukusebenzisa izikhokelo ezibonwayo nezemifanekiso ukunika intsingiselo:** • Ukuqonda aze achonge izinto eziqhelekileyo okanye ezifanayo emifanekisweni. • Ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yokubona nokuchonga izinto emfanekisweni ngokobume bazo. • Ukwenza okanye ukudlala imidlalwana enjengo: "Iphi?" (ukufumana into efihliweyo eklasini ngokuyichaza).

- Ukubeka imifanekiso emithathu ephuhlisa ibali, ibonisa ukulandelelana kweziganeko, alibalise ibali elo ngomlomo.
- Ukwenza imidlalo yokwahlula oonobumba namagama ngeendlela ezahlukeneyo, umz. bahlele izinto ezifanayo, bajonge ukulandelelana kwemifanekiso ephantse ifane, bachonge enomahluko, banike nesizathu.
- Ukukhumbula into ayibonileyo kumdlalo wokukhumbula, umz. ukubeka izinto ezahlukeneyo phezu kwetafile, uze uzithathe, uphinde umbuze ukuba ibiziintoni na?
- Ukusebenzisa isakhono ukugqibezela umfanekiso, umz. ukugqibezela iphazili okanye umfanekiso ngexesha lokudlala.

UKUHLOLA

lingcebiso zokuhlola

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali kunye/okanye nezenziwayo

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukuphulaphula ngenyameko kwimibuzo elula, nezibhengezo, aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukucula nokucengcelelza amaculo alula, aze alinganise ngoncedo, umz. **Imvul 'amanzi, imvula**.
- Ukuphulaphula ngolonwabo amabali amafutshane, aze angenelele kwiikhorasi ngexesha elililo.
- Ukubalisa amabali, aze aphinde nawabanye ngawakhe amazwi.
- Ukubonisa ukwanda kolwazi lwabo lwesigama, (umz. umlinganiselo, ubukhulu, isimo, ukwalathisa, umbala, isantya, ixesha, ubudala nolandelelwano, njl).
- Ukuchonga nokuchaza imfano neyantlukwano.
- Ukuchonga inxalenye kokupheleleyo, umz. ukuchaza akhombe amalungu omzimba, ebhayisikile, njalo-njalo.
- Ukusebenzisa ulwimi ukunika inkcaza.
- Ukusombulula agqibezele iiphazili, ubuncinane amaqhekeza amahlanu (5) nangaphezulu.
- Ukuqonda aze achonge izinto eziqhelekileyo okanye ezifanayo emifanekisweni.

Sebenzisa itsheklisti nerubhriki equlethe konke ukuhlola imisebenzi yolwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YOKU-1

UKUFUNDA OKUPHUHLISWAYO:

Umxholo/lingqiqo/ Izakhono:

Ukufunda:

Izakhono zokufunda okuphuhliswayo

- Ukukhulisa ukubalekisa iliso ngokukuko, umz. ukulandela ibhola ejingayo ngeliso ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.
- Ukuthatha inxaxheba kwizifundo ezibonisa ingqiqo yokwalathisa, umz. ukuhambisa umzimba ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi.
- Ukwahlula phakathi kobume boonobumba namagama (umz. ukubeka kunye izinto ezifanayo, ukulandelelanisa imifanekiso ngokukuko, ukuchonga umfanekiso owahlukileyo).
- Ukubeka imifanekiso emithathu ephuhlisa ibali, ebonisa ukulandelelana kweziganeko, alibalise ibali elo ngomlomo.
- Ukusebenzisa isakhono sokukhumbula izinto azibonileyo ezinjengezi: oonobumba, iimilo nezinto eziphathekayo.
- Ukugqibezela umfanekiso obonakalayo, umz. ukwakha iphazili, ukugqibezela umfanekiso.
- Ukubamba incwadi ngendlela eyiyo, nokuyityhila amaphepha ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukuqikelela ukuba ibali lingantoni, umz. ukufunda imifanekiso nezihloko zayo, ebonisa ulwazi lokuba imifanekiso namagama zizinto ezahlukileyo, kodwa zizalana.
- Ukwakha ibali lakhe 'ngokufunda' imifanekiso.
- Ukulinganisa ngathi uyafunda, aphimisele nelizwi lomntu ongofundayo.
- Ukuqonda igama lakhe, namagama abanye eklasini.
- Ukutshatisa amagama ezinto namagama abekwe kuzo njengamakhadi anamagama: itafile, umnyango, ifestile njalo-njalo.

Ukuqala ukwenza okanye ukuqonda intsingiselo kwiitekisi ezibhaliweyo:

- Ukuqonda ukuba amagama anika intsingiselo njengokuba igama elibhaliweyo lingabonisa igama lomntu.
- Ukuqonda igama lakhe namagama abanye abantwana beklasi, amahlanu ubuncinane.
- Ukuqonda ukuba amagama abhaliweyo akwangalawo athethwayo.
- Ukufunda amagama abonwa rhoqho, umz. igama lakhe, okushicilelwa kwiimeko-bume, umz. inyala, inkomanzi,amasi asekhaya, mona,njalo-njalo.

Ukufunda notitshala

Imisebenzi ethabatha imizuzu eli-15 kabini nakathathu ngeveki, kusetyenziswa iitekisi ezibhalwe ngamagama amakhulu ezinjengeeNcwadi eziNkulu, iiphowusta zamaculo nezicengcelezo. Utitshala ubonisa iklasi yonke indlela yokufunda ngexesha lengxoxo okanye lesangqa, ubuncinane iindibano ezimbini kwiXesha eliGxininisayo lokuFunda uLwimi.

Kusetyenziswe iiNcwadi eziNkulu zibe ntlanu (5) ubuncinane ngekota.

- Ukufunda iitekisi ezimagama makhulu, ezinjengemibongo, izibongo, iincwadi ezinkulu zokufunda neephowusta, kufunda iklasi yonke notitshala.
- Ukuxoxa aze achaze abalinganiswa ebalini.
- Ukuzoba imifanekiso ukuphuhlisa undoqo okanye ingcinga ephambili yamabali, amaculo nezicengcelezo.
- Ukulandelelanisa imifanekiso yebali ngokukuko.
- Ukubonisa okuthethwa libali ngentshukumo nangemidlalo okanye izangqa.

Ukufunda yedwa:

- Ukuzifundela iincwadi zolonwabo kumathala eencwadi naseklasini.

Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi

Imisebenzi yemihla ngemihla imizuzu eli-15.

Imisebenzi emininzi yezandi inokwenziwa ngexesha lemisebenzi yemihla ngemihla, umz. ukuya ngasese, ukuhlamba izandla, ukutya, nangexesha lezangqa.

- Ukwahlula indlela yokuphimisela izandi ngakumbi ekuqaleni kwegama lakhe. umz. **S**indi, **L**azola, **I**minathi, **A**thi.
- Ukwazi ukuba izivakalisi zakhiwe ngamagama, **umz. . USindi uhlamba izitya (amagama ama-3).**
- Ukwahlula izandi zamagama amaninzi athethwayo ngokwamalungu ngokuqhwaba, **umz. USindi uhlamba izitya.**

(u-Si-ndi; u-hla-mba; i-zi-tya).

- Ukufunda oonobumba aba - 8 ubuncinane ngekota **(l, m, b, s, d, c, t, o)** babanakane, babunjwe, babhalwe emoyeni, emaphepheni, esantini, emhlabeni nasezincwadini zabo.

Qaphela: Ezi zizandi zomlomo emazifundwe emagameni kweli banga.

Ukunxulumanisa izandi noonobumba namagama:

- Ukuqonda ukuba amagama akhiwe zizandi, umz. isandi sokuqala kwigama lakhe.

UKUHLOLA

Iingcebiso zokuhlola

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali kunye/okanye nezenziwayo.

Khangela / Qwalasela oku

- Ukwahlula indlela yokuphimisela izandi ngakumbi ekuqaleni kwegama lakhe.
- Ukwahlula izandi zamagama amaninzi athethwayo ngokwamalungu ngokuqhwaba, **umz. USindi uhlamba izitya.**

(u-Si-ndi; u-hla-mba; i-zi-tya).

- Ukuqonda, ukuchonga nokubhala oonobumba abafundiweyo **(l, m, b, s, d, c, t, o)**

Sebenziza itsheklisti nerubhriki equlethe konke ukuhlola imisebenzi yoLwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YOKU-1

UKUBHALA OKUPHUHLISWAYO

Umxholo/lingqiqo/ Izakhono:

Ukubhala ngesandla okuphuhliswayo :

Imisebenzi yemihla ngemihla kwiinkalo zonke zoLwimi nakwezinye izifundo.

Imisebenzi yobugcisa nezangqa zomculo zinika amathuba okuphuhlisa ukusetyenziswa kwamalungu ezandla:

- Ukuphuhlisa ukusetyenziswa kweminwe (fine motor), umz. ukubumba umdongwe neplastisini, ukudlala ipiyano emoyeni, nokuvala iibhowuthi.
- Ukuphuhlisa ubuchule bokuqinisa iminwe (fine motor),ukudlala ngeenvano-siphelo usebenzisa iminwe, ukuqengqa iibhola ezenziwe ngamaphepha amancinci phakathi kweminwe njalo njalo
- Ukuphuhlisa ubuchule bokuqinisa iminwe umz. ukusika ngesikere amafrili kwiimethi zephepha.
- Ukuphuhlisa unxibelelwano phakathi kweliso nesandla, umz. ukudlala ngokuphosa nokubamba okanye ukuganga ibhola, nezamaphepha njalo-njalo nangokuzoba ngekhrayoni, asebenzise ipeyinti, okanye ngexesha lemidlalo yaphandle.
- Ukuphuhlisa ingqiqo yokwalathisa, umz. ukuhambisa amalungu omzimba ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu naphantsi.
- Ukwenza oonobumba ngeendlela ezahlukileyo esebenzisa umzimba wakhe umz. ukukhomba amagama esebenzisa umzimba wakhe " I"
- Ukutreyisa imizobo elula yemifanekiso, iipateni namagama abo umz. kuboniswa apho kuqalwa khona xa kubhalwa, nengqiqo yokwalathisa xa kubhalwa.
- Ukukhuphela iipateni kwiphegi-bhodi.
- Ukusebenzisa iintlobo-ntlobo zezixhobo zokubhala, umz. iibhrashi zepeyinti, iikhrayoni ezingqingqwa njalo-njalo ngexesha lokudlala eklasini.
- Ukulinganisa ukubhala esantini.

Ukubhala okuphuhliswayo :

- Ukuzoba, aqabe imifanekiso ukudlulisa imiyalezo ngexesha lemisebenzi yobugcisa (creative art), umz. ngamava akhe.
- Ukuqonda ukuba ukubhala nokuzobo zizinto ezahlukileyo, ukunga uyabhala, esenza imikrwelo-mizobo (squiggles).
- Ukufunda akubhalileyo umz. efunda imikrwelo-mizobo ukuba ithini na.
- Ukulinganisa ukubhala, kwimeko yokudlala umz. ukubhala imiyalezo yemfono-mfono, ukubhala itikiti legosa lezendlela njalo-njalo.
- Ukukhuphela oonobumba abaziyo kwigama lakhe ngathi ubhala ngokwenene, ekhuphela igama lakhe.
- Ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi.
- Ukuthatha inxaxheba ngokuza nezimvo zakhe ukwenza incwadi yamabali yeklasi ngemizobo.

Ukusebenza ngamagama:

- Ukwenza ingqokelela yamagama: aqala ngesandi esinye okanye esifanayo, umz. Sisa, Suseka, Siphelele, Mandla, Mpho, Mondi njalo-njalo.
- Ukuchonga amagama abo kokubhaliweyo.

UKUHLOLA

lingcebiso zokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni

Ezeorali kunye/okanye nezenziwayo

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukuzoba, aqabe imifanekiso ukudlulisa imiyalezo ngexesha lemisebenzi yobugcisa (),umz. ngamava akhe.
- Ukwenza oonobumba ngeendlela ezahlukileyo esebenzisa umzimba wakhe, umz. ukukhomba amagama esebenzisa umzimba wakhe “l”.
- Ukulinganisa ukubhala esantini.
- Ukuqonda ukuba ukubhala nokuzoba zizinto ezahlukileyo: ukunga uyabhala, esenza imikrwelo-mizobo.
- Ukufunda akubhalileyo, umz. efunda imikrwelo-mizobo ukuba ithini na.
- Ukusebenzisa iintlobo-ntlobo zezixhobo zokubhala umz. iibhrashi zepeyinti, iikhrayoni ezingqingqwa njl. ngexesha lokudlala eklasini.

Sebenziza itsheklisti nerubhriki equlethe konke ukuhlola imisebenzi yoLwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI - 2

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZEORALI)

Umxholo/Ingqiqo/Izakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla kuyo yonke imiba yoLwimi nezinye izifundo.

Le misebenzi ilandelayo ingenziwa nangaliphi na ixesha okanye ngawo onke amaxesha emijikelo yiyo yonke iklasi yabaqalayo (R), umz. umculo, intshukumo, ezenzululwazi, ulwimi, iindaba, ukubonisa nokuthetha, ibali, neminye imisebenzi yokuzenzela.

- Ukuphulaphula imiyalelo emibini ukuya kwemithathu nezibhengezo, aze aphendule ngokufanelekileyo, umz. ukuqokelela iikhrayoni uzifake kwibhokisi yazo.
- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa benikana amathuba okuthetha.
- Ukuphulaphula amabali awalinganise.
- Ukubalisa amabali, aze abalise nawabanye ngawakhe amazwi.
- Ukucula amaculo, acengceleze esenza nezilinganiso kunye neklasi.
- Ucengceleza imibongo okanye imihobe besenza izilinganiso ngokwamaqela.
- Ukulandelelanisa imifanekiso yebali.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo abuze nemibuzo.
- Ukuthetha ngemifanekiso kwiiphowusta, iitshati zemixholo, neencwadi ezibhekiselele ubuncinane kwimixholo emi- 5 ngekota.
- Ukuphulaphula, aze akhumbule ukulandelelana kwamagama alula ngokukuko.

Ukusebenzisa ulwimi ukwakha izakhono zengqiqo:

- Ukusebenzisa ulwimi ukwakha izakhonozengqiqo kuzo zonke izifundo, umz. ubungakanani okanye ubuninzi, ukwalathisa, ixesha, ukulandelelana, umbala, ubudala.

Ukusebenzisa ulwimi ukuqiqa nokucinga:

- Ukuchonga nokuchaza imfano neyantlukwano.
- Ukutshatisa izinto ezihamba kunye, aze athelekise ezahlukileyo.
- Ukuhlela izinto ngokombala, ngokwemilo, ngokobuncinane nobukhulu bazo.
- Ukuchonga inxalenye kokupheleleyo, umz. amalungu omzimba anjengengqiniba, isihlahla, idolo, njalo-njalo.

Ukusebenzisa ulwimi ukuphanda nokuphononononga:

- Ukubuza imibuzo nokukhangela ingcaciso.
- Ukunika ingcaciso ubuze wakungaqondi.
- Ukusombulula iiphazili ezimaqhekeza alishumi nangaphezulu.

Ukulungisa ulwazi:

- Ukuchonga ulwazi olukhethekileyo kwinkcaza.

Ukusesebenzisa izikhokelo zokubonwayo nemifanekiso:

- Ukuqwalasela ngononophelo imifanekiso, aze athethe ngamava akhe ngezinto eziqhelekileyo.
- Ukufumana imizobo ekhethekileyo phakathi kwemifanekiso efihlakeleyo.
- Ukwenza imidlalo enjengokufuna into efihlakeleyo phakathi kwezinye izinto eklasini.
- Ukwahlula phakathi kwemilo yoonobumba namagama, akwazi ukuchonga imfano neyantlukwano, aze akhethe izinto ezahlukileyo, achaze ukuba zahluke njani.

Ukulandelelanisa imifanekiso ngokukuko, aze abalise ibali ngayo.

UKUHLOLA

lingcebiso ngokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo

Khangela / Qwalasela oku

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa benikana amathuba okuthetha.
- Ukucula amaculo, acengceleze esenza nezilinganiso kunye neklasi.
- Ukwenza izicengcelezo nemibongo okanye imihobe besenza izilinganiso ngokwamaqela.
- Ukubalisa amabali aze abalise nawabanye ngamazwi akhe.
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo zaseklasini abuze nemibuzo.
- Ukusebenzisa ulwimi ukwakha izakhono kuzo zonke izifundo, umz. ubungakanani okanye ubuninzi, ukwalathisa, ixesha, ukulandelelana, umbala, ubudala.
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo, abuze nemibuzo.
- Ukufumana imizobo eyiyo phakathi kwemifanekiso efihlakeleyo.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI - 2

UKUFUNDA OKUPHUHLISWAYO

Umxholo/Ingqiqo/Izakhono:

Ukufunda:

Ukufunda okusaphuhkiswayo :

- Ukubaleka kweliso ngokukuko (umz. ukulandela ngamehlo ibhola ukusuka ekhohlo ukuya ekunene).
- Ukwenza imisebenzi yokuphuhlisa ingqiqo yokwalathisa, umz. ukubeka iibhloko ukusuka ekhohlo ukuya ekunene nokusuka phezulu usiya emazantsi.
- Ukubamba incwadi ngendlela eyiyo, ayityhile ngendlela efanelekileyo xa afundayo.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukuqikelela ukuba ibali lingantoni na, umz. ufunda, imifanekiso ajonge amagama nemifanekiso aze aqonde ulwalamano phakathi kwazo, asebenzise imifanekiso ukwakha ingcinga nokukhomba emagameni kunokukhomba emifanekisweni xa efunda.
- Ukutolika imifanekiso ukwakha ibali lakhe, “afunde” imifanekiso.
- Ukulinganisa ukufunda, ephimisela nelizwi lomntu onga uyafunda.
- Ukuqonda ukuba okushicilelweyo kuqulathe intsingiselo, umz. ukuba igama elibhaliweyo lingaxela igama lakhe, amagama abanye abantu, iindawo nezinto.
- Ukuqonda igama lakhe, namagama ubuncinane namahlanu abahlobo bakhe eklasini.
- Ukufunda oonotsheluza abasingisele kumxholo nezihlokwana ezilula kunye neqela lakhe ngoncedo lukatitshala.
- Ukuqonda ukuba amagama abhaliweyo akwangamagama athethwayo, umz. iindaba zemihla ngemihla ezibhalwa ngutitshala ngeli xa umfundi ethetha.
- Ukufunda amagama aqhelekileyo kakhulu afana namagama abahlobo, ikhalenda namagama axela imo yezulu.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukufunda izihlokwana ezilula, iincwadi ezinezihloko kuphela,
- umz. Inja uTshampiyoni - iphepha elinomfanekiso wenja.
- Ukulinganisa iindawo ezithile ebalini, iingoma okanye izicengcelezo.
- Ukuphulaphula nokuthabatha inxaxheba kwiingxoxo nezicatshulwa azifundelweyo okanye azibaliselweyo ngokuvakalayo, umz. ukukhumbula iinkcukacha kunye nondoqo ebalini.
- Ukuthetha ngeetekisi, umz. amabali - esebenzisa amagama anjengo “ekuqaleni”, “phakathi” “isiphelo”, “isandi, “igama”, “unobumba”, “isicengcelezo”.

Ukufunda notitshala

Imisebenzi yokufunda iitekisi ezimagama makhulu njengezicatshulwa, iincwadi ezinkulu, iitshati, imizuzu eli-15, kabini okanye kathathu ngeveki. Utitshala ubonisa indlela eyiyo yokufunda namaqela ngexesha leengxoxo okanye lokufunda, esebenzisa iincwadi ezimagama makhulu ezi - 5 ubuncinane ngekota.

- Ukufunda iitekisi ezimagama makhulu ezinjengezicatshulwa, imibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, iitekisi zekhompyutha, befunda beyiklasi bencediswa ngutitshala.
- Ukuxoxa nokuchaza abalinganiswa emabalini.
- Ukuzoba imifanekiso enika undoqo okanye ingcinga ephambili emabalini, amaculo nezicengcelezo.
- Ukulandelelanisa imifanekiso esakha ibali ngayo, aze alifunde**.**
- Ukubonisa ukulilandela ibali okanye isicengcelezo nengoma ngentshukumo nemidlalwana, umz. isicengcelezo okanye ingoma : **‘Intloko namagxa, amadolo neenzwane, amadolo neenzwane’**
- Ukuqikelela ukuba kuza kwenzeka ntoni na ebalini, esebenzisa iitekisi nemifanekiso eqhelekileyo.
- Ukulandela ibali ngokubonisa ngobugcisa, umz. ukuzoba ngepeyinti umfanekiso webali.

Ukufunda yedwa:

- Ukufunda yedwa iincwadi ngenjongo yokuzonwabisa kwithala leencwadi eliseklasini yakhe, okanye naphi na.

Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi.

Imisebenzi yemihla ngemihla, imizuzu eli-15.

Imisebenzi emininzi yezandi edweliswe ngezantsi ingenziwa ngexesha lemisebenzi yesiqhelo nangexesha lezangqa:

- Ukwahlula ngokuphulaphula izandi ngakumbi ekuqaleni kwamagama.
- Ukuphulaphula igama elahlukileyo kulandelelwano lwamagama aqala ngesandi esinye, umz. cula, coca, **s**usa, cinga njl, okanye axele ukuba izandi azinikiweyo ziyafana okanye zahlukile, umz. /c/, /c/ (ziyafana) - /c/, /g/ (zahlukile).
- Ukwahlula izandi zamagama amalungu maninzi ngokwamalungu ngokuqhwaba okanye ukusebenzisa igubu, umz. A-ba-ntwa-na; u-Si-ya-vu-ya, akwazi ukuxela nenani lamalungu egama.
- Ukuqonda amagama anesingqisho esinye kwizicengcelezo neengoma ezaziwayo.
- Ukuqonda amanye amagama anemfano-zandi eziqhelekileyo kwiingoma nezicengcelezo ezitsha, aze agqibezele umgca okanye isivakalisi.
- Ukuqonda amaqabane okuqala, ingakumbi egameni lakhe, umz. **L**azola.

Ukunxulumanisa izandi koonobumba namagama:

- Ukuqonda ukuba amagama akhiwa ngoonobumba nezandi ezingaphezulu kwesinye, umz. ce-la, su-la.
- Ukuqonda izandi zokuqala zamanye amagama umz. amagama abalingane.
- Ukufunda oonobumba abali-10 ubuncinane ngekota **(n, h, i, v, w, a)** babanakane, babunjwe, babhalwe emoyeni, emaphepheni, esantini, emhlabeni nasezincwadini zabo.

UKUHLOLA

lingcebiso ngokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukuqonda ukuba okubhaliweyo kuqulethe intsingiselo, umz. ukuba igama elibhaliweyo lingaxela igama lakhe, amagama abantu, iindawo nezinto.
- Ukubamba incwadi ngendlela efanelekileyo ayityhile ngendlela eyiyo xa afundayo.
- Ukufunda iitekisi ezimagama makhulu ezinjengezicatshulwa, imibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, iitekisi zekhompyutha befunda beyiklasi bencediswa ngutitshala.
- Ukuxoxa nokuchaza abalinganiswa emabalini.
- Ukuphulaphula ahlule phakathi kwezandi ngakumbi ezisekuqaleni kwamagama.
- Ukufunda oonobumba abali-10 ubuncinane ngekota **(n, h, i, v,w, a)** babanakane, babunjwe, babhalwe emoyeni, emaphepheni, esantini, emhlabeni nasezincwadini zabo.

Ukusetyenziswa kwetshekhlisti nerubhriki equlethe konke, kumsebenzi wokuhlola ulwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI - 2

UKUBHALA OKUPHUHLISWAYO

Umxholo/Ingqiqo/Izakhono

Ukubhala ngesandla:

Imisebenzi yemihla ngemihla kwiinkalo zonke zolwimi nakwezinye izifundo.

Imisebenzi yobugcisa nezangqa zomculo zinika amathuba okuphuhlisa ukusetyenziswa kwamalungu ezandla.

- Ukuphuhlisa ukusetyenziswa kwamalungu ezandla, umz. ukubumba ngomdongwe neplastisini, ukudlala ipiyano emoyeni, ukuthreda amakhadi eleyisi, namaso njalo-njalo.
- Ukuphuhlisa ukusetyenziswa kweminwe ngezicengcelezo ezidlalisa iminwe.
- Ukuphuhlisa ukusebenzisa amalungu ezandla ngokusebenzisa isikere ukusika emigceni ebhalwe ngqindilili, neemilo njalo-njalo.
- Ukuphuhlisa unxibelelwano phakathi kweliso nesandla, ukubamba nokuphosa ibhola, umz. ibhola yentenetya okanye eyenziwe ngamaphepha, kwanemizobo yobugcisa esakha iipateni ezingaqhelekanga ngeekhrayoni.
- Ukuphuhlisa ukusebenzisa izihlunu zomzimba, umz. ngokusebenza nomhlobo wakhe okanye yedwa, besakha oonobumba ngokushukumisa imizimba yabo.
- Ukuqalisa ukwakha oonobumba, umz. besebenzisa iminwe ukuqaba, iibhrashi neekhrayoni.
- Ukuthreyisa imizobo elula yemifanekiso, iipateni namagama abo, kuboniswa apho kuqalwa khona xa kubhalwa, nengqiqo yokwalathisa xa kubhalwa.
- Ukukhuphela iipateni kwiiphegibhodi, kunye namagama noonobumba ephepheni.
- Ukusebenzisa iintlobo-ntlobo zezixhobo zokubhala, umz. iibrashi zokupeyinta neekhrayoni.
- Ukubamba ikhrayoni ngendlela eyamkelekileyo.
- Ukubhala ehleli ngendlela efanelekileyo.

Ukubhala okuphuhliswayo :

- Ukubhala nokuzoba egqithisa umyalezo, umz. iindaba ezizezakhe.
- Ukuqonda ukuba ukubhala nokuzoba zizinto ezahlukileyo, aqalise ukukhuphela oonobumba namanani abawabona eklasini, bebonisa ngemizamo yabo yokubhala, umz. befunda ukubhala ngemixube yoonobumba nemikrwelo-mibhalo.
- Ukuxela aba nobumba nemikrwelo-mibhalo into eziyithethayo.
- Ukwenza imidlalwana yokulinganisa ukubhala (umz. enze amakhadi ombuliso, abhale iileta).
- Ukubonisa ngemizamo yabo ebhaliweyo, ingqiqo eqalayo yokwalathisa, umz. ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi.
- Ukukhuphela okubhaliweyo kwimeko-bume umz. iilebheli kwizinto zekhaya, izazisi njalo-njalo.

Ukusebenza ngamagama:

- Ukubeka ndaweninye amagama, umz. aqala ngonobumba ofanayo - **m**ama, **m**oya, **m**akhi; okanye isandi esifanayo - **ch**ola, **ch**opha, **ch**eba, i**ch**ule.Ukuchonga unobumba okanye isithuba kokubhaliweyo (umz. kum**a**gama **a**bo ok**a**nye amagama aqhelekileyo encwad**in**i).
- U**ku**thabat**ha** inxax**he**ba, ngokuza nezakhe izivakalisi kokubhalwa yiklasi.

UKUHLOLA

lingcebiso ngokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo

Khangela / Qwalasela oku

- Ukubhala nokuzoba imifanekiso agqithise umyalezo, umz. iindaba ezizezakhe.
- Ukuphuhlisa ukusebenzisa izihlunu zomzimba, umz. ngokusebenza nomhlobo wakhe okanye yedwa, besakha oonobumba ngokushukumisa imizimba yabo.
- Ukuqalisa ukwakha oonobumba, umz. besebenzisa iminwe ukuqaba, iibhrashi neekhrayoni.
- Ukuqonda ukuba ukubhala nokuzoba zizinto ezahlukileyo, aqalise ukukhuphela oonobumba namanani abawabona eklasini, bebonisa ngemizamo yabo yokubhala, umz. befunda ukubhala ngemixube yoonobumba nemikrwelo-mibhalo.
- Ukuxela aba nobumba nemikrwelo-mibhalo into eziyithethayo.
- Ukubonisa ngemizamo yabo ebhaliweyo, ingqiqo eqalayo yokwalathisa, umz. ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi.

Ukusebenzisa itshekhlisti nerubhriki equlethe konke kumsebenzi wokuhlola ulwimi

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI-3

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (IORALI Ezeorali)

Umxholo/Ingqiqo/Izakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeeveki kulwimi nezinye izifundo.

Le misebenzi ilandelayo ingenziwa ngexesha lesangqa okanye lemijikelo yonke yeklasi yabaqalayo (R) umz. umculo, intshukumo, ezenzululwazi, ulwimi, iindaba, ukubonisa nokuthetha, ibali, neminye imisebenzi yokuzenzela.

- Ukuphulaphula ngenyameko imibuzo, enika neempendulo.
- Ukuphulaphula imiyalelo nezaziso, aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula imiyalelo embaxa asebenze ngayo.
- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi, benikana amathuba okuthetha.
- Ukubalisa amabali akhe, aze abalise nawabanye ngamazwi akhe.
- Ukucula nokucengceleza esenza izilinganiso.
- Ukwenza izicengcelezo nemibongo okanye imihobe esenza izilinganiso ngokuzithemba okukhulu.
- Ukuphulaphula amabali amade ebonisa ukuqonda ngokuphendula imibuzo ngebali.
- Ukulandelelanisa imifanekiso yebali.
- Ukuphulaphula aze akhumbule ukulandelelana kwamagama alula ngokukuko, umz. iculo, amaqatha, ingqiniba, iinyawo nesihlalo.
- Ukuthetha ngemifanekiso ekwiiphowusta, iitshati zomxholo, iincwadi ezingemixholo emi-5 ubuncinane, ngekota.

Ukusebenzisa ulwimi ukwakha izakhono zengqiqo:

- Ukusebenzisa ulwimi ukwakha izakhono kuzo zonke izifundo, umz. izibalo, ubungakanani, ubukhulu nobuncinci, ixesha, imilo, ubudala, ingqiqo yokwalathisa njalo-njalo ngexesha lesangqa okanye lokuzidlalela.

Ukusebenzisa ulwimi ukuqiqa nokucinga:

- Ukuchonga nokuchaza imfano neyantlukwano.
- Ukutshatisa izinto ezihamba kunye, aze athelekise nezo zahlukileyo.
- Ukuhlela izinto ngokwemiqathango eyeyakhe emayilandelwe.
- Ukuchonga inxalenye kokupheleleyo, umz. amalungu omzimba.

Ukusebenzisa ulwimi ukuphanda nokuphononononga:

- Ukubuza imibuzo, ajonge ezincwadini ukufumana ingcaciso.
- Ukunika ingcaciso, nezisombululo.
- Ukugqibezela iiphazili ezimaqhekeza ali-10 ukuya kwangama-20.

Ukulungisa ulwazi:

- Uchonga ulwazi olukhethekileyo kwinkcaza enikiweyo.

Ukusebenzisa izikhokelo ezibonwayo nemifanekiso ukunika intsingiselo:

- Ukwazi ukuba imifanekiso nemizobo zinika intsingiselo yezinto eziqhubekayo, umz. abantu, iindawo, nezinye izinto, bethetha ngazo.
- Ukwazi ukuphicotha imifanekiso bathethe ngezinto eziqhelekileyo ngayo.
- Ukwahlula izinto ezenza umfanekiso () nendawo ezikuyo ().
- Ukubonisa ubuchule ekujongeni into efihliweyo eklasini, aze anike nengqiqo yokwalatha kubalingane bakhe.
- Ukwahlula phakathi koonobumba be-alfabhethi abangafaniyo, namagama, umz. “c” no “a”.
- Ukulandelelanisa imifanekiso nokubalisa ibali elakhiweyo.

UKUHLOLA

lingcebiso zokuhlola;

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo:

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukuphulaphula ngenyameko imibuzo, enika neempendulo.
- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa ebonisa imbeko kwisithethi, benikana amathuba okuthetha.
- Ukubalisa amabali akhe, aze abalise nawabanye ngamazwi akhe.
- Ukucula nokucengceleza esenza izilinganiso.
- Ukusebenzisa ulwimi ukwakha izakhono kuzo zonke izifundo, umz. izibalo, ubungakanani, ubukhulu nobuncinci, ixesha, imilo, ubudala, nengqiqo yokwalatha njalo-njalo.
- Ukutshatisa izinto ezihamba kunye, aze athelekise nezo zahlukileyo.
- Ukwazi ukuba imifanekiso nemizobo zinika intsingiselo yezinto eziqhubekayo, umz.ngabantu, ngeendawo, nezinye izinto, bethetha ngazo.
- Ukwazi ukuphicotha imifanekiso bathethe ngezinto eziqhelekileyo ngayo.

Ukusebenzisa itshekhlisti nerubhriki equlethe konke kumsebenzi wokuhlola ulwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI-3

UKUFUNDA OKUPHUHLISWAYO

Umxholo/Ingqiqo/Izakhono:

Ukufunda:

Isakhono sokufunda okuphuhliswayo :

- Ukukhulisa ukuphala kweliso, umz. ukulandela ngeliso ipensile ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.
- Ukukhulisa ingqiqo yokwalathisa, umz. ukufunda imifanekiso okanye izalathiso ukusuka ekhohlo ukuya ekunene; phezulu ukuya ezantsi.
- Ukutshatisa amagama nezinto, umz. ukutshatisa iilebheli nezinto ezikwitafile yolonwabo.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukuphuhlisa okuthethwa ngamabinzana okanye isivakalisi encwadini, umz. umfanekiso wenja, nesivakalisi esithi; " Khangela nantso inja".
- Ukubamba incwadi nokuyityhila ngendlela efanelekileyo.
- Ukutolika imifanekiso esakha ibali lakhe; "ukufunda" imifanekiso.
- Ukwahlula phakathi kwemifanekiso namagama, umz. ukhomba igama ulibuze ukuba lithini na.
- Ukulinganisa ukufunda, aphimisele nelizwi lomntu ongofundayo.
- Ukufunda amagama abonwa rhoqo ekuhlaleni, umz. igama lesitalato, amagama eevenkile.
- Ukuqonda amagama asetyenziswa rhoqo eklasini, umz. amagama achaza imo-zulu, iintsuku zeveki, iinyanga zonyaka, amagama abalingane njalo-njalo.
- Ukufunda iincwadi zemifanekiso ezinezivakalisi ezithathu nezine ubuncinane,umz. uTshampiyoni yinja yamapolisa. Uqeqeshelwe ukubamba amasela. UTshampiyoni mkhulu ukhaliphile.
- Ukulinganisa okanye ukudlala ibali, iculo okanye isicengcelezo.
- Ukukhumbula imiba engundoqo ebalini ebelifundwe ngutitshala.
- Ukuzoba imifanekiso yamabali, izicengcelezo, okanye amaculo.
- Ukuxoxa ngendlela efanelekileyo yokubamba nokukhathalela incwadi.
- Ukuphulaphula nokuxoxa ngamabali nezinye iitekisi ezifundwe ngokuvakalayo.
- Ukusebenzisa amagama afana nala: 'izandi', 'oonobumba', isicengcelezo, ekuqaleni, phakathi, ekugqibeleni, xa ethetha ngeetekisi.

Ukufunda notitshala:

Imisebenzi yemizuzu eli-15 kabini okanye kathathu ngeveki esebenzisa iitekisi ezimagama makhulu ezinjengezi: iincwadi ezinkulu, iiphowusta njalo-njalo. Utitshala ubonisa indlela eyiyo yokufunda iklasi yonke, umz. ngexesha lengxoxo okanye isangqa ngolwimi lwabo. Basebenzise iincwadi ezinkulu zibe-5 ubuncinane ngekota.

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu beyiklasi notitshala.
- Ukufunda iitekisi ezibhalwe yiklasi okanye liqela, umz. izivakalisi ezibhalwe ngutitshala ngeli xa abafundi bebukele, bexoxa bekwalinganisa.
- Ukwenza unxulumano namava abo xa befunda notitshala, bebukele umabonakude okanye imifanekiso.
- Ukuchaza izimo zabalinganiswa ebalini okanye kumabonakude, benika ezabo izimvo.
- Ukuchaza ulandelelwano lweziganeko kumabali alula.
- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi nemizobo kwitekisi ukuqikelela okungebali.
- Ukungenelela kufundo lwetekisi notitshala ngokuzithemba nangolonwabo.
- Ukuphendula iintlobo ngeentlobo zemibuzo engebali elifundiweyo.

Ukufunda yedwa:

- Ukufunda iincwadi yedwa ukuzonwabisa kwithala leencwadi okanye eklasini, ebonisa indlela eyiyo yokutyhila, nokuhlonipha iincwadi.

Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi

Imisebenzi yemihla ngemihla imizuzu eli-15.

Imisebenzi emininzi yezandi edweliswe ngezantsi inokwenziwa ngexesha lemisebenzi yemihla ngemihla, umz. ukuya ngasese, ukuhlamba izandla, ukutya, nangexesha lezangqa.

- Ukwahlula izivakalisi zibe ngamagama azimeleyo, umz. usana lutya - ipapa.
- Ukwahlula izandi zamagama athethwayo ngokwamalungu, umz. ngokuqhwaba okanye asebenzise amagubu, umz. u-no-po-pi, uNo-ma-ngqi-ka, abafundi bawabale amalungu.
- Ukuchonga imfano-zandi kwizicengcelezo ezaziwayo nasemaculweni, nokulandelelana kwawo,umz. esiya ngapha nangaphaya kabini; ngaphaya nangaphaya?
- Ukuqonda nokubiza abanye oonobumba be- alfabhethi, ngakumbi igama lakhe, umz. Igama lam ngu**C**huma, liqala ngo-**C**.
- Ukufunda oonobumba abali-10 ubuncinane ngekota **(e, p, x, u, r, k)** babanakane, babunjwe, babhalwe emoyeni, emaphepheni, esantini, emhlabeni nasezincwadini zabo.

Ukunxulumanisa izandi koonobumba namagama:

- Ukuqonda ngokuva nokubona ezinye izandi nezikhamiso zokuqala, ngakumbi isandi sokuqala kumagama aqhelekileyo, umz. u**T**hembakazi, akwazi ukukhomba u-**T** aze ambize.
- Ukuqonda ukuba igama ngalinye lakhiwe ngoonobumba abangaphezu kwesinye, (umz. i-m-i-n-i, u-s-a-n-a).
- Ukuqonda izandi ekuqaleni kwamanye amagama, umz. amagama abalingane nawezilwanyana.

UKUHLOLA

Iingcebiso zokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo:

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukusebenzisa imifanekiso ukuphuhlisa okuthethwa sisiqendu okanye isivakalisi encwadini, umz. umfanekiso wenja, nesivakalisi esithi; “Khangela nantso inja”.
- Ukutshatisa amagama nezinto, umz. ukutshatisa iilebheli nezinto ezikwitafile yolonwabo.
- Ukubamba incwadi nokuyityhila ngendlela efanelekileyo.
- Ukutolika imifanekiso esakha ibali lakhe; “ukufunda” imifanekiso.
- Ukufunda iitekisi ezibhalwe yiklasi okanye liqela,umz. izivakalisi ezibhalwe ngutitshala ngeli xa abafundi bebukele, bexoxa bekwalinganisa.
- Ukuchaza izimo zabalinganiswa ebalini okanye kumabonakude, benika ezabo izimvo.
- Ukufunda amagama abonwa rhoqo ekuhlaleni, umz. igama lesitalato, amagama eevenkile.
- Ukuqonda ngokuva nokubona ezinye izandi nezikhamiso zokuqala, ngakumbi isandi sokuqala kumagama aqhelekileyo, umz. u**T**hembakazi, akwazi ukukhomba u-**T** aze ambize.
- Ukuqonda nokubiza abanye oonobumba be-alfabhethi, ngakumbi igama lakhe, umz. Igama lam nguChuma, liqala ngo-**C**.
- Ukufunda oonobumba abali-10 ubuncinane ngekota **(e, p, x, u, r, k)** babanakane, babunjwe, babhalwe emoyeni, emaphepheni, esantini, emhlabeni nasezincwadini zabo.

Ukusetyenziswa kweetsheklisti nerubhriki eziqulethe konke, kumsebenzi wokuhlola ulwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI-3

UKUBHALA OKUPHUHLISWAYO

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla okuphuhliswayo :

Imisebenzi yemihla ngemihla kwiinkalo zonke zolwimi nakwezinye izifundo.

Imisebenzi yobugcisa nezangqa zomculo zinika amathuba okuphuhlisa ukusetyenziswa kwamalungu ezandla.

- Ukuphuhlisa ukomelela kweminwe, umz. ukwakha oonobumba ngodongwe, ngamaso, nokuhlohla amaso.
- Ukuphuhlisa ubuchule bokusebenzisa iminwe ngokusebenzisa imidlalo ngeminwe, umz. usapho lwam ().
- Ukuphuhlisa ubuchule bokusebenzisa iminwe ngokusika ngesikere imifanekiso, iimilo njalo-njalo.
- Ukuphuhlisa unxibelelwano phakathi kweliso nesandla, umz. ukudlala ukuphosa nokuganga ibhola yamaphepha okanye eyentenetya, nangokuzoba, esenza iipateni ezintsokothileyo ngekhrayoni.
- Ukuphuhlisa izihlunu zomzimba, besebenza ngababini nayedwa, ukwakha oonobumba ngomzimba.
- Ukwakha oonobumba esebenzisa ukupeyinta ngesandla, iibhrashi zepeyinti, iikhrayoni ezingqingqwa, iiphegi-bhodi.
- Ukuthreyisa imizobo elula yemifanekiso, iipateni namagama abo ukuboniswa apho kuqalwa khona xa libhalwa, nengqiqo yokwalathisa xa kubhalwa.
- Ukukopa iipateni kwiphegi-bhodi, akhuphele amagama noonobumba ephepheni.
- Ukubamba ikhrayoni ngendlela eyiyo, abhale ehleli ngendlela efanelekileyo.

Ukubhala okuphuhliswayo :

- Ukuzoba imifanekiso ukudlulisa umyalezo ngamava akhe, esebenzisa eli thuba njengesiqalo sokubhala, umz. ngoncedo afakele igama okanye isiqendu kumzobo lowo.
- Ukuqonda ukuba ukubhala nokuzoba zizinto ezahlukileyo, aqalise ukukhuphela oonobumba namanani eklasini, ngelinge lokubhala, umz. ukulinganisa ukubhala esebenzisa umxube woonobumba nemikrwelo-mizobo ().
- Ukudlala ngokubhala kwimeko yokudlala, umz. abhale uluhlu lwezinto.
- Ukuqalisa ukubhala eqwalasela ingqiqo yokwalathisa (umz. ukubhala usuka ekhohlo ukuya ekunene; ukusuka phezulu usiya ezantsi, ephepheni).
- Ukukhuphela okubhaliweyo akubonayo, ngexesha lokudlala, umz. iilebheli kwizinto zentengiso.
- Ukuthabatha inxaxheba ngezimvo okanye iimbono zakhe ukwenza incwadi yeendaba yeklasi.
- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala, ngokuzithemba okukhulu nangokulula, iikhrayoni neepensile.

Ukusebenza ngamagama:

- Ukubeka ndaweninye amagama anezandi ezifanayo, umz. si**lapha**, ndi**lapha**, ba**lapha.**
- Ukuchonga unobumba okanye isithuba phakathi kwamagama kokubhaliweyo, umz. amagama abo okanye encwadini.
- Ukuthabatha inxaxheba kubhalo lweklasi, umz. umfundi abize ngeli xesha utitshala abhalayo.
- Ukusebenzisa isigama esinje: ekuqaleni, phakathi, ekugqibeleni, isandi, igama, oonobumba xa bethetha ngeetekisi.

UKUHLOLA

lingcebiso zokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo:

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukuzoba imifanekiso ukudlulisa umyalezo ngamava akhe, aze asebenzise oku njengesiqalo sokubhala, umz. ngoncedo ongeze igama okanye isivakalisi.
- Ukuqonda ukuba ukubhala nokuzoba zizinto ezahlukileyo, aqalise ukukhuphela oonobumba namanani eklasini ngelinge lokubhala, ukwenza ngathi uyabhala umxube woonobumba nemikrwelo-mizobo ().
- Ukudlala ngokubhala kwimeko yokudlala.
- Ukuqalisa ukubhala eqwalasela ingqiqo yokwalathisa, umz. ukubhala usuka ekhohlo ukuya ekunene; ukusuka phezulu usiya ezantsi, ephepheni.

Ukusetyenziswa kwetsheklisti nerubhriki equlethe konke, kumsebenzi wokuhlola ulwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI-4

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali

Umxholo/lingqiqo/ Izakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla kulwimi nezinye izifundo.

Le misebenzi ilandelayo ingenziwa ngexesha lesangqa eklasini yabaqalayo (R), umz. umculo, intshukumo, ezenzululwazi, ulwimi, iindaba, ukubonisa nokuthetha, ibali, neminye imisebenzi yokuzenzela.

- Ukuphulaphula ngocoselelo imibuzo aze anike iimpendulo.
- Ukuphulaphula izibhengezo aze enze oko kufunekayo.
- Ukudlulisa imiyalezo.
- Ukuphulaphula imiyalelo embaxa aze asebenze ngayo.
- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, enika imbeko kwesinye isithethi, benikana amathuba.
- Ukuphulaphula amabali amade, abonise ukuwalandela ngokuphendula imibuzo ngawo.
- Ukwenza awakhe amabali, aze abalise nawabanye ngamazwi akhe.
- Ukucula nokucengcelezo esenza izilinganiso ngokuzithemba.
- Ukwenza imibongo okanye imihobe enze nentshukumo ngokuzithemba.
- Ukulandelelanisa imifanekiso yebali ngendlela eyiyo.
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo, aze abuze nemibuzo.
- Ukuphulaphula, aze akhumbule ukulandelelana kwamagama okulula, umz. iitapile ezimbini, ezintathu, ezine.
- Ukuthetha ngemifanekiso ekwiiphowusta, iitshati zomxholo, iincwadi eziphuhlisa imixholo emi-5 ngekota ubuncinane.

Ukusebenzisa ulwimi ukuphuhlisa izakhono zengqiqo:

- Ukusebenzisa ulwimi ukuphuhlisa izakhono zengqiqo kwizifundo zonke, umz. umlinganiselo, ubukhulu, isimo, ukwalathisa, umbala, isantya, ixesha, ubudala nolandelelwano.

Ukusebenzisa ulwimi ukucinga nokuqiqa:

- Ukuchonga achaze imfano neyantlukwano.
- Ukutshatisa izinto ezihambelanayo, aze athelekise ezahlukeneyo.
- Ukuhlela izinto ngokwemiqathango eyeyakhe emayilandelwe, neminye embaxa, imilo, umbala njalo-njalo.
- Ukuchonga inxalenye kokupheleleyo kwizinto ezimacala mabini (2D), ukwakha ezimacala mathathu (3D), umz. ukwenza umfanekiso okanye ipateni ekwikhadi - 2D, esebenzisa iibhloko okanye iimilo zeplastiki - 3D.

Ukusebenzisa ulwimi ukuphanda nokuphononongo:

- Ukubuza imibuzo, aze ajonge ezincwadini, koomabonakude, kwiikhompyutha ukufumana inkcazelo.
- Ukuphulaphula iingxaki aze eze nesisombululo.
- Ukusombulula aze agqibezele iphazili emaqhekeza angama-20 nangaphezulu.

Ukulungisa ulwazi:

- Ukuchonga ulwazi olukhethekileyo kwinkcaza, umz. ukuphulaphula ixesha lokuqala kwesiganeko kwisibhengezo.

Ukusebenzisa izikhokelo ezibonwayo nezemifanekiso ukufumana intsingiselo:

- Ukuqonda ukuba imifanekiso neefoto zidlulisa intsingiselo ngeziganeko, abantu, iindawo nezinto, aze athethe ngazo.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukuqikelela ubuthumbu bebali.
- Ukuchonga izinto ezenza umfanekiso (foreground) nendawo ezikuyo (background) njengezinto ezahlukeneyo.
- Ukudlala imidlalo yesalathiso notitshala kunye nabahlobo Ukuchonga ubume phakathi koonobumba abahlukileyo, namagama, umz. ukwahlula oonobumba ngokwamaqela okufana njalo-njalo.
- Ukutshatisa imifanekiso namagama esebenzisa iiphazili.

UKUHLOLA

lingcebiso zokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo:

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, enika imbeko kwesinye isithethi, benikana amathuba okuthetha.
- Ukwenza awakhe amabali aze abalise nawabanye ngamazwi akhe.
- Ukucula nokwenza izilinganiso ngokuzithemba.
- Ukuchonga achaze imfano neyantlukwano.
- Ukutshatisa izinto ezihambelanayo, aze athelekise ezahlukeneyo.
- Ukujongisisa imifanekiso aze athethe ngamava afanayo.
- Ukusebenzisa ulwimi ukuphuhlisa iingqiqo: ubungakanani, iimilo, ukwalathisa, umbala, isantya, ubudala, ixesha nolandelelwano.

Sebenziza iitsheklisti nerubriki equlethe konke, ukuhlola imisebenzi yolwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI-4

UKUFUNDA OKUPHUHLISWAYO

Umxholo/lingqiqo/ Izakhono:

Ukufunda:

Isakhono sokufunda okuphuhliswayo

- Ukutshatisa amagama nemifanekiso kokubhaliweyo, umz. iiphazili zamagama nemifanekiso.
- Ukutolika imifanekiso ukwakha iingcinga okanye izimvo, umz. akhe ibali lakhe ngokufunda imifanekiso.
- Ukwahlula imifanekiso emagameni, umz. akhombe egameni lifundwe.
- Ukufunda iitekisi zakhe, umz. izivakalisi ezibhalwe ngutitshala.
- Ukuqalisa ukufunda amagama aqhelekileyo abonwa eklasini nasesikolweni, umz. ucango, ikhabhathi, itafile.
- Ukufunda iincwadi zemifanekiso ezinokuntsokotha.
- Ukulinganisa okanye ukudlala ibali, iculo okanye isicengcelezo.
- Ukukhumbula iinkcukacha aze axele undoqo.
- Ukuzoba imifanekiso yamabali, amaculo okanye izicengcelezo.
- Ukuxoxa ngendlela eyiyo yokubamba nokukhathalela incwadi.

Ukufunda notitshala:

Imisebenzi emizuzu ili-15 kabini okanye kathathu ngeveki esebenzisa iitekisi ezimagama makhulu ezinjengezi: iincwadi ezinkulu zokufunda, iiphowusta njalo-njalo iincwadi ezinkulu zibe-5 ngekota ubuncinane.

- Ukufunda iincwadi ezinkulu zokufunda okanye ezinye iitekisi beyiklasi kunye notitshala.
- Ukufunda iitekisi ezibhalwe yiklasi, umz. izivakalisi ezibhalwe ngutitshala, ngamaqela notitshala.
- Ukukhomba amagama, hayi imifanekiso xa efunda.
- Ukwenza unxulumaniso namava akhe xa efunda notitshala, ebukele umabonakude okanye imifanekiso.
- Ukuchaza ngeempawu zabalinganiswa kwibali okanye umabonakude, aze axhase umbono lowo.
- Ukubonisa ukulandelelana kweziganeko kumabali alula.
- Ukuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba ibali lingantoni.
- Ukungenelela kufundo lweetekisi notitshala, ngokuzithemba okukhulayo nangokonwaba.
- Ukuphendula iintlobo ngeentlobo zemibuzo ngebali elifundiweyo.

Ukufunda yedwa:

- Ukufunda iincwadi yedwa ukuzonwabisa, kwithala leencwadi okanye eklasini, ezityhila ngokufanelekileyo, ebonisa ukuzihlonipha.

Ukuqonda izandi / ukuqwalasela izandi:Imisebenzi yemihla ngemihla imizuzu eli-15

Imisebenzi emininzi yezandi edweliswe ngezantsi ingenziwa ngamathuba okuya ngasese, ukuhlamba izandla, ukutya nangexesha lezangqa.

- Ukwahlula izivakalisi zomlomo zibe ngamagama azimeleyo, umz. usana - lutya - ubisi.
- Ukwahlula amagama amalungu maninzi, umz. uku-no-no-phe-la.
- Ukuchonga amagama anemfano-zandi kwizicengcelezo namaculo, umz. u**Vu**si wayi**vu**thela i**vuvu**zela yathi '**vu**-u-u'.
- Ukuqonda ngokuva nangokubona oonobumba bokuqala nezikhamiso ekuqaleni kwamagama.
- Ukuqonda, abize abanye oonobumba be-alfabhethi, .(**p, f, g, z, y, j**) (umz. oonobumba kwigama lakhe).
- Ukuqonda ukuba amagama akhiwa ngoonobumba nezandi ezingaphezu kwesinye, umz. ivuvuzela (i-vu-vu-ze-la).
- Ukuqonda izandi ekuqaleni kwamanye amagama athile.
- Ukuqalisa ukuqonda ukuba amagama akhiwe zizandi.
- Ukuhlaziywa koonobumba bonke be-Alfabheti abangama-26.

UKUHLOLA

lingcebiso zokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo:

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukutolika imifanekiso ukwakha iingcinga okanye izimvo, umz. akhe ibali lakhe ngokufunda imifanekiso.
- Ukufunda iincwadi ezinkulu zokufunda okanye ezinye iitekisi ezimagama makhulu, beyiklasi notitshala.
- Ukuqonda ngokuva nangokubona oonobumba bokuqala nezikhamiso ngakumbi ekuqaleni kwamagama aqhelekileyo.
- Ukuqonda abize abanye oonobumba be-alfabhethi, umz. oonobumba begama lakhe.(**p, f, g, z, y, j**)
- Ukuhlaziywa koonobumba bonke be-Alfabheti abangama-26.

Sebenziza itsheklisti nerubhriki equlethe konke, ukuhlola imisebenzi yolwimi.

IBANGA LABAQALAYO (R) ULWIMI LWASEKHAYA

IIMFUNO NGOKWEKOTA

IKOTA YESI-4

UKUBHALA OKUPHUHLISWAYO

Umxholo/lingqiqo/ Izakhono:

Ukubhala okuphuhliswayo ngesandla:

Imisebenzi yemihla ngemihla kwiinkalo zonke zolwimi nakwezinye izifundo.

Imisebenzi yobugcisa nezangqa zomculo zinika amathuba okuphuhlisa ukusetyenziswa kwamalungu ezandla:

- Ukuphuhlisa isakhono sokomelela kwamalungu eminwe.
- Ukudlala izicengcelezo zesandla esebenzisa intshukumo ngeminwe
- Ukusebezisa izikere asike imifanekiso apha emiphethweni, iimo, njalo-njalo
- Ukudlala ukuphosa nokubamba ibhola, nezamaphepha njalo-njalo nangokuzoba ngekhrayoni esenza iipateni ezintsokothileyo.
- Ukwakha oonobumba ngemizimba, ngababini nayedwa.
- Ukwenza oonobumba, umz. ukupeyinta ngeminwe, iibhrashi zepeyinti, iikhrayoni ezingqingqwa.
- Ukuthreyisa imizobo elula yemifanekiso, iipateni namagama abo, umz. ukubonisa apho kuqalwa khona xa kubhalwa, nengqiqo yokwalathisa xa kubhalwa.
- Ukukhuphela iipateni, amagama noonobumba.
- Ukusebenzisa iintlobo-ntlobo zezixhobo zokubhala, umz. iikhrayoni, iipensile, itshokhwe.
- Ukubamba iikhrayoni ngokufanelekileyo, ebonisa esona sandla asisebenzisayo, umz. esasekhohlo okanye esasekunene.
- Ukwakha oonobumba abathile abancinane ngokukuko, aqale, aphele endaweni eyiyo.

Ukubhala okuphuhliswayo:

- Ukuzoba imifanekiso ukudlulisa umyalezo ngamava akhe, aze asebenzise oku njengesiqalo sokubhala, umz. ngoncedo ongeze igama, isivakalisi okanye isiqendu.
- Ukukopa oonobumba namanani eklasini xa ebhala.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.
- Ukubhala aze acele abanye banike intsingiselo yakubhalileyo.
- Ukwenza umdlalo ngokubhala ekudlaleni, umz. ukubhala uluhlu.
- Ukubhala eqwalasela ingqiqo yokwalathisa, umz. ukubhala usuka ekhohlo usiya ekunene, phezulu usiya ezantsi.
- Ukukopa okubhaliweyo jikelele xa edlala, umz. iilebheli kwizinto zentengiso.
- Ukulinga ukubhala ngeendlela eziqhelekileyo zokubhala esebenzisa oonobumba abaziyo.
- Ukuthabatha inxaxheba ngezimvo ukwenza incwadi yeendaba yeklasi.
- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala, ngokuzithemba okukhulu nangokulula, umz. iikhrayoni.

Ukusebenza ngamagama:

- Ukubeka ndaweninye amagama anezandi ezifanayo, umz. a**ba**hlobo **baba** lusizi **ba**khohlakale.
- Ukukhuphela izivakalisi ezifutshane namagama abhalwe ngutitshala.
- Ukuchonga igama, unobumba nesithuba kokushicilelweyo, umz. amagama abo okanye amagama aqhelekileyo encwadini.
- Ukuthabatha inxaxheba ngezivakalisi kokubhalwa yiklasi, umz. umfundi abize ngeli xesha utitshala abhalayo.
- Ukusebenzisa isigama: ekuqaleni, phakathi, isiphelo, isandi, igama, unobumba, isicengcelezo.

UKUHLOLA

lingcebiso zokuhlola:

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ezeorali nezenziwayo:

Khangela / Qwalasela oku:

- Ukuzoba imifanekiso ukudlulisa umyalezo ngamava akhe, aze asebenzise oku njengesiqalo sokubhala, umz. ngoncedo ongeze igama, ibinzana okanye isivakalisi.
- Ukubhala aze acele abanye banike in:tsingiselo yakubhalileyo.
- Ukukopa oonobumba namanani eklasini xa ebhala.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.
- Ukulinga ukubhala ngeendlela eziqhelekileyo zokubhala esebenzisa oonobumba abaziyo.

Ukusebenzisa iitsheklisti nerubhriki equlethe konke, ukuhlola imisebenzi yolwimi.

IITEKISI NOOVIMBA ABACETYISWAYO BONYAKA WONKE

Ukuphulaphula nokuthetha

- Imifanekiso neephowusta
- Iitshati zemibala
- Iitshati zamanani
- Imidlalo
- Izinto eziphathekayo ezilungiselelwe izihloko nemixholo
- Amaqhekeza ebali-bhodi
- Imifanekiso yokulandelelanisa
- Iiphazile ezimaqhekeza angama-20 ubuncinane (jig-saw)
- Iithoyizi (izinto zokudlala, umz. iibhloko, izinto zokwakha, iimoto, oonodoli, iiphaphethi, iimasiki njalo-njalo
- Iithreyi zesanti nezokudlala emanzini
- Iibhotile zeplastiki, iibhokisi njalo-njalo
- IiCD, iiteyiphu zamabali, (afundwayo nabaliswayo), imibongo okanye izibongo, izicengcelezo namaculo, oonomathotholo, iividiyo, iiDVD
- Izixhobo zomculo

Ukufunda nezandi

- Imifanekiso neephowusta
- Iitshati ze-alfabhethi
- Iincwadi ezinkulu, ezithengwayo nezenziwayo, ngexesha lokubhala notitshala
- Iitekisi ezimagama makhulu, ezithengwayo nezenziweyo, umz. imibongo okanye izibongo, iingoma, izicengcelezo njalo-njalo
- Iincwadi zamabali nezemifanekiso
- Iilogo, nemibhalo jikelele
- Amaphephandaba neemagazini
- Amakhadi amagama, iilebheli zokuseklasini
- Amakhadi amagama abafundi
- Iintonga zokukhomba xa kufundwa iitekisi ezimagama makhulu
- Ikona yezilinganiso
- Itafile yesihloko nemixholo
- Itshati yemihla yabancedisi
- Iitshati yokuzalwa neyemozulu
- Abafundi ngokwabo ukulinganisa emidlalweni

Ukubhala nokubhala ngesandla.

- Umfundi ngokwakhe esebenzisa umzimba wakhe ukwakha amagama
- Izixhobo ezinjengezi: iibhola, amaso, imitya namakhadi ayo (lacing cards), iiphegi zempahla, iphegi-bhodi njalo-njalo
- Izinto ezifana nesikere, umdongwe, ipeyinti, iibhrashi zokupeyinta, iikhrayoni ezingqingqwa, itshokhwe, izileyiti njalo-njalo
- Amaphepha okubhala (A3, A4, A5)
- Ithreyi yesanti

3.2 Iimfuno ngokwekota zeBanga loku-1

IKOTA YOKU-1	
UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZEORALI) **(**kubandakanya ukucinga nokuqiqa, ndawonye nokwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi)	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 1 iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeveki kulwimi nezinye izifundo

- Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba, ukuchaza imo yezulu, neminye imiba njalo-njalo..
- Ukucula, esenza izilinganiso.

Okwenziwa kabini ngeveki kujongwe kwimisebenzi yokuphulaphula nokuthetha

Iiveki: eyoku-1 ukuya kweye-5

- Ukuphulaphula imiyalelo emifutshane, oku kwenziwa eklasini rhoqo, aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula ngolonwabo amabali amafutshane, abaliswa ngutitshala naweva kwiCD, njalo-njalo, izicengcelezo, imibongo, neengoma, aze alinganise iindawo ezithile ebalini okanye kwingoma.
- Ukuphendula imibuzo, umz. imibuzo engeenkcukacha zakhe njalo-njalo.
- Iiveki: eye-6 ukuya kweye-10
- Ukulandelelanisa imifanekiso yebali, etolika intsingiselo ngokulandelelanisa izimvo.
- Ukuthetha ngemifanekiso ekwiiphowusta, iitshati zesihloko neencwadi njalo-njalo
- Ukuphendula imibuzo ngamava akhe esebenzisa igama elinye: ‘hayi’ okanye ‘ewe’.
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo benikana amathuba okuthetha, behloniphana eqeleni.
- Ukuchaza izinto ngokombala, ubukhulu, imo (imvakalelo) nobungakanani, esebenzisa isigama esisiso.

UKUHLOLA

lingcebiso ngokuhlola;

Ukuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphendula imibuzo, umz. imibuzo engeenkcukacha zakhe njalo-njalo.
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo, benikana amathuba okuthetha, behloniphana eqeleni.
- Ukucula, esenza izilinganiso.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo):

- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba, imo yezulu, neminye imiba njalo
- Ukuphulaphula ngolonwabo amabali amafutshane, abaliswa ngutitshala naweva kwiCD, njalo-njalo. izicengcelezo, imibongo, neengoma aze alinganise iindawo ezithile ebalini okanye kwingoma.
- Ukulandelelanisa imifanekiso etolika intsingiselo yebali ngemifanekiso.
- Ukuchaza izinto ngokombala, ubukhulu, imo (imvakalelo) nobungakanani, esebenzisa isigama esisiso**.**

IKOTA YOKU-1	
UKUFUNDA NEZANDI **(Kubandakanya ukucinga nokuqiqa)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona likhulu:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

yezandi yemihla ngemihla, emizuzu ili-15:

Khulisa ingqiqo yezandi uze ufundise izandi ezitsha, esinye nezibini ngeveki, aqalise ukwakha amagama ngezandi ezifundiweyo:

- Ukuqonda izikhamiso: **a e i o u,** ngokufanelekileyo
- Ukuqalisa ukwakha amagama amafutshane esebenzisa izandi azifundileyo, umz. s-u-l-a (sula);
- i-l-u-l-a (ilula)..
- Ukubiza, ukwakha nokubhala amagama besebenzisa amaqabane onke e-Alfabheti nezikhamiso (oononye)
- **b**ala, **c**ela, i**d**a**d**a, **f**ika, **g**ula, **h**amba, **j**ika, i**l**e**l**i, **m**isa, **n**ika, i**p**a**p**a, i**q**anda, i**s**i**s**u njalo-njalo.
- Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amabini (**oonombini**), umz. **bh**a**bh**a, i**bh**ola, **ch**ola, **Ch**uma, **dl**ala, **dl**ula, i**mf**ama, i**mf**ene, i**mf**uyo, i**ng**oma, i**ng**ubo, i**hl**athi, i**hl**obo, i**ph**u**ph**a, i**dy**asi, i**nj**a, igu**sh**a njalo-njalo.
- Gqithela kumagama angaqhelekanga angoonombini umz. i**rh**afu, ii**mf**uno, qu**mb**a, i**mf**ama, i**nd**alo njalo-njalo.
- Ukupela nokubizela amagama angoonombini.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla:

Ngamaqela, notitshala (amaqela amabini ngosuku), kufundwe incwadi enkulu kabini nakathathu ngeveki.

Isakhono sokufunda kwabaqalayo (zifundiswe ngoncedo lukatitshala, kufundwe kunye naye)

- Ukubamba incwadi nokuyityhila ngendlela efanelekileyo.
- Ukuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba ibali lingantoni na, aze afunde iincwadi nemifanekiso ezinezihloko ezilula.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukutolika intsingiselo yebali, umz. afunde iincwadi zemifanekiso
- Ukutolika imifanekiso ukwenza elakhe ibali; 'afunde' imifanekiso.
- Ukuqokelela nokufunda izintlu ezilula (logos) neegrafu ezifunyanwa kokushicilelweyo.
- Ukuqonda igama lakhe, namagama abalingane bakhe abali10 ubuncinane.
- Ukufunda iilebheli nezihloko eklasini.
- Ukuxoxa ngendlela eyiyo yokubamba nokunonophela incwadi.
- Ukuphulaphula, enze ingxoxo ngamabali nezinye iitekisi ezifundwe ngokuvakalayo.
- Ukuphuhlisa izakhono zokuqala zokushicilelweyo, kubandakanya:
- Ukufunda ngencwadi: uqweqwe, umphambili, umva, izihloko;.
- Ukufunda ngetekisi: igama, amagama afanayo, unobumba amagama oonobumba;.
- Ingqiqo eqalayo yokwalathisa: ukususka ekhohlo ukuya ekunene, ukufunda ukususela phezulu ukuya ezantsi, ekuqaleni, ekugqibeleni, phakathi, indawo unobumba okanye igama elikuyo ephepheni;.
- Ukusebenzisa iziphumlisi: oonobumba abakhulu, abancinane, isingxi, ikoma, uphawu lombuzo.

Ukufunda notitshala

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, usebenzisa itekisi enye ubuncinane ngeveki; utitshala abonise indlela efanelekileyo yokufunda.

Ngethuba ngalinye kugxininiswe koku: izakhono ngokushicilelweyo, iimpawu zetekisi, izandi, iipateni zolwimi, ubuchule bokuchonga amagama nezicatshulwa kumanqanaba ahlukeneyo; kusetyenziswa imibuzo elula, efuna uqikelelo, isizathu neembono zomfundi.

- Ukufunda beyiklasi notitshala iitekisi ezimagama makhulu ezinjengezi: izibongo okanye imihobe, iiphowusta, iincwadi ezinkulu neencwadi zamabali ezenziwe yiklasi ngexesha lokubhala notitshala.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

Utitshala usebenza namaqela amabini ngosuku.

Kufundwa ngamaqela ngoncedo lukatitshala kabini ngeveki, iqela ngalinye lithabatha imizuzu eli-15.

Utitshala usebenza ngamaqela akumgangatho ofanayo, ebanika iitekisi ezibalungeleyo.

- Ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi yakhe eqeleni, ngoncedo lukatitshala; iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukuqalisa ukuzakhela isigama ngokubona okubhaliweyo kwinkqubo yofundo lwabaqalayo, namagama awabona rhoqo nakwiincwadi azifundayo.

UKUHLOLA

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni okungekho sesikweni:

Izandi:(Ezeorali nezenziwayo)

- Ukwahlula ngokuva phakathi kwezandi ezisekuqaleni egameni.
- Ukuqonda aze abize abanye oonobumba be-alfabhethi (izikhamiso ezi-2 noonobumba aba-6).
- Ukuqalisa ukwakha amagama amafutshane esebenzisa izandi azifundileyo, umz. s-u-l-a(sula); i-l-u-l-a(ilula). Ukupela nokubizela amagama angoonombini.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Izandi (Ezeorali/ Ezakhiweyo/ nezibhalwayo)

- Ukuqalisa ukwakha amagama amafutshane esebenzisa izandi azifundileyo, umz. s-u-l-a(sula); i-l-u-l-a(ilula).
- Ukubiza, ukwakha nokubhala amagama besebenzisa amaqabane onke e-Alfabheti nezikhamiso (oononye) **ba**la, **ce**la, i**dada**, **fi**ka, **gu**la, **ha**mba, **ji**ka, i**leli**, **mi**sa, **ni**ka, i**papa**, i**qa**nda, i**sisu** njalo-njalo.
- Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amabini (**oonombini**),umz. **bh**a**bh**a, i**bh**ola, **ch**ola, **Ch**uma, **dl**ala, **dl**ula, i**mf**ama, i**mf**ene, i**mf**uyo, i**ng**oma, i**ng**ubo, i**hl**athi, i**hl**obo, i**ph**u**ph**a, i**dy**asi, i**nj**a, igu**sh**a njalo-njalo. Ukupela nokubizela amagama angoonombini.

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni okungekho sesikweni:

Ukufunda:(Ezeorali/ nezenziwayo)

Izakhono zokufunda okuphuhliswayo kufundo notitshala /ngoncedo lukatitshala:

- Ukubamba incwadi ngendlela eyiyo, nokuyityhila ngokufanelekileyo.
- Ukutolika imifanekiso ukwenza elakhe ibali; 'afunde' imifanekiso.
- Ukuqokelela nokufunda izintlu ezilula (logos) neegrafu ezifunyanwa kokushicilelweyo.
- Ukuqonda igama lakhe, namagama abalingane bakhe abali10 ubuncinane.
- Ukufunda iilebheli nezihloko eklasini.
- Ukuxoxa ngendlela eyiyo yokunonophela nokubamba incwadi.
- Ukuphuhlisa izakhono zokuqala zokushicilelweyo, kubandakanya:
    - Ukufunda ngencwadi: uqweqwe, umphambili, umva, izihloko;.
    - Ukufunda ngetekisi: igama, amagama afanayo, unobumba amagama oonobumba;.
    - Ingqiqo eqalayo yokwalathisa: kusuka ekhohlo ukuya ekunene, ukufunda ukususela phezulu ukuya ezantsi, ekuqaleni, ekugqibeleni, phakathi, indawo unobumba okanye igama elikuyo ephepheni;.
    - Ukusebenzisa iziphumlisi: oonobumba abakhulu, abancinane, isingxi, ikoma, uphawu lobuzo.

Ukufunda notitshala

- Ukufunda iitekisi ezimagama makhulu ngokwemo. umz. izibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, ezekhompyutha, beyiklasi notitshala.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo ngoncedo lukatitshala eqeleni lakhe, kufundwa ibali elinye ngamaqela onke.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku 1:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Izakhono zokufunda okuphuhliswayo

- Ukusebenzisa imifanekiso uqikelela ukuba ibali lingantoni, umz. ukufunda incwadi-mifanekiso.
- Ukuphulaphula uxoxe ngamabali nezinye iitekisi ezifundwe ngokuvakalayo.

Ukufunda notitshala

- Ukufunda beyiklasi iitekisi ezimagama makhulu, umz. izibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, neencwadi zamabali ezibhalwe ngexesha lokubhala, beyiklasi notitshala.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo ngoncedo lukatitshala eqeleni lakhe, kufundwa ibali elinye ngamaqela onke.

IKOTA YOKU-1	
UKUBHALA **(Kubandakanya ulwakhiwo nokusetyenziswa kolwimi)**	**IXESHA ELICETYISWAYO:** **Elona lincinane:1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona likhulu :2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo zokubhala ngokusesikweni kane (4) ngeveki imizuzu eli-15.

Imisebenzi yokuqinisa izihlunu zezandla, ezomzimba, nonxibelelwano lwamehlo nesandla.

- Ukuzoba ngekhrayoni (wax crayon).
- Ukubumba izandi nezinye izinto esebenzisa umdongwe (othengwayo) neplastisini.
- Ukuqhelisa ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni nepensile.
- Ukukhulisa ingqiqo eqalayo yokwalathisa, umz. usuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi, ukuzoba imigca engqalileyo, ukudibanisa amachaphaza.
- Ukuphuhlisa unxibelelwano lwamehlo nesandla, umz. ngokupeyinta, ukukrazula iphepha, ukusika nemisebenzi yokuthreyisa.
- Ukuzoba iipateni, umz. imizobo ehla inyuka, eya macalana onke, eyenza isangqa.
- Ukuthreyisa, akhuphele aze abhale igama lakhe kwimeko-bume, ebonisa indawo ekuqalwa kuyo xa libhalwa, nesalathiso sokubhala esisiso soonobumba abakhethiweyo.

Ukuphuhlisa ukwakha oonobumba ngexeshalezifundo zobhalo ngesandla olusesikweni.

Fundisa oonobumba abancinane ngexesha lenkqubo yezandi. Ubonise indlela eyiyo yokwakhiwa koonobumba nengqiqo eyiyo yokwalathisa.

Abantwana bafunda ukubhala oonobumba ababini (2) ngeveki bekhuphela kokubhalwe kuxwebhu lokubhala. Utitshala uqwalasela ukuba abantwana bayibamba ngendlela eyiyo ipensile. Abantwana basebenzisa amaphepha angenamigca xa babhalayo (*A4 jotters*). Ukulungelelanisa isicwangciso sokufundisa oonobumba abancinci nenkqubo yokufundisa izandi. Xa iimeko zivuma, kuyimfuneko ukuba abantwana bathreyise, bakhuphele oonobumba bealfabhethi bonke kwasekuqaleni konyaka, bekhuphela apho baboniswayo indawo yokuqala ukumbhala unobumba ngamnye, nengqiqo yokwalathisa eyiyo.

- Ukwakha oonobumba abancinane ngendlela eyiyo, umz. l, o, h, m, a, b, t, c.
- Ukukhuphela, abhale igama lakhe**, amagama amafutshane** nezivakalisi ezikwiilebheli, iiphowusta, ibhodi njalo-njalo.
- Ukuqalisa ukubonisa okubhaliweyo ngokwemizobo, oonobumba, amanani, amagama nezivakalisi ezilula.

Ukubhala notitshala, eqeleni nayedwa:

Kubhala iklasi yonke / iqelana /umfundi yedwa kathathu ngeveki imizuzu eli-15, kuphuhliswa ulwazi olufunyenwe kufundo notitshala, kwiingxoxo nakumava akhe:

- Ukuzoba imifanekiso ukugqithisa imiyalezo, umz. ngamava akhe.
- Ukubhala isihloko kumzobo okanye umfanekiso.
- Ukubhala amagama esebenzisa izandi ezifundiweyo.
- Ukukhuphela isivakalisi esibhalwe ebhodini okanye kwitshati ngokufanelekileyo.
- Ukuthabatha inxaxheba ekubhaleni ibali leklasi, elirekhodwa ngutitshala kwitshati ukwandisa iitekisi zokufunda kwikona yoko eklasini.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukuzoba ngekhrayoni ().
- Ukukhulisa ingqiqo eqalayo yokwalathisa, umz. usuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi, ukuzoba imigca engqalileyo, ukudibanisa amachaphaza.
- Ukuthreyisa, akhuphele aze abhale igama lakhe kwimeko-bume ebonisa indawo ekuqalwa kuyo xa libhalwa, nesalathiso sokubhala esisiso soonobumba abakhethiweyo.
- Ukukhuphela, abhale igama lakhe, amagama amafutshane nezivakalisi ezikwiilebheli, iiphowusta, ibhodi njalo-njalo.
- Ukuqalisa ukuphuhlisa okubhaliweyo ngokwemizobo, oonobumba, amanani, amagama nezivakalisi ezilula.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala ngesandla:

- Ukuziqhelisa ukubamba asebenzise ikhrayoni nepensile.
- Ukuzoba iipateni, umz. imizobo ehla inyuka, eya macalana onke, eyenza isangqa.
- Ukwakha oonobumba abancinane ngendlela eyiyo (umz. l, o, h, m, a, b, t, c).
- Ukukhuphela, abhale igama lakhe, amagama amafutshane nezivakalisi ezikwiilebheli, phowusta, ibhodi njalo-njalo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala

- Ukuzoba imifanekiso ukugqithisa imiyalezo, umz. ngamava akhe.
- Ukubhala isihloko somzobo okanye umfanekiso.
- Ukubhala amagama esebenzisa izandi ezifundiweyo.
- Ukukhuphela isivakalisi esibhalwe ebhodini okanye kwitshati ngokufanelekileyo.
- Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni ibali leklasi, elirekhodwe ngutitshala kwitshati ukwandisa iitekisi zokufunda kwikona yoko eklasini.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukubhala:

- Ukuzoba imifanekiso ukugqithisa imiyalezo, umz. ngamava akhe.
- Ukubhala isihloko somzobo okanye umfanekiso.
- Ukukhuphela isivakalisi esibhalwe ebhodini okanye kwitshati ngokufanelekileyo.

IKOTA YESI-2	
UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA(EZEORALI) **(Kubandakanya ukucinga nokuqiqa, ukwakhiwa noku-setyenziswa kolwimi)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:1 iyure ngeveki**

Umxholo / lingqiqo / Izakhono

Imisebenzi yemihla ngemihla / yeeveki kwiinkalo zonke zolwimi nezinye izifundo

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, anike amathuba kwisithethi seklasi okanye eqeleni.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba ngokulandelelana kwaziganeko.
- Ukungenelela kwiikhorasi zeengoma, amabali nezicengcelezo.
- Ukwenza imihobe okanye izibongo nezicengcelezo enze nezilinganiso.
- Ukuchonga iinxalenye kokupheleleyo, umz. amalungu ebhayisikile, ezityalo.

Imisebenzi yokuphulaphula nokuthetha emayenziwe kabini ngeveki

- Ukuphulaphula imiyalelo, eyeqela nemisebenzi yemihla yonke, enze ngokwemiyalelo.
- Ukudlulisa imiyalezo.
- Ukuphulaphula amabali ngomdla, azobe imifanekiso ukubonisa ukuwalandela.
- Kuphendulwa imibuzo empendulo inye, umz. 'Hayi' okanye 'ewe', naleyo impendulo iphangaleleyo.
- Ukuchaza izinto ngokweminyaka yazo, ingqiqo yokwalatha, nokulandelelana esebenzisa isigama esisiso.
- Ukuphulaphula amabali achonge injongo okanye ingcinga ephambili.
- Ukulandelelanisa imifanekiso yebali ngendlela efanelekileyo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo zeklasi.
- Ukubuza imibuzo kumabali abalisiweyo nafundiweyo.
- Ukwazi nokusebenzisa ulwimi nesigama esisiso nakwezinye izifundo

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nokwenziwayo)

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, anike amathuba kwisithethi seklasi okanye eqeleni.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba ngokulandelelana kweziganeko.
- Ukungenelela kwiikhorasi zeengoma, amabali nezicengcelezo.
- Ukuphulaphula imiyalelo, eyeqela nemisebenzi yemihla ngemihla, enze ngokwemiyalelo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, kubuzwe nemibuzo kumabali abalisiweyo nafundiweyo.
- Ukwazi nokusebenzisa ulwimi nesigama esisiso nakwezinye izifundo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nokwenziwayo)

- Ukuthetha ngamava, umz. ukubalisa iindaba ngokulandelelana kweziganeko.
- Ukuphulaphula amabali ngomdla, azobe imifanekiso ukubonisa ukuwalandela.
- Kuphendulwa imibuzo empendulo inye, umz. 'Hayi' okanye 'ewe', naleyo impendulo iphangaleleyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nokwenziwayo)

- Ukuchaza izinto ngokweminyaka yazo, ingqiqo yokwalathisa, nokulandelelana esebenzisa isigama esisiso.
- Ukuphulaphula amabali, achonge injongo okanye ingcinga ephambili.
- Ukulandelelanisa imifanekiso yebali ngendlela efanelekileyo.

IKOTA YESI-2	
UKUFUNDA NEZANDI **(Kubandakanya ukucinga nokuqiqa)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona likhulu:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono:

Ukuqonda ngezandi ukuqwalasela izandi yonke imihla imizuzu eli-15:

Kufundiswa oonontathu ukuya ekupheleni kwekota, kuqhutywe nengqiqo yezandi nokwakhiwa kwamagama:

- Ukwahlula ngokuphulaphula phakathi kwezandi ingakumbi ekuqaleni kwamagama nasekupheleni.
- Ukuqaphela ukuzalana kwamaqabane, izandi, izikhamiso koonontathu (amaqabane angamathathu).
- Kwakhiwa amagama kusetyenziswa izandi ezifundiweyo, umz. i**ngc**a**,** i**nkc**e**nkc**e**,** i**ndl**ela**,** i**ngx**olo**,** i**nts**imbi, i**ntl**anzi,
- isi**tsh**ixo, i**ngq**ondo, i**nkq**ayi,
- Ukufunda aqaphele izandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Ukupela nokubizela amagama angoonontathu.Ukwakha izivakalisi ezilula kusetyenziswa izandi ezifundiweyo. Ukulandelelana kwezikhamiso emagameni, umz. kwizininzi nakwizikhuzo (**ii**mfene, **oo**sisi,

s**ii!** Yh**oo! Aa!**).

Imisebenzi yokufunda yonke imihla: Iqela, lifunde ngoncedo lukatitshala (amaqela amabini ngosuku). Kufundwa notitshala kabini nakathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala:

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa ubuncinane itekisi enye ngeveki; utitshala ubonisa indlela eyiyo yokufunda kwiklasi yonke.

Gxininisa ufundise oku kulandelayo: ingqiqo ngokubhaliweyo, ubunjani beetekisi, izandi, imvakalozwi, ubuchule bokwazi amagama nezicatshulwa ngokwamazinga, umz. undoqo, ukuhlengahlengisa, ukuqikelela, ukuphendla novakalelo. Bonisa izakhono zokucazulula nokuphimisela izandi xa ufunda.

- Kufundwa iincwadi ezinkulu yiklasi yonke, nezinye iitekisi ezimagama makhulu notitshala.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukuqikelela ukuba ibali lingantoni.
- Ukutolika imifanekiso ukwenza ibali lakhe, umz**. ukufunda** imifanekiso**.**
- Ukusebenzisa izikhokelo nemifanekiso ukutolika ibali.
- Ukuxoxa ngebali, achonge undoqo kwibali elo, nabadlali abaphambili ebalini, njalo-njalo
- Ukuphendula imibuzo eyahlukileyo kwitekisi leyo, kuqukwa imibuzo ekwizinga eliphezulu.
- Ukuxoxa ngokusetyenziswa koonobumba abakhulu nezingxi.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

Utitshala usebenza ngamaqela amabini ngosuku imizuzu eli-15 iqela ngalinye, kabini ngeveki iqela ngalinye.

Utitshala usebenza ngamaqela akwizinga elinye ngokufunda, befunda iitekisi ezahlukileyo (graded reading schemes).

Fundisa abantwana ukuzazi nokuziqonda xa befunda ngokukuko okanye ngempazamo, bakwazi ukuzilungisa, bathi befunda babe bewanakana amagama, bekhulisa nengqiqo. (Abantwana bafundiswe ukubuza: ‘ iyavakala?’ ‘ibonakala kakuhle?’ ‘inengqondo phofu?’).

Babonise indlela eyiyo yokufunda, inkqubo ifane naleya yokufunda notitshala, ize isetyenziswe xa befundiswa bekhokelwa, nayo incediswe.

- Ukufunda ngokuvakalayo efunda incwadi yakhe eqeleni ngoncedo lukatitshala; iqela lifunda ibali elifanayo**.**
- Ukusebenzisa izandi, izikhokelo namagama aqhelekileyo xa efunda.
- Ukusebenzisa ubuchule bokulungisa iimpazamo zakhe xa efunda, ekhumbula amagama nomongo wesifundo eso.
- Ukuqhuba efumana isigama kufundo lwabaqalayo, iincwadi ezikumazinga ahlukeneyo, kunye nalawo awabona rhoqo.

Ukufunda ngababini/ yedwa (kabini ngeveki ngexesha elabelwe ulwimi):

Baqalise ukufunda ngababini /nayedwa.

Chonga iitekisi abazaziyo, nabanokuzifunda ngabanye, ezikwizinga lokufunda kwabo, nezinobulula kunezo bazifunda notitshala.

- Ukufundela umlingane itekisi elungisiweyo, neyaziwayo ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko.
- Ukuphinda afunde iitekisi eziqhelekileyo ezinjengezo bezifundwe notitshala.

UKUHLOLA

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuqaphela ukuzalana kwamaqabane nezandi koonontathu (amaqabane angamathathu)
- Kwakhiwa amagama kusetyenziswa izandi ezifundiweyo, umz. i**ngc**a**,** i**nkc**e**nkc**e**,** i**ndl**ela**,** i**ngx**olo**,** i**nts**imbi, i**ntl**anzi,
- isi**tsh**ixo, i**ngq**ondo, i**nkq**ayi,
- Ukufunda aqaphele izandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Ukupela nokubizela amagama angoonontathu.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1

Izandi: (Okomlomo/ okwenziwayo/ nokubhalwayo)

- Ukwahlula phakathi kwezandi ingakumbi ekuqaleni kwamagama nasekupheleni.
- Ukuqaphela ukuzalana kwezandi, amaqabane, izikhamiso koonontathu (umz.**ngc, nkc, ndl, ngx, nts, ntl**).
- Kwakhiwa amagama kusetyenziswa izandi ezifundiweyo, umz. i**ngc**a**,** i**nkc**e**nkc**e**,** i**ndl**ela**,** i**ngx**olo**,** i**nts**imbi, i**ntl**anzi.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2

Izandi (Okomlomo/ okwenziwayo/ nokubhaliweyo)

- Ukufunda, abhale, aqaphele izandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Ukupela nokubizela amagama angoonontathu.

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Kufundwa iincwadi ezinkulu yiklasi yonke, nezinye iitekisi ezimagama makhulu.
- Ukusebenzisa izikhokelo nemifanekiso ukutolika ibali.
- Ukuxoxa ngebali, achonge undoqo kwibali elo, nabadlali abaphambili ebalini, njalo-njalo.
- Ukuphendula imibuzo eyahlukileyo kwitekisi leyo, kuquka imibuzo ekwizinga eliphezulu.
- Ukuxoxa ngokusetyenziswa koonobumba abakhulu nezingxi.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo efunda incwadi yakhe eqeleni, ngoncedo lukatitshala, umz. iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa ubuchule bokulungisa iimpazamo zakhe xa efunda, ekhumbula amagama nomongo wesifundo eso.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufundela umlingane itekisi elungisiweyo, neyaziwayo ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko.
- Ukuphinda afunde iitekisi eziqhelekileyo ezinjengezo bezifundwe notitshala.

Usebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Kufundwa iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu, yiklasi yonke notitshala.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukuqikelela ukuba ibali lingantoni.
- Ukusebenzisa izikhokelo nemifanekiso ekwitekisi ukuphuhlisa ibali.
- Ukuxoxa ngebali, kuchongwa undoqo ebalini, kuxoxwa nangabadlali abaphambili njalo-njalo.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo eqeleni ngoncedo lukatitshala, efunda incwadi yakhe, umz. iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa izandi, izikhokelo namagama aqhelekileyo xa efunda.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi 2:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Kufundwa iincwadi ezinkulu yiklasi yonke, nezinye iitekisi ezimagama makhulu, notitshala.
- Ukutolika imifanekiso ukwenza ibali lakhe, umz**. ukufunda** umfanekiso.
- Ukusebenzisa izikhokelo nemifanekiso ukutolika ibali.
- Ukuphendula imibuzo eyahlukeneyo kwitekisi leyo,kuquka imibuzo ekwizinga eliphezulu.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka, efunda incwadi yakhe eqeleni ngoncedo lukatitshala, umz. iqela lifunda ibali elifanayo**.**
- Ukusebenzisa izandi, izikhokelo namagama aqhelekileyo xa efunda.

IKOTA YESI-2	
UKUBHALA **(kubandakanya ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:1 iyure e-1 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni kane ngeveki imizuzu eli-15

Uphuhliso lokwakha oonobumba kwizifundo ezisesikweni, kubhalo ngesandla.

Ukufundisa oonobumba abancinane kwenziwe ngexesha lenkqubo yezandi. Ukubonisa indlela eyiyo yokwakhiwa koonobumba, nengqiqo yokwalathisa.

Umntwana ufunda ukubhala oonobumba ababini ngeveki. Ithi isiya kuphela ikota kube kufundwe ubuncinane oonobumba abangama-20 . Ukubonisa izithuba ezifanelekileyo phakathi koonobumba, naphakathi kwamagama kwizivakalisi. Utitshala uqwalasela ukuba abantwana bayibamba ngendlela eyiyo ipensile. Abantwana basebenzisa amaphepha angenamigca (17 mm lined jotters/ unlined A4 papers), xa babhalayo.

- Ukubamba ipensile nekhrayoni ngokufanelekileyo.
- Ukubhala oonobumba abancinane babe ngama-20 ubuncinane ngendlela eyiyo eboniswa ngutitshala ukuqala nokuphetha unobumba lowo.
- Ukubhala oonobumba abakhulu abasetyenziswa rhoqo, ngokufanelekileyo.
- Ukubhala ashiye izithuba ezifanelekileyo phakathi kwamagama.
- Ukubhala akhuphele izivakalisi ezilula nezifutshane ezisebhodini okanye kwitshati.

***UKONGEZA*, qhuba imisebenzi eqinisa izihlunu zezandla, nezomzimba; ekhuthaza unxibelelwano phakathi kwamehlo nesandla. Qinisekisa ukuba abantwana bahlala ngendlela eyiyo xa bebhala.**

Ukubhala notitshala, ngamaqela, nayedwa:

Iklasi yonke okanye amaqela amancinane/yedwa babhala kathathu ngeveki imizuzu eli-15, kubhalwa okufundwe notitshala, iingxoxo nangamava abo.

Bancedise ngamagama okuqala kwizivakalisi kwakunye naluphi na uncedo ukuze baqalise ukubhala amabali abo.

Fundisa ukusetyenziswa kwesichazi-magama esisesakhe.

- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa umyalezo, abhale ilebheli okanye isihloko sawo, umz. ngamava akhe ebomini.
- Ukubhala amagama esebenzisa izandi azifundileyo.
- Ukubhala isivakalisi esinye ngeendaba zakhe okanye ngakufundileyo notitshala.
- Ukubhala uludwe lwamagama ngokomyalelo, umz. ukutya.
- Ukuba yinxalenye ekuqulunqeni ibali leklasi (libhalwa kunye notitshala).
- Ukubhala aze abonise isihloko okanye isivakalisi esifutshane ngentloko enikiweyo, ukuze sibe yinxalenye kwincwadi yeklasi.
- Ukwakha ibhanki yamagama akhe nesichazi-magama esebenzisa unobumba wokuqala kwigama elo..
- Ukubhala izivakalisi esebenzisa izandi ezifundiweyo.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukubamba ipensile nekhrayoni ngokufanelekileyo.
- Ukubhala oonobumba abakhulu abasetyenziswa rhoqo, ngokufanelekileyo.
- Ukubhala ashiye izithuba ezifanelekileyo phakathi kwamagama.
- Ukubhala akhuphele izivakalisi nezilula ezifutshane ezisebhodini okanye kwitshati.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi1:

Ukubhala ngesandla

- Ukubamba ipensile nekhrayoni ngokufanelekileyo.
- Ukubhala oonobumba abancinane babe ngama-20 ubuncinane ngendlela eyiyo eboniswa ngutitshala ukuqala nokuphetha unobumba lowo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2

Ukubhala ngesandla

- Ukubhala oonobumba abancinane babe ngama- 20 ubuncinane ngendlela eyiyo eboniswa ngutitshala, ukuqala nokuphetha unobumba lowo.
- Ukubhala oonobumba abakhulu abasetyenziswa rhoqo, ngokufanelekileyo.
- Ukubhala ashiye izithuba ezifanelekileyo phakathi kwamagama.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala:

- Ukubhala amagama esebenzisa izandi azifundileyo.
- Ukubhala isivakalisi esinye ngeendaba zakhe okanye ngakufundileyo notitshala.
- Ukubhala uluhlu lwamagama ngokomyalelo, umz. ukutya.
- Ukuba yinxalenye ekuqulunqeni ibali leklasi, libhalwa kunye notitshala.
- Ukwakha ibhanki yamagama akhe nesichazi-magama esebenzisa unobumba wokuqala kwigama elo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni 1:

Ukubhala

- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa umyalezo, abhale ilebheli okanye isihloko sawo, umz. ngamava akhe ebomini.
- Ukubhala izivakalisi esebenzisa izandi azifundileyo.
- Ukuba yinxalenye ekuqulunqeni ibali leklasi, libhalwe kunye notitshala.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2:

Ukubhala

- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa umyalezo, abhale ilebheli okanye isihloko sawo (umz. ngamava akhe ebomini).
- Ukubhala isivakalisi esinye ngeendaba zakhe okanye ngakufundileyo notitshala.
- Ukubhala uluhlu lwamagama ngokomyalelo, (uluhlu lwezithuthi).

IKOTA YESI-3	
UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZEORALI) **(Kubandakanya ukucinga nokuqiqa, ukwakhiwa noku-setyenziswa kolwimi).**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:1 iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeeveki zonke kwiinkalo zonke zolwimi nezinye izifundo:

- Ukuphulaphula imiyalelo nezaziso okanye izibhengezo aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukubonisa ubuchule bokuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, nokunika imbeko kwisithethi.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. abalise iindaba ebonisa ulandelelwano lweziganeko olululo.
- Ukucengceleza, enze imihobe okanye imibongo, ebonisa nezilinganisa.
- Ukwazi nokusebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwizifundo ezahlukileyo.

Kabini ngeveki, kusenziwa imisebenzi yokuphulaphula nokuthetha:

- Ukuphulaphula ibali ngomdla nangolonwabo, azobe umfanekiso, abhale isihloko ngomfanekiso.
- Ukubeka imifanekiso yebali ngokulandelelana kwayo, etshatisa imifanekiso nezihloko.
- Ukulinganisa iimeko ezahlukileyo esebenzisa ulwimi olufanelekileyo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, ebuza ekwaphendula nemibuzo.
- Ukuphulaphula iinkcukacha zebali kuphendulwe imibuzo embaxa (eneempendulo ezininzi).
- Ukuchonga imfano neyantlukwano kusetyenziswa ulwimi olwamkelekileyo.
- Ukusebenzisa amagama amatsha amaninzi xa ethetha.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali /nezenziwayo)

- Ukubonisa ubuchule bokuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, nokunika imbeko kwisithethi.
- Ukucengceleza, enze imihobe okanye imibongo, ebonisa nezilinganiso.
- Ukuphulaphula ibali ngomdla nangolonwabo, azobe umfanekiso, abhale isihloko ngomfanekiso.
- Ukulinganisa iimeko ezahlukileyo esebenzisa ulwimi olufanelekileyo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, ebuza ekwaphendula nemibuzo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuthetha ngamava akhe, umz. abalise ngeendaba ebonisa ulandelelwano lweziganeko olululo.
- Ukucengceleza, enze imihobe okanye imibongo, ebonisa nezilinganiso.
- Ukubeka imifanekiso yebali ngokulandelelana kwayo, etshatisa imifanekiso nezihloko.

Ukuhlola okusesikweni 2:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula imiyalelo, izaziso okanye izibhengezo aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. abalise iindaba ebonisa ulandelelwano olululo lweziganeko.
- Ukuphulaphula iinkcukacha zebali kuphendulwe imibuzo embaxa, eneempendulo ezininzi.

IKOTA YESI-3	
UKUFUNDA NEZANDI **(kubandakanya ukucinga nokuqiqa)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi yemihla ngemihla imizuzu eli-15:

Hlaziya oononye ze uqalise ukufundisa amaqabane axhaphakileyo nonombini Qhubekeka nolwakhiwo lwamagama

- **Ukuchonga oonobumba - izandi ezizalanayo zononye**
- Ukuqonda nokubiza izandi ezingoonontathu eziliqela nezingaqhelekanga.
- Ukwakha izivakalisi ezilula kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.
- Ukwakha nokupela nokubizelwa amagama angaqhelekanga.
- Bafunda izandi ezingoonone noonontlanu , umzekelo : um**ngcw**abo ; ii**ndyw**ala, i**ngqw**angi, i**ntshw**ela,

I**ntsh**entuli nji. nji.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla: Amaqela, ngoncedo lukatitshala (amaqela amabini ngosuku) kufundwe notitshala kabini nakathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala:

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi ibe nye ngeveki; Utitshala ubonisa indlela eyiyo yokufunda kwiklasi yonke.

Gxininisa ufundise oku kulandelayo: ingqiqo ngokubhaliweyo, ubunjani beetekisi, izandi, imvakalozwi, ubuchule bokwazi amagama nezicatshulwa ngokwamazinga, umz. undoqo, ukuhlengahlengisa, ukuqikelela, ukuphendla novakalelo. Bonisa izakhono zokucazulula nokuphimisela izandi xa ufunda.

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu beyiklasi notitshala.
- Ukuqwalasela ukulandelelana kweziganeko nesimo sentlalo sebali.
- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi ukuqikelela isiphelo nokuqhubeka ebalini.
- Ukuqonda unobangela nesiphumo ebalini.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga okanye inqanaba eliphezulu ngokufundiweyo, “ucinga ukuba….?” “kwakutheni ukuze…….?”.
- Ukunika uluvo lwakhe ngokufundiweyo.
- Ukutolika ulwazi kwiiphowusta, imifanekiso neetheyibhile ezilula, umz. Ikhalenda.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

Utitshala usebenza namaqela amabini ngosuku, kabini ngeveki imizuzu eli-15, iqela ngalinye.

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe ngokomgangatho wakhe, umz. **iqela lifunda ibali elifanayo.**
- Ukusebenzisa izandi, esebenzisa ubuchule bokwahlula amagama nokubona amagama aqhelekileyo xa efunda.
- Ukufunda ngotyibiliko olukhulayo abonise nemvakalelo.
- Ukuqhuba nokwandisa isigama kufundo lwabaqalayo, kwiincwadi azifundileyo nakumagama aqhelekileyo.

Ukufunda ngababini/ yedwa, kathathu ngeveki:

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.
- Ukufunda iincwadi ebezifundwe notitshala, nezinye iincwadi ezikwikona yeklasi.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi : (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuqonda nokubiza izandi ezingoonontathu eziliqela nezingaqhelekanga
- Ukwakha izivakalisi ezilula kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.
- Ukwakha nokupela nokubizelwa amagama angaqhelekanga.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Izandi: (Ezeorali/ezenziwayo/ nezibhalwayo)

- Ukwakha izivakalisi ezilula kusetyenziswa izandi ezifundiweyo**, ngcw, ndyw, ntyw, ntshw.**
- Ukwakha nokupela nokubizelwa amagama angaqhelekanga.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2:

Izandi: (Ezeorali/ezenziweyo/ nezibhalwayo)

- Ukwakha nokupela nokubizelwa amagama angaqhelekanga.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda:(Ezeorali/ nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu beyiklasi notitshala.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga okanye inqanaba eliphezulu ngokufundiweyo.
- Ukunika uluvo lwakhe ngokufundiweyo.
- Ukuqonda unobangela nesiphumo ebalini, umz. ‘Umakhulu wavuya kakhulu kuba uTshampiyoni elibambile isela’.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukusebenzisa ubuchule bokulungisa iimpazamo zakhe xa efunda, ekhumbula amagama nomongo wesifundo eso.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda iincwadi ebezifundwe notitshala, nezinye iincwadi ezikwikona yeklasi.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu beyiklasi notitshala.
- Ukuchonga ukulandelelana kweziganeko nesimo sentlalo sebali.
- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi ukuqikelela isiphelo nokuqhubeka ebalini.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe eqeleni ngoncedo lukatitshala - **iqela lifunda ibali elifanayo.**
- Ukusebenzisa izandi, esebenzisa ubuchule bokwahlula amagama nokubona amagama aqhelekileyo xa efunda.

Umseben zi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu beyiklasi notitshala.
- Ukuchonga ukulandelelana kweziganeko nesimo sentlalo sebali.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga okanye inqanaba eliphezulu ngokufundiweyo, umz “ucinga ukuba….?” “kwakutheni ukuze…….?”.
- Ukutolika ulwazi kwiiphowusta, imifanekiso neetheyibhile ezilula, umz. Ikhalenda.

Ukufunda ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe ngokomgangatho wakhe, umz. **iqela lifunda ibali elifanayo.**
- Ukufunda ngotyibiliko olukhulayo abonise nemvakalelo.

Ukufunda ngababini/ yedwa

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.

IKOTA YESI- 3	
UKUBHALA **(kubandakanya ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono :

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni kane ngeveki imizuzu eli-15.

Phinda ufundise ukubhalwa koonobumba abancinane, uze uqhube noonobumba abakhulu namanani. Bonisa izithuba ezifanelekileyo kumagama nakwizivakalisi.

- Ukubamba ipensile nekhrayoni ngokufanelekileyo.
- Ukubhala oonobumba abancinane ngendlela eyiyo, ngobume nobungakanani, uqale, uphele endaweni eyiyo ngokulula.
- Ukubhala oonobumba abakhulu abasetyenziswa rhoqo, ngokufanelekileyo.
- Ukubhala amanani ngendlela efanelekileyo.
- Ukukhuphela, ubhale amagama ashiye izithuba ezifanelekileyo phakathi kwawo.
- Ukubhala akhuphele izivakalisi ezifutshane ngokufanelekileyo.

Ukubhala notitshala, ngamaqela, nayedwa:

Iklasi yonke, amaqela amancinane, yedwa babhala kathathu ngeveki imizuzu eli-15, kubhalwa okufundwe notitshala, kwiingxoxo nakumava abo.

Bonisa inkqubo yokubhala, ukuyila, ukuhlaziya, ukubhala nokupapasha, ngexesha lokubhala notitshala. Balinganisele indlela echanekileyo yokusebenzisa iziphumlisi, nokubhala kwixesha eladlulayo. Nika uncedo kubafundi abangekakwazi ukubhala izivakalisi ngawabo amabali.

- Ukubhala aggithise umyalezo, umz. weminqweno emihle.
- Ukubhala amagama ukwenza isivakalisi esebenzisa izandi ezifundiweyo, namagama abonwa rhoqo.
- Ukubhala izivakalisi ezibini ubuncinane ngeendaba zakhe okanye ngakufundileyo notitshala, esebenzisa ixesha eladlulayo.
- Ukusebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi, kwakunye nokusebenzisa oonobumba abakhulu ekubhaleni amagama abantu.
- Ngoncedo usebenzisa izibizo nezimelabizo ngokuchanekileyo xa ebhala, **umz. usana - lona; ileli - yona; usisi - yena; isikolo - sona njalo-njalo**.
- Ukubhala amagama enze izivakalisi ngezandi ezifundiweyo, nangamagama aqhelekileyo.
- Ukuba negalelo ngezimvo namagama ekubhalweni kwebali leklasi ngexesha lokubhala notitshala.
- Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni izivakalisi ezifutshane ngesihloko ukwakha incwadi yeklasi.
- Ukwakha ibhanki (okanye uvimba wamagama) yamagama, nesichazi-magama sakhe esebenzisa oonobumba bokuqala bamagama.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukubamba ipensile nekhrayoni ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala ngesandla

- Ukubhala oonobumba abancinane ngendlela eyiyo, ngobume nobungakanani, uqale, uphele endaweni eyiyo ngokulula behlanganisa..
- Ukubhala amanani ngendlela efanelekileyo.
- Ukubhala ashiye izithuba ezifanelekileyo phakathi kwamagama.
- Ukukhuphela ubhale amagama anikane izithuba ngendlela eyiyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2:

Ukubhala ngesandla

- Ukubhala oonobumba abakhulu abasetyenziswa rhoqo, ngokufanelekileyo.
- Ukubhala akhuphele izivakalisi ezifutshane ngokufanelekileyo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala:

- Ukubhala amagama enze izivakalisi ngezandi ezifundiweyo, nangamagama aqhelekileyo.
- Ukufundisa oonobumba abakhulu nezingxi, asebenzise oonobumba abakhulu xa ebhala igama lakhe.
- Ukwakha ibhanki yamagama, nesichazi-magama sakhe esebenzisa, oonobumba bokuqala bamagama, umz. i-**n**kukhu, u-**b**huti, u-**m**bona.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukubhala

- Ukubhala amagama enze izivakalisi ngezandi ezifundiweyo, nangamagama aqhelekileyo.
- Ngoncedo usebenzisa izibizo nezimelabizo ngokuchanekileyo xa ebhala, **umz. usana - lona; ileli - yona; usisi - yena; isikolo - sona njalo-njalo**
- Ukuba negalelo ngezimvo namagama ekubhalweni kwebali leklasi ngexesha lokubhala notitshala.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2:

Ukubhala

- Ukubhala agqithise umyalezo, umz. weminqweno emihle.
- Ukubhala izivakalisi ezibini ubuncinane ngeendaba zakhe okanye ngakufundileyo notitshala, esebenzisa ixesha eladlulayo.
- Ukusebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi, kwakunye nokusebenzisa oonobumba abakhulu ekubhaleni amagama abantu.
- Ngoncedo usebenzisa izibizo nezimelabizo ngokuchanekileyo xa ebhala, **umz. usana - lona; ileli - yona; usisi - yena; isikolo - sona njalo-njalo .**

IKOTA YESI-4	
Ukuphulaphula nokuthetha (EZEORALI) **(kubandakanya ukucinga nokuqiqa, ukwakhiwa noku-setyenziswa kolwimi)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:50 imizuzu ngeveki** **Elona likhulu: 1iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono

Imisebenzi yemihla ngemihla neyeveki kulwimi nezinye izifundo:

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa esinye isithethi, ebuza imibuzo efuna ingcaciso.
- Ukuthetha ngamava akhe nemvakalelo, umz. abalise iindaba.
- Ukuphulaphula amabali aze achaze imvakalelo yakhe ngebali elo.
- Ukusebenzisa isigama esinjengesi:isivakalisi, unobumba omkhulu, izingxi.

Kabini ngeveki, kusenziwa imisebenzi yokuphulaphula nokuthetha:

- Ukuphulaphula onwabele, aze aphendule imifanekiso, iiphazili, iziqhulo nooqashi-qashi esebenzisa ulwimi ngokwengqiqo.
- Ukusebenzisa indlela elula ukufumana ulwazi, umz. ukwenza uphando ngendlela abantwana abeza ngayo esikolweni.
- Ukuhlela ulwazi, umz. usebenzisa imifanekiso eyohlukeneyo.
- Ukuphulaphula alandele imiyalelo nezaziso nezibhengezo aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukubalisa ibali eliqhelekileyo, elinesiqalo isiqu nesiphelo; utshintsho lwethoni yelizwi, ubuncinane nobukhulu balo.
- Ukuphendula imibuzo elula, ‘ewe’ ’hayi’ nemibuzo embaxa eneempendulo ezininzi.

UKUHLOLA

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa esinye isithethi, ebuza imibuzo efuna ingcaciso.
- Ukuphulaphula amabali aze achaze imvakalelo yakhe ngebali elo.
- Ukusebenzisa isigama esinjengesi:- izivakalisi, unobumba omkhulu, isingxi.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, nokunika ingxelo emele iqela.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali/ nezenziwayo)

- Ukuthetha ngamava akhe nemvakalelo, (umz. abalise iindaba).
- Ukuphulaphula alandele imiyalelo nezaziso okanye izibhengezo aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukubalisa ibali eliqhelekileyo, elinesiqalo isiqu nesiphelo; utshintsho lwethoni yelizwi, ubuncinane nobukhulu balo.
- Ukuphendula imibuzo elula, ‘ewe’ ‘hayi’ nemibuzo embaxa neneempendulo ezininzi.

IKOTA YESI-4	
UKUFUNDA NEZANDI **(kubandakanya ukucinga nokuqiqa**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono:

Imisebenzi yezandi imihla ngemihla imizuzu eli-15.

Kuqalwa ukufundiswa kwamaqabane adibeneyo. Qhuba nemisebenzi yokwakhiwa kwamagama nokukhumbuza indlela abizwa ngayo.

- Ukuqhubeleka n amaqabane adibanayo amane ukwakha igama ,umz. i**ngcw**aba, i**nkxw**aleko, i**ndlw**ane njalo-njalo
- Ukwakha amagama ngezandi ezifundiweyo (oonone noonontlanu).
- Ukudibanisa amagama afanayo usebenzisa izandi
- Ukukhumbuza ngezininzi
- Ukufunda izandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Ukupela nokubizelwa amagama anezandi ezifundiweyo.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla:

Amaqela, ngoncedo lukatitshala (amaqela amabini ngosuku) kufundwe notitshala kabini okanye kathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala:

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi ibe nye ngeveki; Utitshala ubonisa indlela eyiyo yokufunda kwiklasi yonke.

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu beyiklasi kunye notitshala.
- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi ukuqikelela incwadi ukuba ingantoni.
- Ukuchonga isiqalo sengxaki okanye inkathazo ebalini, eyenza ibali liye kuvuthondaba.
- Ukusebenzisa imiqondiso nemifanekiso ukulandela ibali.
- Ukubonisa ukulandelelana kweziganeko kokufundiweyo.
- Ukuqonda unobangela nesiphumo ebalini.
- Ukuphendula imibuzo elula (ewe/hayi) nemibuzo embaxa neneempendulo ezininzi ngesicatshulwa esifundiweyo.
- Ukutolika ulwazi kwiiphowusta.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

Utitshala usebenza ngamaqela amabini ngosuku, imizuzu eli-15, iqela ngalinye.

Iqela ngalinye lisebenza notitshala kabini ngeveki.

- Ukufunda ngokuvakalayo incwadi yakhe eqeleni ngoncedo lukatitshala - **iqela lifunda ibali elifanayo.**
- Ukusebenzisa izandi, esebenzisa ubuchule bokwahlula amagama nokubona amagama aqhelekileyo xa efunda.
- Ukufunda ngokutyibilika okukhulayo ebonisa imvakalelo.
- Ukusebenzisa ubuchule bokulungisa iimpazamo zakhe xa efunda, Ukuqonda amagama nokuqonda akufundayo.
- Ukubonisa ukulandela iziphumlisi xa efunda ngokuvakalayo.
- Ukuqhuba nokwandisa isigama kufundo lwabaqalayo, kwiincwadi azifundileyo nakumagama aqhelekileyo.

Ukufunda ngababini/ yedwa,kathathu ngeveki:

Sebenzisa iincwadi ebezifundwe notitshala, iincwadi-mifanekiso ezilula, iincwadi ezikwithala leencwadi eklasini yabo, kwakunye nabakubhale ngokwabo.

- Ukufunda akubhalileyo ukuze enze izilungiso.
- Ukufunda yedwa okufundwe notitshala, neencwadi kwikona yokufunda eklasini yabo.

<u>QAPHELA:</u> Bonke oononye, oonombini, oonontathu, oonone noonontlanu mabagqitywe kweli Banga loku-1.

UKUHLOLA

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okusesikweni:Izandi : (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuqonda izininzi: **um**dlalo **imi**dlalo amaqabane adibanayo amane ukwakha igama ,umz. i**ngcw**aba, i**nkxw**aleko, i**ndlw**ane njalo-njalo
- Uhlaziyo lwamaqabane afanayo ekuqaleni kwegama
- Ukwakha amagama ngezandi ezifundiweyo (oonone).
- Ukufunda izandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Izandi: (Ezeorali/ezenziwayo/ nezibhalwayo)

- **Ukunanakana amaqabane efanayo ekupheleni kwegama**
- **Ukusebenzisa oonombini, oonontathu nonone ukwahlula amagama**
- Ukwakha amagama nezivakalisi ezilula ngezandi ezifundiweyo (oonone).
- **Ukudibanisa amagama afanayo nezandi ezifanayo**

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali/ nezenziwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi ukuqikelela incwadi ukuba ingantoni.
- Ukuchonga isiqalo sengxaki okanye inkathazo ebalini, eyenza ibali liye kuvuthondaba.
- Ukusebenzisa imiqondiso nemifanekiso ukulandela ibali.
- Ukutolika ulwazi kwiiphowusta.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukusebenzisa izandi, esebenzisa ubuchule bokwahlula amagama nokubona amagama aqhelekileyo xa efunda.
- Ukusebenzisa ubuchule bokulungisa iimpazamo zakhe xa efunda, ekhumbula amagama nomongo wesifundo eso.
- Ukubonisa ukulandela iimpawu zentetho xa efunda ngokuvakalayo.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda akubhalileyo ukuze enze izilungiso.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi ezimagama makhulu beyiklasi kunye notitshala.
- Ukubonisa ukulandelelana kweziganeko kokufundiweyo.
- Ukuqonda unobangela nesiphumo ebalini.
- Ukuphendula imibuzo elula (ewe/hayi) nemibuzo embaxa neneempendulo ezininzi ngesicatshulwa esifundiweyo.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo efunda incwadi yakhe eqeleni ngoncedo lukatitshala; **iqela lifunda ibali elifanayo.**
- Ukusebenzisa izandi, esebenzisa ubuchule bokwahlula amagama nokubona amagama aqhelekileyo xa efunda.
- Ukufunda ngokutyibilika okukhulayo nokubonisa imvakalelo.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda yedwa okufundwe notitshala, neencwadi kwikona yokufunda eklasini yabo.

IKOTA YESI-4	
UKUBHALA **(kubandakanya ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Imisebenzi esesikweni kane ngeveki imizuzu eli-15.

Fundisa kwakhona oonobumba abancinane nabakhulu. Qhuba nokufundisa ngezithuba phakathi koonobumba begama, namagama kwisivakalisi logama abafundi bekhuphela amagama nezivakalisi ezisebhodini nakwizivakalisi ezisephepheni.

- Ukubamba ipensile nekhrayoni ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa oonobumba abancinane nabakhulu ngokufanelekileyo nangokulula; baqale baze baphele ngokufanelekileyo xa bebhala.
- Ukukhuphela nokubhala amagama eshiya izithuba ezifanelekileyo.
- Ukubhala nokukhuphela izivakalisi ngokufanelekileyo.

Ukubhala notitshala, ngamaqela, nayedwa:

Iklasi yonke/amaqela amancinane/ yedwa, bebhala kathathu ngeveki imizuzu eli-15, kubhalwa okufundwe notitshala, iingxoxo nezimvo zabo. Ngokubhala bengamaqela baboniswa indlela echanekileyo yokusebenzisa iziphumlisi, up-elo negrama (amaxesha, isininzi, izalathiso).

- Ukuba negalelo ngezimvo nangamagama ekuqulunqweni kwebali leklasi (ukubhala notitshala).
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi ngesihloko esiza kubhalwa.
- Ukubhala izivakalisi ezithathu ubuncinane ngamabali akhe, ngokubhalwe eqeleni okanye azakhele ibali esebenzisa izandi ezifundiweyo namagama aqhelekileyo, oonobumba abancinane nabakhulu nezingxi.
- Ukubhala izivakalisi ngesihloko ukwandisa uncwadi kwikona yokufunda yeklasi.
- Ukupela amagama aqhelekileyo ngokukuko.
- Ukusebenzisa amaxesha (elangoku neladlulayo) ngokufanelekileyo xa ebhala.
- Ukwakha isininzi kumagama aqhelekileyo.
- Ukusebenzisa izalathandawo ngokufanelekileyo.
- Ukuzakhela uvimba wamagama nesichazi-magama esebenzisa unobumba wokuqala wegama.
- Ukuqokelela ulwazi ulubeke ngendlela yegrafu, umz. itshati okanye imbali yeminyaka.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesanda

- Ukubamba ipensile nekhrayoni ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa oonobumba abancinane nabakhulu ngokufanelekileyo nangokulula; baqale baze baphele ngokufanelekileyo xa bebhala.
- Ukukhuphela nokubhala isivakalisi ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukubhala ngesandla

- Ukusebenzisa oonobumba abancinane nabakhulu ngokufanelekileyo nangokulula; baqale baze baphele ngokufanelekileyo xa bebhala.
- Ukushiya izithuba ezifanelekileyo phakathi kwamagama xa ebhala.
- Ukukhuphela nokubhala izivakalisi ngokufanelekileyo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala

- Ukuba negalelo ngezimvo nangamagama ekuqulunqweni kwebali leklasi (ukubhala notitshala).
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi ngokuza kubhalwa.
- Ukuzakhela uvimba wamagama nesichazi-magama esebenzisa unobumba wokuqala wegama.

Umsebenzi kuhlola okusesikweni woku1:

Ukubhala

- Ukubhala izivakalisi ezithathu ubuncinane ngamabali akhe, ngokubhalwe eqeleni okanye azakhele ibali esebenzisa izandi ezifundiweyo namagama aqhelekileyo, oonobumba abancinane nabakhulu nezingxi.
- Ukupela amagama aqhelekileyo ngokukuko.
- Ukusebenzisa amaxesha (elangoku neladlulayo) ngokufanelekileyo xa ebhala.
- Ukwakha isininzi kumagama aqhelekileyo.
- Ukusebenzisa izalathandawo ngokufanelekileyo.
- Ukuqokelela ulwazi ulubeke ngendlela yegrafu, umz. itshati enembali yeminyaka.

litekisi ezinokusetyenziswa / oovimba bolwazi:
Ukuphulaphula nokuthetha: • Imifanekiso nephowusta • Izinto eziphathekayo nezinxulumene nezihloko, neentloko • Amaqhekeza ebhodi yamabali, neephazili • Imifanekiso yokulungelelaniswa • Izinxibo zemidlalo yokulinganisa • Imifanekiso yeephazili • Amabali alula • Iincwadi zemifanekiso • Iitshati • Iingoma,imihobe imidlalo • Umabonakude, iividiyo, iiCD zamabali afundwayo nabaliswayo
Ukufunda nezandi: • Imifanekiso neephowusta • Iitshati zodonga zezandi • Iilogo zasekuhlaleni • Iincwadi ezinkulu zamabali • Izicatshulwa ezilula ezinolwazi • Iincwadi ezincinane zamabali • Iilebheli zeklasi nonotsheluza • Izalathisi nezichazi magama • Amakhadi amagama abantwana • Oonotsheluza beelebhile zezinto eziseklasini • Iintonga zokukhomba xa kufundwa notitshala

Ukubhala nokubhala ngesandla

- Izixhobo zokubhala nezokusetyenziswa xa kusenziwa imidlalo yokubhala nonxibelelwano phakathi kweliso nesandla, umz. iibhola, oohula-huphsi, izikere, umdongwe, iplastisini
- Izixhobo zokubhala, umz. ipensile ezimabala-bala, iikhrayoni, iibrashi zokupeyinta, iincwadi zokubhalela namaphepha angalinganiyo
- Iitshati neekoki-peni.
- Izichazi-magama zabo
- Itshati katitshala yokubhala nesixhobo sokubhala (koki pen)

3.3 IBANGA LESI-2

IKOTA YOKU-1	
UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZEORALI) **(kubandakanya ukucinga nokuqiqa, ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 1 iyure ngeveki**

Imisebenzi yemihla ngemihla yeeveki kwiinkalo zonke zolwimi nezinye izifundo:

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi.
- Ukunika abanye amathuba okuthetha.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba zakhe.
- Ukusebenzisa amagama achanekileyo ngokwemeko yomxholo, umz. isimemo.
- Ukuza nezisombululo kwingxaki ngakumbi kwizibalo.

Imisebenzi yokuphulaphula nokuthetha emayenziwe kabini ngeveki:

- Ukuphulaphula ibali ngomdla aze aphendule imibuzo engebali elo.
- Ukuphinda ulandelelwaniso lweziganeko ebalini ngokuchanekileyo.
- Ukuphulaphula imiyalelo eziqendu zibini ubuncinane, baze baphendule ngokufanelekileyo.
- Ukubalisa ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, ukubuza nokuphendula imibuzo, negalelo ngezimvo zakho.

UKUHLOLA

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphinda ulandelelwaniso lweziganeko ebalini ngokuchanekileyo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, abuze aphendule imibuzo, negalelo ngezimvo zakhe.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba zakhe.
- Ukuphulaphula imiyalelo eziqendu zibini ubuncinane, baze baphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula ibali ngomdla aze aphendule imibuzo engebali elo.
- Ukubalisa ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo.

IKOTA YOKU-1	
UKUFUNDA NEZANDI **(kubandakanya ukucinga nokuqiqa)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi yemihla ngemihla, imizuzu eli-15:

Hlaziya oonobumba nezandi ezingoonombini, oonontathu noonone ezenziwe kwibanga loku-Abafundi mabaqhubeke nolwakhiwo lwamagama abawafumene kufundo, nokubhala notitshala.

- Ukuchonga unobumba - izandi ezizalanayo zonobumba abazimeleyo
- Uhlaziyo nezandi ezingoonombini, oonontathu noonone ezenziwe kwibanga loku-1.
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonombini, oonontathu noonone.
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonombini, oonontathu noonone loonobumba. Gqithela kumagama angaqhelekanga angoonontathu. umz. i**ntl**anzi, i**ntl**aka, i**ntl**onti, i**ngc**aphephe, i**ngc**ebiso, ii**ngc**ondo, i**ngc**uka, i**ngw**enya, i**ngq**o**ngq**o,i**nkq**ayi, i**nkq**ubo, i**nkx**aso, njalo-njalo.
- Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amane (**oonone**) umz. **nkxw**e, i**nkxw**aleko, i**ngxw**aba-**ngxw**aba, i**ngqw**alasela, ii**ngqw**eqwe.
- Upelo nobizelo lwamagama anezandi ezifundwe kwiBanga loku-1 luyaqhutywa.
- Ukusebenzisa zonke izakhono zokupela, umz. kusetyenziswe izijungqe zoonobumba zokulakha igama elingaziwayo, ukukhuphela amagama anobunzima ezincwadini bewajongile, bawabize rhoqo xa bewabhala amagama, bawajonge rhoqo koonotsheluza.
- Ukubhala izivakalisi nemihlathi emifutshane.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla:

Ukufunda ngamaqela, ngoncedo lukatitshala (amaqela amabini ngosuku) kabini nakathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi ibe nye ngeveki; utitshala ubonisa iklasi yonke indlela eyiyo yokufunda .

Gxininisa ufundise oku kulandelayo: ingqiqo ngokubhaliweyo, ubunjani beetekisi, izandi, imvakalozwi, ubuchule bokwazi amagama nezicatshulwa ngokwamazinga ahlukeneyo, umz. undoqo, ukuhlengahlengisa, ukuqikelela, uku-phendla novakalelo. Bonisa izakhono zokucazulula nokuphimisela izandi xa ufunda.

- Ukufunda imiyalelo elula yeklasi.
- Ukutolika imifanekiso nokubhaliweyo, umz.ifoto, intengiso, upapasho lwento, ukwenza elakhe ibali, ‘afunde ifoto’.
- Ukufunda incwadi bebonke notitshala ngokuvakalayo, baze bachaze imiba ephambili ebalini.
- Ukusebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukuqikelela ukuba ibali lingantoni, umz. uqweqwe lwencwadi, imizobo encwadini.
- Ukunika uluvo lwakhe ngetekisi efundiweyo.
- Ukuchonga okubalulekileyo kokufundiweyo, umz. ukulandelelana kweziganeko.
- Ukuphendula imibuzo embaxa nekwizinga eliphezulu, phambi kokufunda, ngeli xesha lokufunda, nasemva kokufunda itekisi notitshala, umz. nika izizathu, nika umfanekiso ngqondweni.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

Utitshala usebenza neqela ngalinye kabini ngeveki imizuzu eli-15, iqela ngalinye.

Iqela ngalinye lisebenza notitshala kabini ngeveki.

Utitshala usebenza ngamaqela akwizinga elinye ngokufunda, befunda iitekisi ezahlukileyo (*graded reading schemes*).

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe ngokomgangatho wakhe - **iqela lifunda ibali elifanayo ngokomgangatho weqela elo.**

- Ukusebenzisa imifanekiso ekwitekisi ukulandela okubaliswayo.
- Ukusebenzisa unakano lwamagama, izandi nobuchule bengqiqo njengezandi, izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo xa efunda.
- Ukubonisa ulwazi lweziphumlisi xa afundayo, izingxi, iikoma, amaphawu ombuzo njalo-njalo, xa efunda ngokuvakalayo.
- Ukuqonda amagama aqhelekileyo, aqhube nokwakha amagama ngezandi ezifundiweyo.

Ukufunda ngababini/ yedwa, kathathu ngeveki:

Baqalise ukufunda ngababini nayedwa.

Chonga iitekisi ezaziwayo, nabanokuzifunda ngabanye, ezikwizinga lokufunda lomfundi ngamnye, ezibulula kunezo zifundwa notitshala, anokunakana iqela lamagama xa eyifunda loo tekisi.

- Ukufunda eyedwa, umz. iincwadi zemifanekiso, iikhadi zemihobe okanye imibongo, iincwadi zamabali kwithala leencwadi okanye eklasini.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi: (Ezeorali nezenziwayo)

- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonombini, oonontathu noonone ezenziwe kwibanga loku-1.
- Ukuqonda izandi zamagama
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonombini, oonontathu noonone.
- Ukufunda amagama kwizifundo zezandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

- **Izandi: (Ezeorali/ezenziwayo/ezibhalwayo)**Ukuchonga unobumba - izandi ezizalanayo zonobumba abazimeleyo
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonombini, oonontathu noonone.
- Ukwakha amagama angaqhelekanga angoonontathu. umz. i**ntl**anzi, i**ntl**aka,**intl**onti, i**ngc**aphephe, i**ngc**ebiso,
- ii**ngc**ondo, i**ngc**uka, i**ngw**enya, i**ngq**o**ngq**o,i**nkq**ayi, i**nkq**ubo, i**nkx**aso, njalo-njalo.
- Ukwakha amagama esebenzisa izandi ezakhiwe ngamaqabane amane (**oonone**) umz. **nkxw**e, i**nkxw**aleko,

i**ngxw**aba-**ngxw**aba, , **ingqw**alasela, ii**ngqw**eqwe

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukufunda imiyalelo elula yeklasi.
- Ukutolika imifanekiso nokubhaliweyo, umz i foto, upapasho lwento, ukwenza elakhe ibali,'afunde' ifoto.
- Ukufunda incwadi bebonke notitshala, aze achaze imiba ephambili.
- Ukusebenzisa izikhokelo zokubonwayo njengemifanekiso kuqweqwe lwencwadi ukuqikelela ukuba ibali lingantoni, aze avakalise izimvo zakhe.
- Ukuchonga okubalulekileyo kokufundiweyo, umz. ukulandelelana kweziganeko.
- Ukuphendula imibuzo embaxa nekwizinga eliphezulu, phambi kokufunda, ngeli xesha efunda, nasemva kokufunda itekisi notitshala, umz. xhasa amazwi akho, khawubeke ngawakho amazwi, njalo-njalo.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe eqeleni ngoncedo lukatitshala - **iqela lifunda ibali elifanayo, kumgangatho wokufunda kwalo.**
- Ukusebenzisa imifanekiso ekwitekisi kulandela kubaliswayo.
- Ukusebenzisa unakano lwamagama, izandi nobuchule bengqiqo njengezandi, izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo xa efunda.
- Ukubonisa iziphumlisi xa afundayo, izingxi, iziphumlisi, iimpawu zombuzo njalo-njalo, xa efunda ngokuvakalayo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku- 1:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukutolika imifanekiso nokubhaliweyo, umz. ifoto, upapasho lwento, ukwenza elakhe ibali, 'afunde' ifoto.
- Ukufunda iincwadi bebonke notitshala ngokuvakalayo baze bachaze imiba engundoqo.
- Ukusebenzisa izikhokelo zokubonwayo njengemifanekiso kuqweqwe lwencwadi ukuqikelela ukuba ibali lingantoni, aze avakalise izimvo zakhe.
- Ukuchonga okubalulekileyo kokufundiweyo, umz. ukulandelelana kweziganeko.

Ufundo ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo efunda incwadi yakhe ngokomgangatho wakhe, efunda ngoncedo lukatitshala - **iqela lifunda ibali elifanayo nelikumgangatho weqela elo.**
- Ukusebenzisa unakano lwamagama, izandi nobuchule bengqiqo njengezandi, izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo xa efunda.

IKOTA YOKU-1	
UKUBHALA **(kubandakanya ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Imisebenzi esesikweni kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

Fundisa kwakhona oonobumba abancinane nabakhulu. Qhuba nokufundisa ngezithuba phakathi koonobumba begama, amagama kwisivakalisi, logama abafundi bekhuphela amagama nezivakalisi ezisebhodini nakwizivakalisi ezisephepheni.

- Ukubamba ipensile nezinye izixhobo zokubhala (incwadi namaphepha), ngokufanelekileyo.
- Ukubhala oonobumba abancinane nabakhulu abangama-26 ngokufanelekileyo;qwalasela ukwakhiwa nezithuba phakathi kwemigca.
- Ukubhala oonobumba namagama,eshiya izithuba ezifanelekileyo.
- Ukhuphela, abhale izivakalisi ezibini nangaphezulu ngokucacileyo nangokufanelekileyo.
- Ukubhala asebenzise iziphumlisi, umz. izingxi, uphawu lombuzo, uphawu lwesikhuzo, ikoma njalo-njalo.

Ukubhala notitshala, ngamaqela, nayedwa:

Iklasi yonke okanye amaqela amancinane babhala kabini nakathathu ngeveki imizuzu engama-20, kubhalwa oku-fundwe notitshala. Ngokubhala bengamaqela baboniswa indlela echanekileyo yokusebenzisa iziphumlisi, upelo, negrama. Babhalele amagama okuqala kwizivakalisi, baze bagqibezele ukubhala ezabo izivakalisi.

Fundisa ukwenza izichazi-magama zabo.

- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa umyalezo, umz. **ngamava akhe.**
- Ukuba negalelo kwibali leklasi ngeembono nezimvo.
- Ukubhala uluhlu lwezinto esebenzisa ikoma ukuzahlula, umz**. imisebenzi yemini.**
- Ukubhala izivakalisi zibe zithathu ubuncinane, umz.ngeendaba zakhe, kokubhalwe notitshala, nebali aziqulunqele lona, esebenzisa izandi ezifundiweyo, amagama aqhelekileyo, oonobumba abakhulu nezingxi.
- Ukubhala enze nemizobo yezivakalisi ezibini ukuya kwezine ngesihloko, ukwenza igalelo kwiincwadi zokufunda zeklasi.
- Ukwakha ibhanki yamagama nezichazi-magama sakhe esebenzisa oonobumba bokuqala bamagama ukuphuhlisa isakhono sesichazi-magama.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala, incwadi namaphepha, ipensile, irabha, irula, ngokufanelekileyo.
- Ukubhala oonobumba abancinane nabakhulu abangama-26 ngokufanelekileyo; qwalasela ukwakhiwa nezithuba phakathi kwemigca.
- Ukubhala asebenzise iziphumlisi, izingxi, iimpawu zombuzo, uphawu lokukhuza, ikoma.
- Ukubhala amagama, eshiya izithuba ezifanelekileyo phakathi koonobumba namagama.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku - 1:

Ukubhala ngesandla

- Ukubhala oonobumba abancinane nabakhulu abangama-26 ngokufanelekileyo; qwalasela ukwakhiwa nezithuba.
- Ukhuphela, abhale izivakalisi ezibini nangaphezulu ngokucacileyo nangokufanelekileyo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala:

- Ukubhala uluhlu lwezinto esebenzisa ikoma, umz. **imisebenzi yemini.**
- Ukwakha ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe esebenzisa oonobumba bokuqala bamagama.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku - 1:

Ukubhala:

- Ukuzoba umfanekiso ngenjongo yokudlulisa umyalezo, umz. **ngamava akhe.**
- Ukubhala izivakalisi zibe zithathu ubuncinane, umz.ngeendaba zakhe, kokubhalwe notitshala, nebali aziqulunqele lona, esebenzisa izandi ezifundiweyo, amagama aqhelekileyo, oonobumba abakhulu nezingxi.
- Ukuthabatha inxaxheba ngezimvo ekubhaleni incwadi yeklasi.

IKOTA YESI-2	
Ukuphulaphula nokuthetha(EZEORALI)	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:45 imizuzu ngeveki** **Elona likhulu:1 iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeeveki kwiinkalo zonke zolwimi nezinye izifundo

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa ebonisa imbeko kwisithethi.
- Ukunika amathuba okuthetha, ebonisa imvakalelo kwabanye, aze aphawule ngakuvileyo.
- Uthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba ngaphandle kokuphindaphinda.
- Ukuqonda nokusebenzisa ulwimi olufanelekileyo nakwezinye izifundo, umz. ulwimi lwezezibalo.
- Ukucebisa ngezisombululo kwingxaki, ngakumbi kwizibalo.

Imisebenzi yokuphulaphula nokuthetha emayenziwe kabini ngeveki

- Ukuphulaphula ngolonwabo amabali, ixesha elide.
- Ukubonakalisa imvakalelo ngebali okanye umbongo.
- Ukuchonga imfano neyantlukwano.
- Ukuthelekisa nokwahlulahlula izinto ngokobume bazo anike nenkcazo, umz. izilwanyana ezimilenze mine nezo zimilenze mibini.Ukuphulaphula imiyalelo emide, aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula amabali nemibongo achonge undoqo, iinkcukacha nolandelelwano lweziganeko.
- Kuphendulwa imibuzo empendulo inye, (umz. ‘Hayi’ okanye ‘Ewe’), naleyo impendulo iphangaleleyo okanye ekwizinga eliphezulu, aze anike izizathu zeempendulo zakhe.
- Ukuphendula ooqashi-qashi neziqhulo.
- Ukuzenzela ezakhe izicengcelezo esebenzisa ulwimi lwengqikelelo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo ebuza nemibuzo yengcaciso.

UKUHLOLA

Iingcebiso ngokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthethaEzeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi.
- Ukunika amathuba okuthetha, ebonisa imvakalelo ngabanye, aze aphawule ngakuvileyo.
- Ukuchonga imfano neyantlukwano.
- Ukuthelekisa nokwahlulahlula izinto ngokobume bazo anike nenkcazo, umz. izilwanyana ezimilenze mine nezo zimilenze mibini.

Ukuhlola okusesikweni 1:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Uthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba ngaphandle kokuphindaphinda.
- Ukuphulaphula ngolonwabo amabali ixesha elide.
- Ukubonakalisa imvakalelo ngebali okanye umbongo.
- Ukubonakalisa imvakalelo ngebali okanye umbongo.

Ukuhlola okusesikweni 2:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula amabali nemibongo achonge undoqo, iinkcukacha nolandelelwano lweziganeko.
- Kuphendulwa imibuzo empendulo inye ,umz. ‘Hayi’ okanye ‘Ewe anike izizathu zeempendulo zakhe.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, ebuza nemibuzo yengcaciso.

IKOTA YESI-2	
UKUFUNDA NEZANDI	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi eyenziwa yonke imihla imizuzu eli-15:

- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonontathu noonone ezenziwe kwikota yoku-1.
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Upelo nobizelo lwamagama afundiweyo.
- Ukubhala izivakalisi nemihlathi emifutshane.

Imisebenzi yokufunda yonke imihla: Ufundo ngoncedo lukatitshala (amaqela amabini ngosuku) - kufundwa notitshala kabini nakathathu ngeveki.

Ufundo notitshala:

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi ibe nye ngeveki; utitshala ubonisa iklasi yonke indlela eyiyo yokufunda.

Bonisa ukusebenzisa izandi nolunye unakano lwamagama, nobuchule bengqiqo, njengezandi, izakhelo zemeko, nokwenza uqikelelo ukwenzela intsingiselo yeetekisi.

- Ukusebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukubonisa injongo yesibhengezo, nabantu abalungiselelwe sona.
- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala, kuze kuxoxwe ngembangi okanye unobangela nefuthe okanye isiphumo.
- Ukuchonga undoqo kokufundiweyo, umz. abadlali abaphambili nesimo sentlalo.
- Ukufunda izicengcelezo, imibongo neengoma ezaziwayo beyiklasi notitshala, kuxoxwe ngobume bazo.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo, umz. ‘Angaba amakhaya abo ahluke ngantoni?’
- Ukunika uluvo lwakhe kokufundiweyo.

Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

Utitshala usebenza namaqela amabini ngosuku, imizuzu eli-15 iqela ngalinye.

Iqela ngalinye lisebenza notitshala kabini ngeveki.

Fundisa abantwana ukuzilungisa xa befunda, Ukuqonda amagama nokwenza intsingiselo yesicatshulwa. Abafundi bakwazi ukubuza: ‘ivakala kakuhle?’, ‘ibonakala kakuhle?, ‘ngaba inentsingiselo eyiyo?’

- Ukufunda ngokuvakalayo encwadini ngokwezinga afunda ngalo notitshala, iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa amagama abonwa rhoqo, izandi nobuchule bengqiqo ngezandi, xa efunda.
- Ukuqalisa ukuzijonga xa efunda, kunakano lwamagama nentsingiselo yetekisi.
- Ukufunda ngotyibiliko olukhulayo, nokubonisa imo.
- Ukuqhubeleka nokuzakhela isigama kwinkqubo yofundo kwabaqalayo, iincwadi zokufunda ezahlukileyo ngezinga, noluhlu lwamagama abonwa rhoqo.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla, imizuzu engama-20, ngeli xa amanye amaqela afunda notitshala.

- Ukufundela umlingane wakhe ngokuvakalayo.
- Ukufunda akubhalileyo, noko kubhalwe ngabanye.
- Ukufunda yedwa, umz. ukufunda iikhomikhi, namabali angeyonyani.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi : (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukufunda amagama athatyathwe kwizifundo zezandi, kwizivakalisi nakwezinye iitekisi
- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonontathu noonone ezenziwe kwikota yoku-1.
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Upelo nobizelo lwamagama afundiweyo.

Umsebenzi wo kuhlola okusesikweni wesi1:

- Ukufunda amagama athatyathwe kwizifundo zezandi, kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonontathu noonone ezenziwe kwikota yoku-1.
- Ukubhala izivakalisi nemihlathi emifutshane.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi - 2:

Izandi: (Ezeorali/ezenziwayo /nezibhalwayo)

- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Upelo nobizelo lwamagama afundiweyo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukusebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukubonisa injongo yesibhengezo, nabantu abalungiselelwe sona.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo, umz. ‘Angaba amakhaya abo ahluke ngantoni?’

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngotyibiliko olukhulayo, abonise nemo.
- Ukuqalisa ukuzijonga xa efunda, kunakano lwamagama nentsingiselo yetekisi.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda akubhalileyo, noko kubhalwe ngabanye.
- Ukufunda yedwa, umz: ukufunda iikhomikhi, namabali angeyonyani.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku -1:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala kuze kuxoxwe ngembangi okanye unobangela nefuthe okanye isiphumo.
- Ukuchonga undoqo kokufundiweyo, umz. abadlali abaphambili nesimo sentlalo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukusebenzisa amagama abonwa rhoqo, izandi nobuchule bengqiqo ngezandi, xa efunda.
- Ukufunda ngotyibiliko olukhulayo ebonisa nemo.

Ukufunda ngababini/yedwa:

- Ukufunda yedwa, umz. ukufunda iikhomikhi namabali angeyonyani.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi - 2:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukusebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukubonisa injongo yesibhengezo, nabantu abalungiselelwe sona.
- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala kuze kuxoxwe ngembangi okanye unobangela nefuthe okanye isiphumo.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo, umz. ‘Angaba amakhaya abo ahluke ngantoni?’
- Ukunika uluvo lwakhe kokufundiweyo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo encwadini ngokwezinga akulo, efunda ngoncedo lukatitshala, iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa amagama abonwa rhoqo, izandi, nobuchule bengqiqo ngezandi xa efunda.

Ukufunda ngababini/yedwa:

- Ukufundela umlingane wakhe ngokuvakalayo.

IKOTA YESI-2	
UKUBHALA	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:1 iyure e-1 45 imizuzu ngeveki** **Elona lincinci:2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

Abafundi basebenzisa ukungadibanisi xa bekhuphela okuninzi kwiitekisi ezibhalwe ngokungadibanisi, bebhala cocekileyo nangokuchanekileyo.

- Ukubhala bengadibanisi bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokuchanekileyo nangokuzithemba.
- Ukusebenzisa izithuba ezifanelekileyo phakathi kwamagama esivakalisi.
- Ukubhala ngokwamkelekileyo kwimigca yencwadi ezithuba zili-17 mm.
- Ukukhuphela isiqendu (okanye umhlathana) esimigca mithathu nemine sibe sinye kwitekisi, umz. ibali, umbongo njalo-njalo.
- Ukukhuphela iintlobo-ntlobo zokubhaliweyo, umz. izimemo ezifutshane,iminqweno yemini yokuzalwa, imiyalezo, uluhlu njalo-njalo.
- Ukuzoba iipateni ukulungiselela ukudibanisa xa ebhala.
- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokukuko, umz. ipensile, irabha, irula.

Ukubhala notitshala, neqela, nayedwa:

Ukubhala beyiklasi, bengamaqelana, kabini nakathathu ngeveki imizuzu engama-20.

Kubhalwa kunye notitshala ukubonisa ukusetyenziswa kweziphumlisi nopelo olululo. Banikwe isikhokelo sokubhala ukubancedisa xa bebhala awabo amabali.

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yokukhetha isihloko ekuza kubhalwa ngaso.
- Ukubhala itekisi enenkcazo evakalayo.
- Ukubhala elakhe ibali elinomhlathi omnye, izivakalisi ezihlanu ubuncinane, esebenzisa isikhokelo.
- Ukubhala umhlathi omnye, izivakalisi ezi-5 ubuncinane, ngamava akhe, umz. iindaba zemihla ngemihla, ibali, umhlathana kwiphepha-ndaba, njalo-njalo.
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala, ukuyila okanye ukudrafta, ukubhala, ukuhlela nokupapasha.
- Ukusebenzisa oonobumba abakhulu, ukuqala isivakalisi namagama abantu, awezinto naweendawo, neziphumlisi ezivunyiweyo, izingxi, ikoma, uphawu lombuzo, uphawu lokukhuza njalo-njalo.
- Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa amaxesha ngokukuko xa ebhala (elangoku neladlulayo).
- Ukusebenzisa izalathandawo ngokufanelekileyo.
- Ukufundela abanye akubhalileyo.
- Ukuzakhela ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe, esebenzisa oonobumba bokuqala emagameni.
- Ukusebenzisa ulwazi lwegrama, umz. oomabizwafane, izinciphiso, izichasi, izifanokuthi, izilandulo, izenzi, izibizo, izimelabizo, xa ebhala (kodwa gxininisa ekufundeni nasekubhaleni komntwana).

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla:

- Ukusebenzisa izithuba ezifanelekileyo phakathi kwamagama esivakalisi.
- Ukubhala ngokwamkelekileyo kwimigca yencwadi ezithuba zili-17 mm.
- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokukuko, umz. ipensile, irabha, irula.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku - 1:

Ukubhala ngesandla:

- Ukubhala bengadibanisi bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokuchanekileyo nangokuzithemba.
- Ukukhuphela iintlobo-ntlobo zokubhaliweyo, umz. izimemo ezifutshane, iminqweno yemini yokuzalwa, imiyalezo, uluhlu njalo-njalo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi 2:

Ukubhala ngesandla:

- Ukubhala bengadibanisi bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokuchanekileyo nangokuzithemba.
- Ukukhuphela isiqendu esimigca mithathu nemine sibe sinye kwitekisi, ibali, umbongo njalo-njalo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala:

- Ukuzakhela ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe, esebenzisa oonobumba bokuqala emagameni.
- Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukubhala:

- Ukubhala itekisi enenkcazo evakalayo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yokukhetha isihloko ekuza kubhalwa ngaso.
- Ukubhala elakhe ibali elinomhlathi omnye (izivakalisi ezihlanu ubuncinane) esebenzisa isikhokelo.
- Ukusebenzisa oonobumba abakhulu, umz ukuqala isivakalisi namagama abantu, awezinto naweendawo, neziphumlisi ezivunyiweyo, umz. izingxi, ikoma, uphawu lombuzo, uphawu lwesikhuzo njalo-njalo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi 2:

Ukubhala:

- Ukubhala elakhe ibali elinomhlathi omnye, umz. izivakalisi ezihlanu ubuncinane, esebenzisa isikhokelo.
- Ukubhala umhlathi omnye, umz. izivakalisi ezi-5 ubuncinane, ngamava akhe, umz. iindaba zemihla ngemihla, ibali, umhlathana kwiphephandaba njalo-njalo.
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala, ukuyila okanye ukudrafta, ukubhala, ukuhlela nokupapasha.
- Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa amaxesha ngokukuko xa ebhala, elangoku neladlulayo.
- Ukufundela abanye akubhalileyo.

IKOTA YESI-3	
Ukuphulaphula nokuthetha	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeeveki ngeveki kulwimi nezinye izifundo:

- Ukuphulaphula ngobuchule ebonisa imbeko kwisithethi, aze afune ingcaciso.
- Ukuthetha ngamava akhe eziganeko jikelele, esebenzisa ulwimi nezilinganiso ezahlukileyo.
- Ukubonakalisa isigama esandileyo xa ethetha.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo abuze, aphendule nemibuzo.
- Ukuba namacebiso kwiingxaki, ngakumbi kwezezibalo.

Imisebenzi eyenziwa kabini ngeveki, yokuphulaphula nokuthetha:

- Ukuphulaphula imiyalelo embaxa, aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula amabali, athelekelele isiphelo, okanye azenzele esakhe isiphelo.
- Ukubalisa amabali alula, ebonisa imvakalo-zwi.
- Ukuphulaphula iinkcukacha zebali aze aphendule imibuzo ekwiqondo eliphezulu, **umz. Kuba?, Xa ucinga?, Njani?, Thelekisa…, njalo-njalo (azifumanele unobangela nesiphumo.**
- Ukwenza imidlalo okanye izilinganiso zeemeko ngeemeko, umz. umsasazi).
- Ukusebenzisa ulwimi olusulungekileyo xa ethetha nabanye abantu, umz. udliwano-ndlebe nabantu ngabantu.
- Ukwenza iziqhulo namaqashi-qashi, esebenzisa ulwimi lwengqikelelo.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula ngobuchule ebonisa imbeko kwisithethi aze afune ingcaciso.
- Ukuthetha ngamava akhe eziganeko jikelele, esebenzisa ulwimi nezilinganiso ezahlukileyo.
- Ukusebenzisa ulwimi olusulungekileyo xa ethetha nabanye abantu, umz. udliwano-ndlebe nabantu ngabantu.
- Ukwenza iziqhulo namaqashi-qashi, esebenzisa ulwimi lwengqikelelo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku -1:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo).

- Ukuthetha ngamava akhe eziganeko jikelele, esebenzisa ulwimi nezilinganiso ezahlukeneyo.
- Ukubonakalisa isigama esandileyo xa ethetha.
- Ukuphulaphula amabali, athelekelele isiphelo, okanye azenzele esakhe isiphelo.
- Ukubalisa amabali alula, ebonisa imvakalo-zwi.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi 2:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo abuze, aphendule nemibuzo.
- Ukuphulaphula imiyalelo embaxa, aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula iinkcukacha zebali aze aphendule imibuzo ekwiqondo eliphezulu, **umz: Kuba?, Xa ucinga?, Njani?, Thelekisa…, njalo-njalo, ezifumnamela unobangela nesiphumo.**
- Ukwenza imidlalo okanye izilinganiso zeemeko ngeemeko, umz. umsasazi.

IKOTA YESI-3	
UKUFUNDA NEZANDI	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi yemihla ngemihla imizuzu eli-15:

- Ukufunda amagama athatyathwe kwizifundo zezandi, kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonontathu noonone ezenziwe kwikota yesi-2.
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Upelo nobizelo lwamagama afundiweyo.
- Ukubhala izivakalisi nemihlathi emifutshane.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla yonke: Amaqela efunda notitshala, amaqela amabini ngosuku, bafunde notitshala kabini nakathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala:

Ukufunda beyiklasi ngaxeshanye, kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi enye ngeveki.

- Ukufunda incwadi bebonke notitshala , bechonga ukulandelelana kweziganeko nesimo sentlalo.
- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi ukuqikelela undoqo.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo, umz. 'Kwakunokwenzeka ntoni ukuba waye……?'
- Ukunika umbono wakhe ngakufundiweyo.
- Ukuchonga izithetha-ntonye, nezichasi.
- Ukutolika ulwazi kwiigrafu neethebhile, umz. khalenda.

Ufundo ngamaqela ngoncedo lukatitshala:

Utitshala usebenza ngamaqela amabini ngosuku imizuzu eli-15 iqela ngalinye. Iqela ngalinye lisebenza notitshala kabini ngeveki.

- Ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwizinga lokufunda kwakhe notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa amagama aqhelekileyo, nezandi ezifundiweyo (oonontathu) ukwakha amanye amagama.
- Ukuziqaphela xa efunda ngokunakana amagama nentsingiselo.
- Ukufunda ngotyibiliko nangokuvakalayo.
- Ukuqhuba esakha isigama esithatyathwa kumagama awafundileyo

Ukufunda ngababini/ yedwa:

Imisebenzi yokufunda imihla yonke imizuzu engama-20, ngeli xa amanye amaqela afunda notitshala.

- Ukufundela umlingane wakhe ngokuvakalayo.
- Ukufunda akubhalileyo, noko kubhalwe ngabalingane.
- Ukufunda yedwa, umz. ukufunda iikhomikhi, iimagazini njalo-njalo.
- Ukudlala imidlalo yokufunda, agqibezele iiphazili zamagama.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi:(Ezeorali nezenziwayo)

- Ukudlala imidlalo yamagama njengephazili esebenzisa isigama sakhe nobuchule bokwakha amagama ngezandi ezifundiweyo, egxininisa koonontathu noonone.
- Ukufunda amagama athatyathwe kwizifundo zezandi, kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonontathu noonone ezenziwe kwikota yesi-2.
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Upelo nobizelo lwamagama afundiweyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku 1:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Ukuhlaziya amaqabane axhaphakileyo
- Ukuqonda amaqabane axhaphakieyo ekupheleni kwegama
- Ukwakhiwa amagama usebenzisa amaqabane nezikhamiso nonombini ebebefundiswe kule kota
- Dibanisa amagama afanayo ngokwezandi zawo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi 2:

Izandi (Ezeorali ezenziwayo nezibhalwayo)

- Ukuqonda izandi zokuqala namalungu okugqibela ngokwqepateni ezinzima
- Ukuqonda izikhamiso
- Ukwakha amagama usebenzisa amaqabane nezikhamiso nonombini abafundiswe kulo nyaka
- Dibanisa amagama afanayo abe zizandi ezibizwa ngokufanayo
- Upelo nobizelo lwamagama angaqhelekanga.
- Ukubhala izivakalisi nemihlathi emifutshane.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo,umz. ‘Kwakunokwenzeka ntoni ukuba waye……?’
- Ukuziqaphela xa efunda ngokunakana amagama nentsingiselo.
- Ukuchonga izithetha-ntonye, nezichasi.

Ufundo ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwizinga lokufunda kwakhe notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa amagama aqhelekileyo nezandi ezifundiweyo (oonontathu) ukwakha amanye amagama.
- Ukufunda ngokutyibilika nangokuvakalayo.
- Ukufunda ngababini/ yedwa:
- Ukufundela umlingane wakhe ngokuvakalayo.
- Ukufunda akubhalileyo, noko kubhalwe ngabalingane.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku 1:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda incwadi bebonke notitshala,bechonga ukulandelelana kweziganeko nesimo sentlalo.
- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi ukuqikelela undoqo.
- Ukunika imbono yakhe ngokufundiweyo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwizinga lokufunda kwakhe notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa amagama aqhelekileyo, nezandi ezifundiweyo (oonontathu) ukwakha amanye amagama.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi 2:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda incwadi bebonke notitshala , bechonga ukulandelelana kweziganeko nesimo sentlalo.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo, umz.'Kwakunokwenzeka ntoni ukuba waye……?'
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo, umz. Kwakunokwenzeka ntoni ukuba waye……?

Ufundo ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwizinga lokufunda kwakhe notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukufunda ngokutyibilika nangokuvakalayo.

Ukufunda ngamaqela / yedwa

- Ukufunda yedwa, umz. ukufunda iikhomikhi, izibongo, iimagazini njalo-njalo.

IKOTA YESI-3	
UKUBHALA	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona likhulu:2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/ Izakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni kathathu ngeveki imizuzu eli 15.

Abafundi bayaqhuba nokungadibanisi xa bebhala, kodwa baqalise ukudibanisa. Olu uhlobo lokubhala luxhomekeke kwipolisi yesikolo okanye yephondo.

Ulondolozo lokubhaliweyo kungadityaniswa:

- Ukubamba ipensile, irula nerabha ngokufanelekileyo.
- Ukwakha oonobumba abancinci nabakhulu ngokucacileyo, ngesantya esinyukelayo nangocoselelo.
- Ukulondoloza ubungakanani boonobumba abakhulu nabancinane xa kubhalwa amagama.
- Ukusebenzisa uhlobo lokungadibanisi kuyo yonke into ebhalwayo.

Utshintsho lokubhala ngokudibanisa amagama:

- Ukubhala amagama alula ngokudibanisa.
- Ukukopa, abhale oonobumba ababini ubuncinane ngokudibanisa.
- Ukukopa, abhale iipateni namagama amafutshane ngokudibanisa.
- Ukuqonda aze afunde amagama amafutshane abhalwe ngokudibanisa.

Ukubhala notitshala, bengamaqela/ yedwa:

Ukubhala beyiklasi okanye bengamaqelana, kabini nakathathu ngeveki imizuzu engama-20.

Kubhalwa kunye notitshala ukubonisa ukusetyenziswa kweziphumlisi (ukudrafta, ukubhala nokupapasha). Banikwe isikhokelo sokubhala ukubancedisa xa bebhala awabo amabali.

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi ngesihloko esiza kubhalwa.
- Ukubhala itekisi evakalayo, umz. ikhadi leminqweno emihle, ikhadi leposi njalo-njalo.
- Ukudrafta, abhale aze apapashe ibali lakhe elimigca mithandathu ubuncinane.
- Ukubhala iziqendu esi-1 ukuya kwezi-2 (izivakalisi ezisibhozo) ngamava akhe okanye iziganeko.
- Ukusebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo, izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo, ukuze kufundeke okubhaliweyo.
- Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo, alinge ukupela nangaqhelekanga esebenzisa izandi azifundileyo.
- Ukusebenzisa amaxesha ngendlela eyiyo (elangoku, eladlulayo nelizayo).
- Ukuchonga asebenzise izibizo, izenzi nezimelabizo ngokufanelekileyo.
- Ukufunda aze athethe ngakubhalileyo nomlingane wakhe.
- Ukwakha ibhanki yakhe yamagama nesichazi-magama sakhe.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukubamba ipensile, irula nerabha ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku -1:

Ukubhala ngesandla

- Ukwakha oonobumba abancinci nabakhulu ngokucacileyo, ngesantya esinyukelayo nangocoselelo.
- Ukukopa, abhale iipateni namagama amafutshane ngokudibanisa.
- Ukukopa, abhale oonobumba ababini ubuncinane ngokudibanisa.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2: -

Ukubhala ngesandla

Utshintsho lokubhala ngokudibanisa amagama:

- Ukukopa, abhale oonobumba ababini ubuncinane ngokudibanisa.
- Ukukopa, abhale amagama amafutshane ababini ubuncinane ngokudibanisa.
- Ukuqonda aze afunde amagama amafutshane abhalwe ngokudibanisa.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala:

- Ukwakha ibhanki yakhe yamagama nesichazi-magama sakhe.
- Ukuchonga asebenzise izibizo, izenzi nezimelabizo ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku -1

- Ukubhala itekisi evakalayo, umz. ikhadi leminqweno emihle, ikhadi leposi njalo-njalo.
- Ukubhala isiqendu esi-1 ukuya kwezi-2 (izivakalisi ezisibhozo) ngamava akhe okanye iziganeko.
- Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo, alinge ukupela nangaqhelekanga esebenzisa izandi azifundileyo.
- Ukusebenzisa amaxesha ngendlela eyiyo (elangoku, eladlulayo nelizayo).

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi2:

Ukubhala:

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi ngesihloko esiza kubhalwa.
- Ukudrafta, abhale aze apapashe ibali lakhe elimigca mithandathu ubuncinane.Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ezichanekileyo, izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo, ukuze kufundeke okubhaliweyo.
- Ukusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo ukuze abanye bakwazi ukufunda oko ukubhalileyo.
- Ukuchonga asebenzise izibizo, izenzi nezimelabizo ngokufanelekileyo.
- Ukufunda nokuxoxa ngakubhalileyo nomlingane wakhe.

IKOTA YESI-4	
UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZEORALI)	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:1 iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/izakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeeveki ngeeveki kulwimi nezinye izifundo

- Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi, enika ithuba kwisithethi ephawula ngakuvileyo.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba, imo yezulu, neminye imiba njalo-njalo.
- Ukusebenzisa isigama esinjengesi: isibizo, isichazi, isenzi, isimelabizo, isiphumlisi, uphawu lombuzo, isiqendu xa bebhala.
- Ukwazi nokusebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwizifundo zonke.
- Ukuba namacebiso kwiingxaki, ngakumbi kwezezibalo.

Okwenziwa kabini ngeveki kugxininiswa kwimisebenzi yokuphulaphula nokuthetha:

- Ukuphulaphula imiyalelo embaxa aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, ecebisa ngezihloko zengxoxo, ebuza nemibuzo anike ingxelo ngomsebenzi weqela.
- Ukuthabatha inxaxheba kwimidlalo yamagama.
- Ukwenza iziqhulo nooqashi-qashi esebenzisa ilizwi ngokufanelekileyo.
- Ukuphulaphula aphendule kwisithethi angasiboniyo.
- Ukuphulaphula iinkcukacha zebali aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu, azixhase.
- Ukunika izimvo ngetekisi aze anike nezizathu.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo).

- Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi, enika ithuba kwisithethi ephawula ngakuvileyo.
- Ukusebenzisa isigama esinjengesi: isibizo, isichazi, isenzi, isimelabizo, isiphumlisi, uphawu lombuzo, isiqendu xa bebhala.
- Ukuba namacebiso kwiingxaki, ngakumbi kwezezibalo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwimidlalo yamagama.
- Ukwenza iziqhulo nooqashi-qashi esebenzisa ilizwi ngokufanelekileyo.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu, azixhase.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuthetha ngamava akhe (umz. ukubalisa iindaba, imo yezulu, neminye imiba njalo-njalo).
- Ukuphulaphula imiyalelo embaxa, aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukuthabatha inxaxheba kwiingxoxo, ecebisa ngezihloko zeengxoxo, ebuza nemibuzo anike ingxelo ngomsebenzi weqela.
- Ukuphulaphula iinkcukacha zebali, aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu.
- Ukunika izimvo ngetekisi aze anike nezizathu.

IKOTA YESI-4	
UKUFUNDA NEZANDI	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi yemihla imizuzu eli-15

- Ukuqonda ubuncinane izikhamiso ezitsha zibe zithathu
- Ukuqonda isinye nesibini sezikhamiso ezibizwa kunye
- Ukudlala imidlalo yamagama njengephazili esebenzisa isigama sakhe nobuchule bokwakha amagama ngezandi ezifundiweyo, egxininisa koonontathu noonone
- Ukufunda amagama athatyathwe kwizifundo zezandi, kwizivakalisi nakwezinye iitekisi
- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonontathu noonone ezenziwe kwikota yesi-3
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone.
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone
- Ukufunda amagama kwisifundo sezandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Upelo nobizelo lwamagama afundiweyo.
- Ukubhala izivakalisi nemihlathi emifutshane.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla: Amaqela, ngoncedo lukatitshala (amaqela amabini ngosuku) kufundwe notitshala kabini nakathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15 besebenzisa itekisi ibe nye ngeveki:

- Ukufunda imibongo neengoma beyiklasi notitshala, baze baxoxe ngobume bezi zintlu.
- Ukufunda amabali ayinyani nangenabo ubunyani, beyiklasi notitshala.
- Ukuxoxa ngeenkcubeko ezifumaneka ebalini.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo, umz. 'Ngokubona kwakho…….".
- Ukuchaza ukuba ibali ulithandile na okanye akalithandanga, aze axhase impendulo yakhe.
- Ukuphefumla ngokubhaliweyo, kwapapashwa, umz. amaphephandaba, iimagazini, iiphowusta njalo-njalo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

Utitshala usebenza namaqela amabini ngosuku imizuzu eli-15, iqela ngalinye. Iqela lisebenza notitshala kabini ngeveki.

- Ukufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo iincwadi eziyinyani nezo zingeyonyani kumgangatho akuwo ekhokelwa ngutitshala kumaqela okufunda, okanye efunda kunye notitshala, **umz. iqela lifunda ibali elifanayo.**
- Ukusebenzisa amagama aqhelekileyo, nezandi ezifundiweyo ukwakha amanye amagama anentsingiselo.
- Ukufunda ngokutyibilika nangesantya esifanelekileyo ebiza amagama ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa xa efunda, umz. ukuphinda ufunde, ukuthi xha, ukuziqhelanisa nokuliphimisela igama phambi kokulikhwaza.
- Ukuzijonga xa ufunda Ukuqonda nolwazi loko ukufundayo
- Ukuqhubekeka ukwakha isigama kwinkqubo engacwangcwiswanga yokufunda iisirisi ezisemgangathweni noluhlu lwamagama.

Ukufunda ngamaqela/ yedwa:

Ukufunda yonke imihla imizuzu engama-20, amanye amaqela afunda notitshala.

- Ukufunda oko ukubhalileyo nokubhalwe ngabanye
- Ukufundela umlingane wakhe ngokuvakalayo.
- Ukufunda akubhalileyo, noko kubhalwe ngabalingane.
- Ukufundela ulonwabo nolwazi yedwa, kwizinga eliphezulu.
- Ukudlala imidlalo yamagama njengeephazili.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okusesikweni :

Izandi: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuqonda nokusebenzisa izimamva
- Ukuhlaziya amagama azimeleyo
- Ukwakha amagama ngezandi azifundileyo, aze awafunde.
- Ukudlala imidlalo yamagama njengephazili esebenzisa isigama sakhe nobuchule bokwakha amagama ngezandi ezifundiweyo, egxininisa koonontathu noonone
- Ukufunda amagama athatyathwe kwizifundo zezandi, kwizivakalisi nakwezinye iitekisi.
- Uhlaziyo loonobumba nezandi ezingoonontathu noonone ezenziwe kwikota yesi-3
- Ukwakhiwa nokubizwa kwamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone
- Ukwakhiwa nokubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone
- Upelo nobizelo lwamagama afundiweyo

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku - 1:

Izandi:(Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuqonda ubuncinane izikhamiso zibe zihlanu
- Ukuqonda isinye nesibini sezikhamiso ezibizwa kunye
- Ukwakhiwa kwamagama usebenzisa izandi ebezifundiswe apha enyakeni
- Ukubhalwa kwezivakalisi ezilula ngamagama angaqhelekanga ngezandi ezingoonontathu noonone nezenza umhlathi.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukuphendula imibuzo ekumgangatho ophezulu kwitekisi efundiweyo.
- Ukuchaza ukuba ibali ulithandile na okanye akalithandanga, aze axhase impendulo yakhe.
- Ukuphefumla ngokubhaliweyo, kwapapashwa, umz. amaphephandaba, iimagazini, iiphowusta njalo-njalo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa xa efunda; njengokuba uphindaphinde ukufunda, ufunde uthi xha, uziqhelanisa nokuliphimisela igama phambi kokulikhwaza.
- Ukuzijonga xa ufunda Ukuqonda nolwazi loko ukufundayo

Ukufunda ngamaqela/ yedwa:

- Ukufundela umlingane wakhe ngokuvakalayo.
- Ukufunda akubhalileyo, noko kubhalwe ngabalingane.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukufunda (Ezeorali nezenziwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda amabali ayinyani nangenabo ubunyani, beyiklasi notitshala.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngetekisi efundiweyo,umz. ‘Ngokubona kwakho……?”
- Ukuphefumla ngokubhaliweyo, kwapapashwa, umz. amaphephandaba, iimagazini, iiphowusta njalo-njalo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo kumgangatho akuwo ekhokelwa ngutitshala kumaqela okufunda, okanye efunda kunye notitshala, **umz. iqela lifunda ibali elifanayo.**
- Ukusebenzisa amagama aqhelekileyo, nezandi ezifundiweyo ukwakha amanye amagama anentsingiselo.
- Ukufunda ngotyibiliko nangesantya esifanelekileyo ebiza amagama ngokufanelekileyo.

Ukufunda ngamaqela/ yedwa:

- Ukufundela ulonwabo nolwazi yedwa, kwizinga eliphezulu.

IKOTA YESI-4	
UKUBHALA	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni kathathu ngeveki imizuzu eli - 15.

Abafundi baqhuba nokungadibanisi xa bebhala, kodwa baqalise ukudibanisa. Olu uhlobo lokubhala luxhomekeke kwipolisi yesikolo okanye yephondo.

- Ulondolozo lokubhaliweyo kungadityaniswa.
- Ukubamba ipensile, irula nerabha ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa uhlobo lokungadibanisi kuyo yonke into ebhalwayo.
- Ukukopa nokubhala amagama alula ngokudibanisa.
- Ukukopa, nokubhala oonobumba ababini ubuncinane ngokudibanisa. Abhale bonke oonobumba ukuphela kwekota.
- Ukukopa nokubhala oonobumba abakhulu ngokudibanisa.
- Ukukopa nokubhala izivakalisi ezifutshane ngokudibanisa.

Ukubhala notitshala, eqeleni nayedwa:

Ukubhala beyiklasi okanye bengamaqelana, kabini nakathathu ngeveki imizuzu engama-20.

Kubhalwa kunye notitshala ukubonisa ukusetyenziswa kweziphumlisi (ukudrafta, ukubhala nokupapasha). Banikwe isikhokelo sokubhala ukubancedisa xa bebhala awabo amabali. Bonisa indlela yokusebenzisa isichazi-magama, uchaze ubume be-alfabhethi.

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo nokuba negalelo ngezimvo zakho
- Ukubhala imibongo namaculo alula.
- Ukubhala imihlathi emibini ubuncinane, izivakalisi ezili-10, ngamava akhe neziganeko, umz. ukubhala izivakalisi okanye imihlathi, ngamalungu omzimba, izilwanyana, izithuthi, izityalo, izifo, imisebenzi, iindawo, amagama asetyenziswa kwimicimbi nemigidi yakwaNtu njengolwaluko, umkhwetha, ukuthomba, ibhoma, umyeni njl. iinyanga namaxesha onyaka, isinye nesininzi, isiduna nesikhomokazi, izichasi, abantwana bezilwanyana, izinciphiso, izithetha-ntonye noomabizwafane.
- Ukuqokelela ulwazi alubeke kwitshati okanye itheyibhile.
- Ukulandelelanisa itekisi usebenzisa amagama afana nala : qala, landela, ekugqibeleni
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala: izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo, ukwenza, okanye ukuphuhlisa intsingiselo kokubhaliweyo.
- Ukupela amagama aqhelekileyo, nangaqhelekanga.
- Ukusebenzisa ixesha langoku, eladlulayo nelizayo ngokukuko.
- Ukwakha ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe.
- Ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga intsingiselo nopelo lwamagama.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukusebenzisa uhlobo lokungadibanisi kuyo yonke into ebhalwayo.
- Ulondolozo lokubhaliweyo kungadityaniswa.
- ipensile, irula nerabha ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku1:

Ukubhala ngesandla:

- Ukukopa nokubhala oonobumba ababini ubuncinane ngokudibanisa. Abhale bonke oonobumba ukuphela kwekota.
- Ukukopa nokubhala amagama amafutshane ngokudibanisa
- Ukukopa nokubhala oonobumba abakhulu ngokudibanisa.
- Ukukopa nokubhala izivakalisi ezifutshane ngokudibanisa.

lingcebiso ngemisebnzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala

- Ufuniselo lwamagama: ukubhala imibongo namaculo alula.
- Ukudrafta, abhale aze apapashe amabali, imihlathi emibini ubuncinane,izivakalisi ezili-10, ngamava akhe neziganeko, umz.(ukubhala izivakalisi okanye imihlathi ngamalungu omzimba, izilwanyana, izithuthi, izityalo, izifo, imisebenzi, iindawo,amagama asetyenziswa kwimicimbi nemigidi yakwaNtu njengolwaluko umkhwetha, ukuthomba, ibhoma, umyeni njl. iinyanga namaxesha onyaka,
- isinye nesininzi, isiduna nesikhomokazi, izichasi, abantwana bezilwanyana, izinciphiso, izithetha-ntonye noomabizwafane
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala, umz. izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo, ukwenza okanye ukuphuhlisa intsingiselo kokubhaliweyo.
- Ukupela amagama aqhelekileyo, nangaqhelekanga.
- Ukusebenzisa ixesha langoku, eladlulayo nelizayo ngokukuko.
- Ukwakha ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku - 1:

Ukubhala

- Ukubhala ubuncinane imihlathi emibini ngokwehlele wena okanye isiganeko esifana netheko ebelise khaya
- Ukuqokelela ulwazi lube kwitshathi okanye otheybhilke
- Ukusebenzisa izakhi zolwazi xa ubhala iresiphu
- Ukulandelelanisa itekisi usebenzisa amagama afana nala : qala, landela, ekugqibeleni
- Ukuqokelela ulwazi alubeke kwitshati okanye itheyibhile.
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala, umz. izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo , ukuphuhlisa intsingiselo kokubhaliweyo.
- Ukupela amagama aqhelekileyo, nangaqhelekanga.
- Ukusebenzisa ixesha langoku, eladlulayo nelizayo ngokukuko.

litekisi ezinokusetyenziswa / oovimba bolwazi:

Ukuphulaphula nokuthetha:

- Imifanekiso nephowusta
- Izinto eziphathekayo ezinxulumene nezihloko, neentloko
- Amaqhekeza ebhodi yamabali, neephazili
- Imifanekiso yokulungelelaniswa
- Izinxibo zemidlalo yokulinganisa
- Imifanekiso yeephazili
- Izixhobo zomculo
- Amabali alula
- Iincwadi zemifanekiso
- Iitshati
- Iingoma, imihobe, imidlalo
- Umabonakude,iividiyo, iiCD zamabali afundwayo nabaliswayo

Ukufunda nezandi:

- Imifanekiso neephowusta
- Iitshati zodonga zezandi
- Iilogo zasekuhlaleni
- Iincwadi ezinkulu zamabali
- Izicengcelezo, imibongo nengoma
- Izicatshulwa ezilula ezinolwazi
- Iincwadi ezincinane zamabali
- Iilebheli zeklasi nonootsheluza
- Izalathisi nezichazi magama
- Amakhadi amagama abantwana
- Oonotsheluza beelebhile zezinto eziseklasini
- Iintonga zokukhomba xa kufundwa notitshala
- Amaphephandaba neemagazini

Ukubhala nokubhala ngesandla:

- Izixhobo zokubhala nezokusetyenziswa xa kusenziwa imidlalo yokubhala nonxibelelwano phakathi kweliso nesandla, umz. iibhola, oohula-huphsi, izikere, umdongwe, iplastisini
- Izixhobo zokubhala, umz. ipensile ezimabala-bala, iikhrayoni, iibrashi zokupeyinta, iincwadi zokubhalela namaphepha angalinganiyo
- Iitshati neekoki-peni
- Izichazi-magama zabo
- Itshati katitshala yokubhala

3.4 IBANGA LESI-3

IKOTA YOKU-1	
Ukuphulaphula nokuthetha (EZEORALI)	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 1 iyure ngeveki**
Umxholo/lingqiqo/lzakhono **Imisebenzi yemihla ngemihla/yeveki kuLwimi nezinye izifundo** • Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba ebonisa izimvo nemvakalelo yakhe. • Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi, ebonisa intlonipho yesithethi enika abanye ithuba lokuthetha. • Ukusebenzisa ulwimi olufanelekileyo xa ethetha nabahlobo, kubantu abadala, eqaphela indlela iklasi yakhe elusebenzisa ngayo ulwimi olungekho sesikweni, umz. xa exelela abazali bakhe ukuba ibhola iyophule njani ifestile naxa ebalisela abahlobo bakhe kwangesi sehlo sinye. **Imisebenzi egxininisa ekuphulaphuleni nasekuthetheni eyenziwa kabini ngeveki*:*** • Ukuphulaphula imiyalelo emide elandelelanayo / embaxa (ibe mine ubuncinane) aze aphendule ngokufanelekileyo. • Ukuphulaphula undoqo neenkcukacha ebalini, aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu. umz. xa ucinga esi sihloko silifanele eli bali? Xhasa. • Ukubuza imibuzo yengcaciso, aphawule ngakuvileyo. umz. • Ukubonisa imvakalelo ngetekisi aze anike nesizathu. umz. “ndicinga ukuba umbhali ngeliphethe ngobumnandi eli bali kuba…….” • Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo, abuze imibuzo ebonisa inkathalo kwiimvakalelo zabanye. • Ukuphendula imibuzo anike nezizathu zeempendulo zakhe.	
UKUHLOLA **Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:** **Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)** • Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi, ebonisa intlonipho kwisithethi, enika abanye ithuba lokuthetha . • Ukubonisa imvakalelo ngetekisi aze anike nesizathu. Umz. “ndicinga ukuba umbhali ngeliphethe ngobumnandi eli bali kuba…….”. • Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo, abuze imibuzo ebonisa inkathalo kwiimvakalelo zabanye. **Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:** **Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)** • Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba ebonisa izimvo nemvakalelo yakhe. • Ukuphulaphula imiyalelo emide elandelelanayo / embaxa (ibe mine ubuncinane) aze aphendule ngokufanelekileyo. • Ukuphulaphula undoqo neenkcukacha ebalini, aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu, umz. “ndicinga ukuba umbhali ngeliphethe ngobumnandi eli bali kuba…….”	

IKOTA YOKU-1	
UKUFUNDA NEZANDI	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 5iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi kathathu ngeveki imizuzu eli-15:

Phinda ugxininise kwizandi (izikhamiso nezandi ezenziwa ngamaqabane) ezifundiweyo kumaBanga elo-1 nelesi-2 umz. oononye, oonombini, oonontathu noonone. Makwakhiwe amagama kusetyenziswa ezi zandi. Upelo lwamagama malwenziwe kugxininiswe koononye, koonombini, koonontathu noonone gabalala.

- Ukuchonga oonobumba- izandi nonobumba - ukuxela ukuzalana kononye
- Ukuqonda izikhamiso ezihamba ngazibini abezifundiswe kwiBanga -2
- Ukuqonda ukuba izandi zimelwe zintlobo ngentlobo zopelo
- Ukuhlaziya umsebenzi wezandi ofundwe kwiBanga loku-1 nelesi-2.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.
- Ukudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, nakwisigama sakhe.
- Ukubhala imihlathi emibini nangaphezulu kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.
- Ukugqithela kumagama angaqhelekanga angoonontathu noonone, umz. i**xhw**ane, i**xhw**ayelo, i**xhw**ele, **xhw**itha, i**nkc**azelo, i**nkc**aso, i**nkc**e**nkc**e, i**nkc**iyo, i**nkc**ubeko, i**ngqw**ayi**-ngqw**ayi, i**ngqw**angi, ii**ngqweqwe,** ii**ndyw**ala, i**ndyw**abasi, i**nyhw**agi, i**nyhw**eba.
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide, ukusebenzisa zonke izakhono zokupela, umz. kusetyenziswe izijungqe zoonobumba zokwakha igama elingaziwayo, ukukhuphela amagama anobunzima ezincwadini bewajongile, bawabize rhoqo xa bewabhala amagama, bawajonge rhoqo koonotsheluza.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kwezabo iincwadi, aze utitshala ajonge ukuba upelo luchanekile na.
- Ukubhala oonobumba namagama ngokwe alfabhethi
- Ukubhala izivakalisi ezithathu ezimfutshane bebizelwa ngutitshala.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla:

Ukufunda kwamaqela notitshala (amaqela amabini ngosuku) kufundwe notitshala kabini-kathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala:Izifundo ezenziwa yiklasi yonke kabini-kathathu ngeveki kusetyenziswa itekisi enye ubuncinane ngeveki, kufundwe notitshala.

Gxininisa ufundise oku kulandelayo: ingqiqo ngokubhaliweyo, ubunjani (iimpawu) beetekisi, izandi, imvakalozwi, ubuchule bokwazi amagama nezicatshulwa ngokwamazinga (umz. undoqo, ukuhlengahlengisa, ukuqikelela, ukuphendla nemibuzo yovakalelo).

Bonisa imodeli yendlela yokufunda yeminwe emihlanu, apho umnwe ngamnye umele indlela yokufunda enokusetyenziswa ngumntu ofundayo ukukhangela indlela yokufunda igama angalaziyo nentsingiselo yalo: abantwana bakhangela ngokujonga, ngokubuza ukuba igama 'abalisombululeyo' liyavakala, liyabonakala lichanekile na yaye linika intsingiselo. Qala ukubafundisa abantwana le nkqubo xa bedibana namagama abangawaziyo.

- Ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwizinga lokufunda kwakhe notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa izikhokelo nemifanekiso ukulandela ibali.
- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi beyiklasi kunye notitshala.
- Ukufunda incwadi notitshala beyiklasi, kuchongwe undoqo webali nabadlali abaphambili.
- Ukufunda imiyalelo eklasini.
- Ukufunda imibongo eyahlukeneyo engesihloko esinye kuze kuxoxwe ngayo (indlela emi ngayo kunye nentsingiselo).
- Ukuqonda uphawu lwentetho-ngqo, nengxelo-ntetho kumabali abhaliweyo.
- Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi ukuqikelela incwadi ukuba ingantoni na.
- Ukuchonga isiqalo sengxaki/inkathazo ebalini, eyenza ibali liye kuvuthondaba.
- Ukubonisa ukulandelelana kweziganeko kokufundiweyo.

- Ukuqonda unobangela nesiphumo ebalini.
- Ukuphendula imibuzo evalekileyo (ewe/hayi) nemibuzo ethe gabalala ngesicatshulwa esifundiweyo.
- Ukutolika ulwazi kwiiphowusta.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

Utitshala usebenza namaqela amabini ngosuku ngalunye, kwiqela ngalinye echitha imizuzu eli-15 eqeleni ngalinye. Iqela ngalinye lisebenza notitshala kabini ngeveki. Utitshala usebenza ngamaqela enziwa ngabafundi abakwizinga elinye ngokufunda, befunda iitekisi ezahlukeneyo (graded reading schemes). Fundisa abantwana ukuzazi nokuziqonda xa befunda ngokukuko okanye ngempazamo, bakwazi ukuzilungisa.

- Ukufunda notitshala okanye neklasi amabali, imibongo/imihobe, iincwadi ezinkulu, iiphowusta nekhompyuta.
- Ukubamba incwadi ngendlela efanelekileyo xa efunda.
- Ukufunda eyedwa aze achonge amagama amatsha.
- Ukubonisa ulwazi lweempawu zentetho ezinjengesingxi, uphawu lombuzo, isiphumlisi njalo-njalo.
- Ukufunda iintlobo ezahlukeneyo zemihobe/imibongo aze azihlahlele (izigaba zentetho, amagama asetyenzisiweyo njalo-njalo)
- Ukufunda ngokuvakalayo encwadini yakhe, kufundwa ibali elifanayo ngoncedo lukatitshala, kuxoxwe ngabalinganiswa, undoqo webali nemfundiso yalo.
- Ukusebenzisa izalathiso, isiqulatho, amagama aphambili, izihloko, iintloko neenombolo zamaphepha ukufumana ulwazi.
- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa iimposiso xa efunda umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.
- Ukufunda iincwadi, ngesantya esifanelekileyo aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu.
- Ukufunda izicatshulwa ezahlukeneyo ezinokuntsokotha ezifana neencwadi zeentsomi, nezibalisa ngenyaniso.
- Ukufunda nokuhlalutya iincwadi ezibhalwe ngababhali beenkcubeko ezahlukeneyo, anike iimbono zakhe.
- Ukufundela ngaphakathi nangokuvakalayo esebenzisa imbonakalo, ucinezelo olufanelekileyo nokunqumama.
- Ukufunda ngenjongo yokuzonwabisa ebiza amagama ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo.
- Ukufunda imidlalwana ebhaliweyo.
- Ukuzifundela, afundele nomlingane akubhalileyo, nokubhalwe ngabanye.

Ukufunda ngezibini/ ukuzifundela komfundi ngamnye (amaxesha amathathu ngeveki)

Abafundi mabaziswe kuhlobo lokufunda ngezibini/ ukuzifundela komfundi ngamnye. Khetha iitekisi ezaziwayo okanye ezikwinqanaba lokuba abe umfundi angazifundela yedwa (ezilula kunezo zisetyenziswa ekufundeni okuncediswa ngutitshala, amagama ewafunda ngokuchanekileyo okungama-95%)

- Ukuzifundela yedwa engancediswa: iincwadi zemifanekiso kunye neencwadi zamabali ezilula.
- Ukudlala imidlalo yokufunda agcwalise iiphazili zamagama ezama ukukhulisa izakhono zokufunda nezesigama.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuqonda ukuba izandi zimelwe zintlobo ngentlobo zopelo
- Ukuqonda nokusetyenziswa kwezandi zamagama
- Ukwakha oonontathu, oonone nonontlanu usebenzisa amaqabane nezikhamiso ezifundiswe kule kota

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

- Ukuchonga oonobumba: izandi nonobumba - xela ubudlelwane bononye xa bebonke
- Ukuqonda ngamaqabane asekuqaleni nasekugqibeleni kwegama
- Ukuqonda izikhamiso ezifundiswe kwiBanga-2
- gqithela kumagama angaqhelekanga angoonontathu noonone, umz. i**xhw**ane, i**xhw**ayelo, i**xhw**ele, **xhw**itha, i**nkc**azelo, i**nkc**aso, i**nkc**e**nkc**e, i**nkc**iyo, i**nkc**ubeko, i**ngqw**ayi-**ngqw**ayi, i**ngqw**angi, ii**ngqweqwe,** ii**ndyw**ala, i**ndyw**abasi, i**nyhw**agi, i**nyhw**eba.

- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide.

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali, ezenziwayo nezibhaliweyo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda iincwadi ezinkulu nezinye iitekisi beyiklasi kunye notitshala.
- Ukufunda imiyalelo eklasini.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufundela ngaphakathi nangokuvakalayo kwincwadi ekwizinga lokufunda kwabo beyifunda notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukubonisa ulwazi lweempawu zentetho ezinjengesingxi, uphawu lombuzo, isiphumlisi njalo-njalo xa efunda ngokuvakalayo.
- Ukusebenzisa iindlela ezizenzekelayo zokuzilungisa iimposiso xa efunda umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukufunda: (Ezeorali, ezenziwayo nezibhaliweyo)

Ukufunda notitshala:

- Ukusebenzisa izikhokelo nemifanekiso ukulandela ibali.
- Ukufunda incwadi notitshala beyiklasi, kuchongwe undoqo webali nabadlali abaphambili.
- Ukuphendula imibuzo evalekileyo (ewe/hayi) nemibuzo ethe gabalala ngesicatshulwa esifundiweyo, umz. xa ucinga kwakuza…….? Nika izizathu.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwizinga lokufunda kwabo befunda notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa izakhono zokucazulula izandi, uhlalutyo lomxholo nobume betekisi xa efunda.

IKOTA YOKU-1	
UKUBHALA	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane : 1 iyure 45imizuzu ngeveki** **Elona lininzi : 2iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

Abafundi basengasebenzisa ukungadibanisi xa bekhuphela okuninzi kwiitekisi ezibhalwe ngokungadibanisi de iphele ikota yesibini, nangona izifundo zokubhala ngesandla zijonge ukuziqhelanisa nokubhala ngokudibanisa. Le ke indlela ixhomekeke kwipolisi yesikolo/yephondo.

- Ukwakha oonobumba abancinci nabakhulu ngokucacileyo, nangesantya esinyukelayo, edibanisa oonobumba ngocoselelo.
- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo umz. ipensile, irabha nerula.
- Ukubhala amagama amafutshane edibanisa.
- Ukushiya izithuba ezivunyiweyo phakathi kwamagama emigceni xa ebhala.
- Ukubhala izivakalisi ngokucacileyo, esebenzisa ukungadibanisi nokudibanisa.

Ukubhala notitshala, ngamaqela, nayedwa:

Iklasi yonke/amaqela amancinane babhala kathathu ngeveki imizuzu eli-15, kubhalwa okufundwe notitshala. Ngokubhala bengamaqela baboniswa indlela echanekileyo yokusebenzisa iimpawu zokubhala, upelo negrama (amaxesha, isininzi, izalathiso).

Banikwe isikhokelo sokubhala ukubancedisa xa bebhala awabo amabali. Bonisa indlela yokusebenzisa isichazi-magama.

- Ukuzoba imifanekiso nokubhala izivakalisi ukubonisa ukulilandela ibali.
- Ukubhala imiyalelo, Umz. eya kumlingane.
- Ukuba yinxalenye ngezimvo kubhalo lwebali leklasi.
- Ukusebenzisa imifanekiso ukukhetha isihloko ekubhalwa ngaso.
- Ukuthetha nomlingane ngokuqalisa ukuqulunqa ukubhala.
- Ukubuza imibuzo enceda ekucaciseni okubhalwayo.
- Ukubhala umhlathi omnye ubuncinane izivakalisi ezisi-8, umz. ngeendaba zakhe, ibali eliqulunqiweyo, inkcaza yesehlo.
- Ukubhala amagama ukwenza izivakalisi esebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombuzo, iziphumlisi njalo-njalo.
- Ukusebenzisa ulwazi lwezandi ukupela nokubhala amagama angaqhelekanga.
- Ukusebenzisa ixesha langoku, eladlulayo nelizayo ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa izivumelanisi, esentloko nesenjongosenzi.
- Ukwakha ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe esebenzisa oonobumba bokuqala emagameni.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla:

- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo umz. ipensile, irabha nerula.
- Ukushiya izithuba ezivunyiweyo phakathi kwamagama emigceni xa ebhala.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala ngesandla:

- Ukwakha oonobumba abancinci nabakhulu ngokucacileyo, nangesantya esinyukelayo, edibanisa oonobumba ngocoselelo.
- Ukubhala amagama amafutshane edibanisa.
- Ukubhala izivakalisi ngokucacileyo, esebenzisa ukungadibanisi nokudibanisa.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala:

- Ukuzoba imifanekiso nokubhala izivakalisi ukubonisa ukulilandela ibali.
- Ukubhala imiyalelo, umz. eya kumlingane.
- Ukuba yinxalenye ngezimvo kubhalo lwebali leklasi.
- Ukusebenzisa izivumelanisi, esentloko nesenjongosenzi.
- Ukwakha ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe esebenzisa oonobumba bokuqala emagameni.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku -1:

- Ukubhala umhlathi omnye ubuncinane izivakalisi ezisi-8, umz. ngeendaba zakhe, ibali eliqwetyiweyo, inkcaza yesehlo.
- Ukubhala amagama ukwenza izivakalisi esebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombuzo, iziphumlisi njalo-njalo.
- Ukusebenzisa ulwazi lwezandi ukupela nokubhala amagama angaqhelekanga.
- Ukusebenzisa ixesha langoku, eladlulayo nelizayo ngokufanelekileyo.

IKOTA YESI-2	
Ukuphulaphula nokuthetha	**IXESHA ELICETYISIWEYO** **Elona lincinane: 45imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 1 iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/yeveki kuLwimi nezinye izifundo

- Ukuphulaphula ukufumana iinkcukacha zebali aze aphendule gabalala (nakoonomathotholo).
- Ukuphulaphula amabali, imibongo neengoma ze abonakalise uvakalelo lwakhe ngebali elo, umbongo okanye ingoma ze anike izizathu
- Ngenkxaso, thelekelela ukuba kuza kwenzeka ntoni ebalini, umz jonga isihloko neqweqwe lencwadi, ukuze ukwazi ukuthelekelela okuza kuqhubeka.
- Ukuxela unobangela nesiphumo ebalini usebenzisa izihlanganisi.
- Ukusebenzisa ulwimi ukuphanda nokuphicotha oko kucetyiswayo
- endula imibuzo embaxa aze ahlabe amadlala.
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeqela, neklasi ecebisa ngezihloko, anike nezimvo zakhe.
- Ukuqikelela okuza kuhla ebalini ngokujonga uqweqwe nesihloko sencwadi.
- Ukuvakalisa izimvo zakhe ngomhlathi aze anike izizathu.
- Ukuza nesisombululo ngakumbi kwezezibalo.
- Ukwenza intetho yomlomo echaza, ethelekisa izinto.
- Ukuphulaphula iintsomi, amabali, imibongo neengoma, aze anike izimvo zakhe nezizathu.
- Ukubalisa iindaba zakhe echaza into engamava akhe, abalise ngesiganeko esebenzisa izixhobo.
- Ukubalisa amabali afundwe ngutitshala, namanyelwe kunomathotholo ixesha elidana, ngomdla.
- Ukuphulaphula imiyalelo emide elandelelanayo / embaxa (5 ubuncinane) aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukubuza imibuzo yengcaciso, ukucwangcisa nokufumana ulwazi kumsebenzi owenziwayo.
- kuthetha ngesiganeko esaziwayo, anike ezakhe izimvo nemvakalelo.
- Ukubalisa iziqhulo nooqashi-qashi esebenzisa izilinganiso nezijekulo.
- Ukunciphisa amagama umz: isitya - isityana, isonka - isonkana; nembangi yoku: ubobo - ubotyana, intambo -intanjana njl njalo-njalo
- Ukuthetha ngamalungu omzimba, izilwanyana, izithuthi, izityalo, izifo, imisebenzi, iindawo, amagama asetyenziswa kwimicimbi nemigidi yakwaNtu umz: ulwaluko, umkhwetha, ukuthomba, ibhoma, umyeni njl njalo-njalo, nokuthetha ngeenyanga namaxesha onyaka, isinye nesininzi, izinciphiso, isiduna nesikhomokazi, izichasi, izithethantonye, abantwana bezilwana njl njalo-njalo
- Ukucalula, ukuthelekisa ulwazi olufana neendlela atya ngayo umntwana nenkawu
- Ukuqonda nokusebenzisa ulwazi olufanelekileyo lwezifundo ezifana neZakho no zoBomi.
- Ukucebisa ngezisombululo zeengxaki, ngokukodwa iingxaki zamagama ezikwiziBalo.

Imisebenzi yokuphulaphula nokuthetha emayenziwe kabini ngeveki

- Ukuphulaphula imiyalelo emide elandelelanayo / embaxa (5 ubuncinane) aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukwenza intetho yomlomo echaza, ethelekisa izinto.
- Ukuphulaphula amabali afundwa ngutitshala, nakunomathotholo ixesha elidana ngomdla.
- Ukubalisa ibali elifutshane elinesakhiwo esilula, elinabalinganiswa abaliqela.
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo eqeleni nakwiklasi, ecebisa ngezihloko, anike nezimvo zakhe.
- Ukuthetha ngeendaba neziganeko ebonisa imvakalelo nezimvo zakhe.
- Ukuphulaphula nokuyila iziqhulo, ooqashi-qashi / oorayi -rayi.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula nokuphendula kwizaziso nemiyalelo yeradiyo / isithungelwano sokuithetha (intercom)
- Ukuthetha gabalala ngeziganeko , uveza uvakalelo noluvo lwakho
- Ukuphulaphula nokuqamba iintsomi nezihlekiso
- Ukuza nezisombululo kwingxaki zamagama ngakumbi kwiziBalo.
- Ukuphulaphula ukufumana iinkcukacha zebali aze aphendule gabalala (nakoonomathotholo).
- Ukuthetha ngesiganeko esaziwayo, anike ezakhe izimvo nemvakalelo.
- Ukubalisa iziqhulo nooqashi-qashi esebenzisa izilinganiso nezijekulo.
- Ukuhlalutya, athelekise ulwazi.
- Ukubalisa iziqhulo nooqashi-qashi esebenzisa izilinganiso nezijekulo.
- Ukubuza imibuzo yengcaciso, ukucwangcisa nokufumana ulwazi kumsebenzi owenziwayo.
- Ukuhlela nokuthelekisa ulwazi (umz. iindlela ezitya ngayo izinja nabantu).
- Ukuqonda nokusebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwizifundo ezahlukeneyo, umz. iziFundo zoBomi.
- Ukuza nezisombululo kwingxaki zamagama ngakumbi kwiziBalo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukuphulaphula nokuthetha:(Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula imiyalelo emide elandelelanayo / embaxa (5 ubuncinane) aze aphendule ngokufanelekileyo.
- Ukwenza intetho yomlomo echaza, ethelekisa izinto.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2 :

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula amabali afundwa ngutitshala okanye awenziwa kwiradiyo, ixesha elidana ngomdla omkhulu
- Ukubalisa ibali elifutshane elinesakhiwo esilula nabalinganiswa abaliqedlana.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Ukuphulaphula nokuthetha:(Ezeorali nezezenzo)

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeqela, neklasi, ecebisa ngezihloko, anike nezimvo zakhe.
- Ukuqikelela okuza kuhla ebalini ngokujonga uqweqwe nesihloko sencwadi.
- Ukuphulaphula iintsomi, amabali, imibongo neengoma, aze anike izimvo zakhe nezizathu.
- Ukuthetha ngamalungu omzimba, izilwanyana, izithuthi, izityalo, izifo, imisebenzi, iindawo, amagama asetyenziswa kwimicimbi nemigidi yakwaNtu, umz. ulwaluko, umkhwetha, ukuthomba, ibhoma, umyeni njalo-njalo nokuthetha ngeenyanga namaxesha onyaka, isinye nesininzi, izinciphiso, isiduna nesikhomokazi, izichasi, izithethantonye, abantwana bezilwanyana njalo-njalo.

IKOTA YESI-2	
UKUFUNDA NEZANDI	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 4iiyure 30imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 5iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

- Ukuhlaziya umsebenzi wezandi ofundwe kwikota yoku-1.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.
- Ukudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, nakwisigama sakhe.
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.
- Ukugqithela kumagama angaqhelekanga angoonontathu noonone, umz. i**xhw**ane, i**xhw**ayelo, i**xhw**ele, **xhw**itha, i**nkc**azelo, i**nkc**aso, i**nkc**e**nkc**e, i**nkc**iyo, i**nkc**ubeko, i**nggw**ayi**-nggw**ayi, i**nggw**angi, ii**nggweqwe,** ii**ndyw**ala, i**ndyw**abasi, i**nyhw**agi, i**nyhw**eba.
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide.
- Ukusebenzisa zonke izakhono zokupela, umz. kusetyenziswe izijungqe zoonobumba zokulakha igama elingaziwayo, ukukhuphela amagama anobunzima ezincwadini bewajongile, bawabize rhoqo xa bewabhala amagama, bawajonge rhoqo koonotsheluza.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla:

Ukufunda ngamaqela notitshala (amaqela amabini ngosuku) kabini kathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi ibe nye ngeveki. Utitshala ubonisa indlela eyiyo yokufunda kwiklasi yonke.

- Ukufunda iitekisi ezinjengezibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, ezekhompyutha.
- Ukusebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukubonisa injongo yesibhengezo, nabantu esilungiselelwe bona.
- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala ze kuxoxwe ngembangi/unobangela nefuthe/isiphumo.
- Ukufuna nokusebenzisa oovimba bolwazi njengamathala eencwadi, abahlali njalo-njalo.
- Ukusebenzisa isalathiso, iziqulatho nasencwadini ngokwamaphepha.
- Ukusebenzisa izikhokelo ukufunda iitekisi eziyimizobo, aze aqalise ukucalula umhlathi ofundiweyo ukuze athabathe isigqibo.
- Ukuphendula imibuzo ekumgangatho ophakamileyo esekelwe kumhlathi ofundiweyo.

Ufundo ngamaqela notitshala:

Utitshala usebenza ngamaqela amabini ngosuku echitha imizuzu eli-15 kwiqela ngalinye. Iqela ngalinye lisebenza notitshala kabini ngeveki.

Fundisa abafundi ukuzilungisa xa bafundayo, belungisa ukubiza kakuhle amagama nokufunda ngendlela ebonisa ukuba bayayiva le nto bayifundayo.

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe ngokomgangatho wakhe umz. iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa izandi ukufunda nokupela amagama.
- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa iimposiso xa efunda umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.
- Ukufunda ngokutyibilika nangesantya esifanelekileyo ebiza amagama ngokufanelekileyo.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla imizuzu engama-20, ngeli xa amanye amaqela afunda ngoncedo lukatitshala.

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.
- Ukufunda yedwa iincwadi ebezifundwe notitshala, iincwadi zamabali ezilula, nezinye iincwadi ezikwikona yeklasi, nezinye iitekisi ebezifundwe kunyaka ophelileyo, okanye ukuqala konyaka, ezifundela yedwa ngokomgangatho wokufunda kwakhe.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuhlaziya umsebenzi wezandi ofundwe kwikota yoku-1.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.
- Ukudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, nakwisigama sakhe.
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Izandi: (Ezeorali, ezenziwayo nezibhaliweyo)

- **Ukwakha amagama usebenzisa izakhono zezandi ezifundwe apha enyakeni**
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda : (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukuphendula imibuzo ekumgangatho ophakamileyo esekelwe kumhlathi ofundiweyo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa iimposiso xa efunda umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.
- Ukufunda yedwa iincwadi ebezifundwe notitshala, iincwadi zamabali ezilula, nezinye iincwadi ezikwikona yeklasi, nezinye iitekisi ebezifundwe kunyaka ophelileyo, okanye ukuqala konyaka, ezifundela yedwa ngokomgangatho wokufunda kwakhe.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukufunda (Ezeorali, ezenziwayo, nokubhalwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda iitekisi ezinjengezibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, ezekhompyutha
- Ukusebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukubonisa injongo yesibhengezo, nabantu esilungiselelwe bona.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda iitekisi ezinjengeizibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, ezekhompyutha.
- Ukusebenzisa izikhokhelo zokubonwayo ukubonisa injongo yesibhengezo, nabantu esilungiselelwe bona.
- Ukufunda ngotyibiliko nangesantya esifanelekileyo ebiza amagama ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukufunda (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala ze kuxoxwe ngembangi/unobangela nefuthe/isiphumo.
- Ukuphendula imibuzo ekumgangatho ophakamileyo esekelwe kumhlathi ofundiweyo.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda yedwa iincwadi ebezifundwe notitshala, iincwadi zamabali ezilula, nezinye iincwadi ezikwikona yeklasi, nezinye iitekisi ebezifundwe kunyaka ophelileyo, okanye ukuqala konyaka, ezifundela yedwa ngokomgangatho wokufunda kwakhe.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Ukufunda (Ezeorali, ezenziwayo, nezibhalwayo)

Ukufunda notitshala:

- Ukufuna nokusebenzisa oovimba bolwazi njengamathala eencwadi, abahlali njalo-njalo.
- Ukusebenzisa isalathiso, iziqulatho nasencwadini ngokwamaphepha.
- Ukusebenzisa izikhokelo ukufunda iitekisi eziyimizobo, umz. ukuba yinxalenye yohambo olujikeleza apha esikolweni kusetyenziswa imiyalelo esemephini.
- Ukuqalisa ukucalula umhlathi ofundiweyo ukuze athabathe isigqibo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe ngokomgangatho wakhe umz. iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa izandi ukufunda nokupela amagama.
- Ukusebenzisa imizobo nemifanekiso ekwitekisi ukukhulisa ukuqonda.

Kubalulekile oku: Ukufunda ngamalungu omzimba, izilwanyana, izithuthi, izityalo, izifo, imisebenzi, iindawo, amagama asetyenziswa kwimicimbi nemigidi yakwaNtu, umz.ulwaluko, umkhwetha, ukuthomba, ibhoma, umyeni njalo-njalo, iinyanga namaxesha onyaka, isinye nesininzi, isiduna nesikhomokazi, izichasi, izinciphiso, abantwana bezilwanyana.

IKOTA YESI-2	
UKUBHALA	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 1iyure 45 imizuzungeveki** **Elona lininzi:2iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni zokubhala ngesandla kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

Abafundi batshintshela kubhalo ngokudibanisa ukuphela kwale kota. Izifundo zokubhala ngesandla mazigxininise ekubhaleni oonobumba abakhulu nabancinane ngokudibanisa, belandela uhlobo lokudibanisa olukhethiweyo. Mabakwazi ukuguqula imibhalo esezincwadini engadityaniswanga ibe kubhalo oludityaniswayo.

- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo, umz. ipensile, irabha nerula.
- Ukukhuphela amagama nezivakalisi ngokufanelekileyo esebenzisa ukubhala ngokudibanisa.
- Ukubhala bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokuchanekileyo edibanisa xa ebhala.
- Ukusebenzisa indlela echanekileyo xa ebhala oonobumba kuyo yonke into ebhalwayo.
- Ukukhuphela amagama ngokukuko,umz. ebhodini, amakhadi okusebenza njalo-njalo ngesantya esikhulayo edibanisa.
- Ukutshintshela kubhalo ngokudibanisa yonke into ebhalwayo (umhla, igama lakhe, nakubhalileyo).

Ukubhala notitshala, neqela nayedwa:

Iklasi yonke/amaqela amancinane babhala kabini / kathathu ngeveki imizuzu engama-20, kubhalwa okufundwe notitshala. Ngokubhala bengamaqela baboniswa indlela echanekileyo yokusebenzisa iimpawu zokubhala, upelo nolwimi. Utitshala ubabhalela amagama okuqala kwizivakalisi, baze bagqibezele ukubhala awabo amabali.

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi emalunga nesihloko esiza kubhalwa.
- Ukubhala imihlathi emibini ubuncinane (izivakalisi ezili-10 nangaphezulu) ngamava akhe neziganeko, umz. iindaba zemihla ngemihla okanye umcimbi wasesikolweni.
- Ukubhala izivakalisi/imihlathi ngamalungu omzimba, izilwanyana, izithuthi, izityalo, izifo, imisebenzi, iindawo, amagama asetyenziswa kwimicimbi nemigidi yakwaNtu, umz. ulwaluko, umkhwetha, ukuthomba, ibhoma, umyeni, njalo-njalo, iinyanga namaxesha onyaka.
- Ukubhala ibali lakhe, ibali eliqhelekileyo okanye nayiphi itekisi emigca ili-10 ubuncinane.
- Ukugcina idayari yeveki ebonisa imozulu nalo naluphi na ulwazi analo.
- Ukubhala, azobe ibali ukongeza kumabali eklasi.
- Ukusebenzisa ulwimi esulungekileyo ukuze kufundeke, kulandeleke akubhalileyo.
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ezichanekileyo, umz. oonobumba abakhulu, izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo.
- Ukuchonga asebenzise izibizo, izichazi, izenzi nezihlomelo ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa ulwazi ngezandi nemigaqo echanekileyo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga.
- Ukusebenzisa amaxesha ongezelelekileyo,umz. elidlulileyo, ebelidlula njalo-njalo, umz. Ndizibonile iimpahla zam; Ndibe ndihamba ngelo xesha.
- Ukufunda aze alungise iziphene kwakubhalileyo.
- Ukufundela umhlobo okanye iqela akubhalileyo.
- Ukuzakhela ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe, esebenzisa oonobumba bokuqala emagameni.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukusebenzisa izixhobo zokubhala ngokufanelekileyo, umz. ipensile, irabha nerula.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala ngesandla

- Ukubhala bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokuchanekileyo edibanisa xa ebhala.
- Ukukhuphela amagama nezivakalisi ngokufanelekileyo esebenzisa ukubhala ngokudibanisa.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukubhala ngesandla

- Ukubhala bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokuchanekileyo edibanisa xa ebhala.
- Ukusebenzisa indlela echanekileyo xa ebhala oonobumba kuyo yonke into ebhalwayo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Ukubhala ngesandla

- Ukukhuphela ngokuchanekileyo amagama avela kwimithombo ngemithombo, efana nebhodi, amakhadi omsebenzi, njalo njalo, awabhale ngesantya esikhulayo edibanisa.
- Ukudibanisa ngokuchanekileyo izandi ezidibanisa amaqabane amaninzi.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala:

- Ukusebenzisa amaxesha ongezelelekileyo, umz. elidlulileyo, ebelidlula njalo-njalo, Ndizibonile iimpahla zam; Ndibe ndihamba ngelo xesha.
- Ukufundela umhlobo okanye iqela akubhalileyo.
- Ukuzakhela ibhanki yamagama nesichazi-magama sakhe, esebenzisa oonobumba bokuqala emagameni.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala

- Ukubhala imihlathi emibini ubuncinane (izivakalisi ezili-10 nangaphezulu) ngamava akhe neziganeko, umz. ukubhala izivakalisi/imihlathi ngamalungu omzimba, izilwanyana, izithuthi, izityalo, izifo, imisebenzi, iindawo, amagama asetyenziswa kwimicimbi nemigidi yakwaNtu, umz. ulwaluko, umkhwetha, ukuthomba, ibhoma, umyeni, njalo-njalo, iinyanga namaxesha onyaka.
- Ukusebenzisa ulwimi esulungekileyo ukuze kufundeke, kulandeleke akubhalileyo.
- Ukusebenzisa ulwazi ngezandi nemigaqo echanekileyo yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga.
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ezichanekileyo, umz. oonobumba abakhulu, izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukubhala

- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ezichanekileyo, umz. oonobumba abakhulu, izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo.
- Ukuchonga asebenzise izibizo, izichazi, izenzi nezihlomelo ngokufanelekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Ukubhala

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi emalunga nesihloko esiza kubhalwa.
- Ukubhala ibali lakhe, ibali eliqhelekileyo okanye nayiphi itekisi emigca ili-10 ubuncinane.
- Ukufunda aze alungise iziphene kwakubhalileyo.

IKOTA YESI-3	
UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **(EZEORALI)**	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane: 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi: 1 iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeveki kuLwimi nezinye izifundo:

- Ukwenza intetho yomlomo, umz. ukubalisa iindaba okanye ukuthetha ngamava akhe ngokulandelelana kakuhle kweziganeko zentetho leyo.
- Ukusebenzisa isigama esandileyo xa ethetha.
- Ukucebisa ngesisombululo ngakumbi kwiingxaki zeziBalo.

Kabini ngeveki, kusenziwa imisebenzi yokuphulaphula nokuthetha*:*

- Ukwenza udliwano-ndlebe nabantu ngesizathu esithile, umz. ukuqonda kuloo mntu ngezomsebenzi wakhe.
- Ukuphulaphula ibali, aze athethe ngembangi neziphumo ebalini.
- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo aze anike ingxelo eyiyo kwabanye.
- Ukubeka iziganeko ngokwenzeka nokulandelelana kwazo.
- Ukuphulaphula kwiinkcukacha zebali neetekisi zomlomo aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu, umz. “Mhla wamdala uya kuze wenze zinto zini?”
- Ukubalisa ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo.

UKUHLOLA

Iingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukusebenzisa isigama esandileyo xa ethetha.
- Ukucebisa ngesisombululo ngakumbi kwiingxaki zeziBalo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukwenza udliwano-ndlebe nabantu ngesizathu esithile, umz. ukuqonda kuloo mntu ngezomsebenzi wakhe.
- Ukuphulaphula ibali, aze athethe ngembangi neziphumo ebalini.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuthabatha inxaxheba kwingxoxo aze anike ingxelo eyiyo kwabanye.
- Ukubeka iziganeko ngokwenzeka nokulandelelana kwazo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuphulaphula kwiinkcukacha zebali neetekisi zomlomo aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu, umz. “Mhla wamdala uya kuze wenze zinto zini?”
- Ukwenza intetho yomlomo, umz. ukubalisa iindaba okanye ukuthetha ngamava akhe ngokulandelelana kakuhle kweziganeko zentetho leyo.
- Ukubalisa ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo.

IKOTA YESI-3	
UKUFUNDA NEZANDI	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yezandi kathathu ngeveki imizuzu eli-15:

Utitshala uqhubeka nokusebenzisa izandi kwinkqubo yopelo lwekota.

- Ukuhlaziya umsebenzi wezandi ofundwe kwikota yoku-1 neyesi-2.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.
- Ukusebenzisa amagama abizwa ngokufanayo kodwa epelwa ngokwahlukileyo umz **ibala, ibhola**
- Ukudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, nakwisigama sakhe.
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo
- Upelo nobizelo lwezivakalisi.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla: Ukufunda ngamaqela notitshala (amaqela amabini ngosuku) kabini-kathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala:

Ukufunda beyiklasi ngaxeshanye, kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi enye ngeveki. Utitshala makabafundise izintlu ezahlukeneyo zoLwimi (umz. imidlalo neentlobo ezahlukeneyo zemihobe/zezibongo).

- Ukufunda iitekisi ezinjengezibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, ezekhompyutha beyiklasi yonke kunye notitshala.
- Ukufunda iintlobo-ntlobo zemibongo/zezibongo ngesihloko baze baxoxe ngazo (uhlobo, intsingiselo, ukhetho lwamagama).
- Ukutolika ulwazi kwiitekisi eziyimizobo (iintengiso, imifanekiso, iigrafu, iitshati).
- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala baze baxoxe ngondoqo wencwadi/bali, abalinganiswa nesakhiwo sebali.
- Ukuchaza ukuba ibali ulithandile na, aze axhase impendulo yakhe.
- Ukuphendula imibuzo eliqela ekwiqondo eliphezulu ngetekisi efundiweyo.
- Ukusebenzisa isichazi-magama ukufumana amagama amatsha nentsingiselo yawo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

Utitshala usebenza namaqela amabini ngosuku, imizuzu eli-15 eqeleni ngalinye.

Iqela ngalinye lifunda notitshala kabini ngeveki.

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe eqeleni notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukufunda iintlobo-ntlobo zokubhaliweyo, umz. imidlalo.
- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa iimposiso xa efunda, umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.
- Ukufunda iincwadi, ngesantya esifanelekileyo nemvakalelo, ebiza kakuhle nangokuchanekileyo amagama.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla imizuzu engama-20, ngeli xa amanye amaqela afunda notitshala.

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.
- Ukufunda yedwa iincwadi ebezifundwe notitshala, iincwadi zamabali ezilula, nezinye iincwadi ezikwikona yeklasi, nezinye iitekisi ebezifundwe kunyaka ophelileyo, okanye ukuqala konyaka, ezifundela yedwa ngokomgangatho wokufunda kwakhe.
- Ukuzifumanela ulwazi okanye bengababini kwitekisi ezikumgangatho ofanelekileyo.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuhlaziya umsebenzi wezandi ofundwe kwikota yoku-1 neyesi-2.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.
- Ukudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, nakwisigama sakhe.
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo
- Upelo nobizelo lwezivakalisi.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

- Ukuqonda zonke izikhamiso namaqabane adityanisiweyo xa ebizwa asele efundiwe
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nokubhalwayo)

- Upelo nobizelo lwezivakalisi.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nokubhalwayo)

- Ukusebenzisa amagama abizwa napelwa ngokufanayo kodwa eneentsingiselo ezahlukeneyo umz **ithanga**
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.
- Upelo nobizelo lwezivakalisi.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali, okwenziwayo nokubhalwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukuphendula imibuzo eliqela ekwiqondo eliphezulu ngetekisi efundiweyo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda iintlobo-ntlobo zokubhaliweyo, umz. imidlalo

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukufunda (Ezeorali, okwenziwayo nokubhalwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala baze baxoxe ngondoqo wencwadi/bali, abalinganiswa nesakhiwo sebali.
- Ukuchaza ukuba ibali ulithandile na, aze axhase impendulo yakhe.
- Ukufunda incwadi beyiklasi notitshala baze baxoxe ngondoqo wencwadi/bali, abalinganiswa nesakhiwo sebali.
- Ukuchaza ukuba ibali ulithandile na, aze axhase impendulo yakhe.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe eqeleni notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukufunda (Ezeorali, ezenziwayo nokubhaliweyo)

Ukufunda notitshala

- Ukutolika ulwazi kwiitekisi eziyimizobo (iintengiso, imifanekiso, iigrafu, iitshati).

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda yedwa iincwadi ebezifundwe notitshala, iincwadi zamabali ezilula, nezinye iincwadi ezikwikona yeklasi, nezinye iitekisi ebezifundwe kunyaka ophelileyo, okanye ukuqala konyaka, ezifundela yedwa ngokomgangatho wokufunda kwakhe.

Umsebenzi wokufunda okusesikweni wesi-3:

Ukufunda (Ezeorali, ezenziwayo nokubhalwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukufunda iitekisi ezinjengezibongo/imibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, ezekhompyutha, beyiklasi yonke kunye notitshala.
- Ukufunda iintlobo-ntlobo zemibongo/zezibongo ngesihloko baze baxoxe ngazo (uhlobo, intsingiselo, ukhetho lwamagama).

Ukufunda ngamaqela notitshala

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe eqeleni notitshala. Iqela lifunda ibali elifanayo.
- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa iimposiso xa efunda, umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.
- Ukufunda iincwadi, ngesantya esifanelekileyo nemvakalelo, ebiza kakuhle nangokuchanekileyo amagama.

IKOTA YESI-3	
UKUBHALA	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

Abafundi balwenzile utshintsho kubhalo ngokungadibanisi, babhala bedibanisi, ukuphela kwekota yesibini. Izifundo zokubhala ngesandla zigxininisa ekuziqhelaniseni noonobumba abancinane nabakhulu, nendlela yokudibanisa amagama kule ndlela yokubhala.

Abafundi mabakwazi ukukhuphela okungadityaniswanga, ngokudibanisa.

- Ukukhuphela iitekisi ezibhalwe ebhodini, ezincwadini, amakhadi okusebenza, eqwalasela indlela eyiyo yokubhala oonobumba, nesithuba esisiso phakathi koonobumba namagama adityaniswayo.
- Ukubhala ngesantya esongezelelweyo.

Ukubhala notitshala, neqela nayedwa:

Iklasi yonke/amaqela amancinane babhala kabini/ kathathu ngeveki imizuzu engama-20, kubhalwa okufundwe notitshala. Ngokubhala bengamaqela baboniswa indlela echanekileyo yokusebenzisa iimpawu zokubhala, upelo negrama. Utitshala ubabhalela amagama okuqala kwizivakalisi, baze bagqibezele ukubhala awabo amabali.

- Ukubhala iitekisi zakhe ngeendlela ezahlukeneyo, umz. ukubhala kwidayari, ileta eya kwisihlobo, inkcaza.
- Ukudrafta, abhale, ahlele aze apapashe ibali lakhe imihlathi emibini ubuncinane (izivakalisi ezili-10 nangaphezulu) anike isihloko soko akubhalileyo.
- Ukubhala izivakalisi ngesihloko ukongeza kwiincwadi zeklasi.
- Ukushwankathela aze abhale ulwazi, umz. isazobe sokucinga (), itheyibhile, izibhengezo, iitshati.
- Ukusebenzisa iintlobo ezahlukeneyo zezivakalisi xa ebhala (umz. inkcaza, imibuzo nemiyalelo).
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ngokufanelekileyo, umz. oonobumba abakhulu, izingxi, iziphumlisi njalo-njalo.
- Ukuchonga aze asebenzise izibizo, izimelabizo, izichazi, izenzi, izihlomelo ngokukuko.
- Ukuhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi, umz. kuba, kodwa, ukuze, nangona njalo-njalo.
- Ukusebenzisa isigama anaso ukwenza okubhaliweyo kube nomdla.
- Ukusebenzisa ulwazi lwakhe lwezandi nemithetho yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga.
- Ukufundela iklasi yonke akubhalileyo.
- Ukwakha ibhanki yakhe yamagama nesichazi-magama.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukukhuphela iitekisi ezibhalwe ebhodini, ezincwadini, amakhadi okusebenza, eqwalasela indlela eyiyo yokubhala oonobumba, nesithuba esisiso phakathi koonobumba namagama adityaniswayo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala ngesandla

- Ukukhuphela iitekisi ezibhalwe ebhodini, ezincwadini, amakhadi okusebenza, eqwalasela indlela eyiyo yokubhala oonobumba, nesithuba esisiso phakathi koonobumba namagama adityaniswayo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukubhala ngesandla

- Ukukhuphela iitekisi ezibhalwe ebhodini, ezincwadini, amakhadi okusebenza, eqwalasela indlela eyiyo yokubhala oonobumba, nesithuba esisiso phakathi koonobumba namagama adityaniswayo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Ukubhala ngesandla

- Ukubhala ngesantya esongezelelekileyo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala

- Ukufundela iklasi yonke akubhalileyo.
- Ukwakha ibhanki yakhe yamagama nesichazi-magama.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala

- Ukubhala iitekisi zakhe ngeendlela ezahlukeneyo, umz. ukubhala kwidayari, ileta eya kwisihlobo, inkcaza.
- Ukusebenzisa iintlobo ezahlukeneyo zezivakalisi xa ebhala, umz. imibuzo, imiyalelo njalo-njalo.
- Ukusebenzisa isigama anaso ukwenza okubhaliweyo kube nomdla.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-2:

Ukubhala

- Ukudrafta / ukuyila, abhale, ahlele aze apapashe ibali lakhe imihlathi emibini ubuncinane (izivakalisi ezili-10 nangaphezulu) anike isihloko soko akubhalileyo.
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ngokufanelekileyo, umz. oonobumba abakhulu, izingxi, iziphumlisi njalo-njalo.
- Ukusebenzisa ulwazi lwakhe lwezandi nemithetho yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni wesi-3:

Ukubhala

- Ukushwankathela aze abhale ulwazi, umz. isazobe sokucinga (), itheyibhile, izibhengezo, iitshati.
- Ukuchonga aze asebenzise izibizo, izimelabizo, izichazi, izenzi, izihlomelo ngokukuko.
- Ukuhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi, umz. kuba, kodwa, ukuze, nangona njalo-njalo.

IKOTA YESI-4	
Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali)	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:1 iyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeveki kuLwimi nezinye izifundo:

- Ukusebenzisa amagama anjengentloko, isivisa, injongosenzi, umbuzo, umyalelo, izithethantonye, isichasaniso kwiingxoxo ngeetekisi.
- Ukuqonda, asebenzise ulwimi olufanelekileyo lwezifundo ngezifundo.

Okwenziwa kabini ngeveki kwizifundo zokuphulaphula nokuthetha:

Izandi zopelo (*phonics*) - ubudlelwane phakathi kwezandi nendlela ezipelwa ngayo. Izandi zopelo zisetyenziswa ekufundeni nasekubhaleni Ukuphulaphula ibali avelise imbangi nefuthe, “Kwakuza kwenzeka ntoni ukuba inja yayingafunyanwanga?”

- Ukuqulunqa aze enze intetho yomlomo, umz. ukuthetha ngeendaba zakhe, ukuchaza ngoko akuvileyo, abalise ngesiganeko njalo-njalo.
- Ukubonisa imvakalelo nezimvo ngetekisi aze anike nezizathu, “Le ncwadi ayiniki mdla kuba ayinamifanekiso, yaye inamagama amaninzi amade”.
- Ukuxoxa ngesisombululo engxakini, esebenzisa isakhono sokucinga esikwizinga eliphezulu.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukuphulaphula nokuthetha: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukusebenzisa amagama anjengentloko, isivisa, injongosenzi, umbuzo, umyalelo, izithethantonye, isichasaniso kwiingxoxo ngeetekisi.
- Ukubonisa imvakalelo nezimvo ngetekisi aze anike nezizathu, “Le ncwadi ayiniki mdla kuba ayinamifanekiso, yaye inamagama amaninzi amade”.
- Ukuxoxa ngesisombululo engxakini, esebenzisa isakhono sokucinga esikwizinga eliphezulu.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukuphulaphula nokuthetha (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukubalisa ibali esebenzisa ulwimi, izijekulo nembonakalo yobuso.
- Ukuphulaphula konke ebalini aze aphendule imibuzo ekwizinga eliphezulu, umz. “Ucinga ukuba kulungile ukunxiba iyunifomu yesikolo kule mihla?”.
- Ukusebenzisa ulwimi ngokwengqikelelo, umz. enze iziqhulo namaqashi-qashi / oorayirayi, ebonisa nangelizwi.
- Ukuqulunqa / ukuyila aze enze intetho yomlomo, umz. ukuthetha ngeendaba zakhe, ukuchaza ngoko akuvileyo, abalise ngesiganeko njalo-njalo.

IKOTA YESI-4	
UKUFUNDA NEZANDI	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane:4 iiyure 30 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:5 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/Izakhono:

Imisebenzi yezandi kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

Utitshala aphinde afundise izandi ezifundiweyo ukuza kuthi ga ngoku, aze aqhubeleke nezinobunzima. Oku kuhamba nenkqubo yopelo iveki nganye.

- Ukuhlaziya umsebenzi wezandi ofundwe kwikota yoku-1, eyesi-2 neyesi-3.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo.
- Ukudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, nakwisigama sakhe.
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo.
- Upelo nobizelo lwezivakalisi.

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla:

Ukufunda ngamaqela notitshala (amaqela amabini ngosuku) kabini/kathathu ngeveki.

Ukufunda notitshala

Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, besebenzisa itekisi ibe nye ngevekiKufundiswa amabali ayinyaniso nangeyiyoiyinyaniso, amaphephandaba, intetho yababini neetekisi eziyimizobo.

- Ukufunda iitekisi ezinjengezibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, amaphephandaba, iincoko zababini nezekhompyutha, beyiklasi yonke notitshala.
- Ukufunda iitekisi ezibhaliweyo beyiklasi yonke notitshala, baxoxe ngabalinganiswa, ingxaki ebalini nesakhiwo sebali.
- Ukufunda iitekisi eziyimizobo, azihlalutye ukubonisa intelekelelo.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu malunga nesicatshulwa esifundiweyo.
- Ukusebenzisa isichazi-magama ukufumana amagama amatsha nentsingiselo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

Utitshala usebenza namaqela amabini ngosuku, imizuzu eli-15 iqela ngalinye. Iqela ngalinye lifunda notitshala kabini ngeveki.

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe kwiqela notitshala, iqela lifunda ibali elifanayo**.**
- Ukufunda ngotyibiliko nangesantya esifanelekileyo ebiza amagama ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa iimposiso xa efunda umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.
- Ukudlala imidlalo yamagama (iiphazili) ethathwe kwizifundo ezenziweyo, ulwazi nesakhono samagama.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

Imisebenzi yokufunda yemihla ngemihla imizuzu engama-20; ngeli xa amanye amaqela afunda notitshala. Makusetyenziswe iitekisi ezaziwayo nezikwizinga lakhe lokufunda.

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.
- Ukufunda yedwa kwizinga eliphezulu, efundela ulonwabo nolwazi alufumana kwiitekisi ezahlukeneyo, umz. iimagazini, iikhomikhi, iincwadi zeenkcubeko ngeenkcubeko, neencwadi ezifundwe kunye notitshala.

<u>QAPHELA:</u> Bonke oononye, oonombini, oonontathu noonone mabagqitywe kweli Banga lesi-3

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Izandi: (Ezeorali nezenziwayo)

- Ukuhlaziya umsebenzi wezandi ofundwe kwikota yoku-1, eyesi-2 neyesi-3.
- Ukukhuphela izivakalisi ezisebhodini, kwitshati okanye ezincwadini, kuqwalaselwe upelo oluchanekileyo
- Ukudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, nakwisigama sakhe
- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo
- Upelo nobizelo lwezivakalisi.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Izandi (Ezeorali, ezenziwayo nezibhaliweyo)

- Ukubhala izivakalisi ezimbaxa nemihlathi emide kusetyenziswa izandi ezifundiweyo
- Upelo nobizelo lwezivakalisi.
- Ukusebenzisa izimaphambili nezimamva

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukufunda: (Ezeorali, ezenziwayo nezibhalwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukufunda iitekisi ezinjengezibongo, iincwadi ezinkulu, iiphowusta, amaphephandaba, iincoko zababini nezekhompyutha, beyiklasi yonke notitshala.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukudlala imidlalo yamagama (iiphazili) ethathwe kwizifundo ezenziweyo, ulwazi nesakhono samagama.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda ngokuvakalayo efundela umlingane.
- Ukufunda akubhalileyo nokubhalwe ngabanye.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukufunda: (Ezeorali, ezenziwayo nokubhalwayo)

Ukufunda notitshala

- Ukufunda iitekisi ezibhaliweyo beyiklasi yonke notitshala, baxoxe ngabalinganiswa, ingxaki ebalini nesakhiwo sebali.
- Ukufunda iitekisi eziyimizobo, azihlalutye ukubonisa intelekelelo.
- Ukuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu malunga nesicatshulwa esifundiweyo.

Ukufunda ngamaqela notitshala:

- Ukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efunda incwadi yakhe kwiqela notitshala, iqela lifunda ibali elifanayo**.**
- Ukufunda ngotyibiliko nangesantya esifanelekileyo ebiza amagama ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa iindlela zokuzilungisa iimposiso xa efunda, umz. ukuphinda ufunde, ukunqumama, ukuziqhelisa igama phambi kokulibiza.

Ukufunda ngababini/ yedwa:

- Ukufunda yedwa kwizinga eliphezulu, efundela ulonwabo nolwazi alufumana kwiitekisi ezahlukeneyo, umz. iimagazini, iikhomikhi, iincwadi zeenkcubeko ngeenkcubeko, neencwadi ezifundwe kunye notitshala.

IKOTA YESI-4	
UKUBHALA	**IXESHA ELICETYISWAYO** **Elona lincinane1 iyure 45 imizuzu ngeveki** **Elona lininzi:2 iiyure ngeveki**

Umxholo/lingqiqo/lzakhono:

Ukubhala ngesandla:

Izifundo ezisesikweni zokubhala ngesandla kathathu ngeveki imizuzu eli-15.

Utitshala ugxininisa kwimisebenzi, enyusela isantya ekubhaleni, kugcinwe ukucoceka nokubonakala kakuhle kokubhala ngokudibanisa.

- Ukukhuphela iitekisi ezibhalwe ebhodini, amakhadi okusebenza njalo-njalokujongwe ngakumbi ukubunjwa koonobumba ngokufanelekileyo, nezithuba ezizizo phakathi kwamagama nezivakalisi.
- Ukusebenzisa uhlobo lokudibanisa kuko konke okubhalwayo.
- Ukuqalisa ukusebenzisa usiba () xa ebhala.
- Ukubhala ngokucocekileyo , ngokubonakalayo, ngokuzithemba nangesantya sokudibanisa esifanelekileyo.

Ukubhala notitshala, neqela nayedwa:

Iklasi yonke/amaqela amancinane babhala kabini/ kathathu ngeveki imizuzu engama - 20, kubhalwa okufundwe notitshala. Ngokubhala bengamaqela baboniswa indlela echanekileyo yokusebenzisa iipawu zokubhala, upelo negrama. Utitshala ubabhalela amagama okuqala kwizivakalisi, baze bagqibezele ukubhala awabo amabali.

Bakhokelwe kumanyathelo okubhala.

- Ukusebenzisa amacebo esandulela sokubhala ukufumana ulwazi nokuqulunqa ukubhala, umz. ukuthetha nomlingane, ukwenza isazobe sokucinga () njalo-njalo.
- Ukubhala ngeetekisi ezimfutshane ezikhethiweyo ngeenjongo ezahlukeneyo, umz. iimbali, incoko yababini njalo-njalo.
- Ukubhala ngamava akhe ngeendlela ezahlukeneyo, umz. inqaku elifutshane kwiphephandaba.
- Ukudrafta, abhale, ahlele aze apapashe ibali lakhe elimihlathi mibini ubuncinane (izivakalisi ezili-12 ubuncinane).
- Ukulandelelanisa ulwazi alubeke ngokwezihloko.
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ngokufanelekileyo, umz. oonobumba abakhulu, izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo. Ukusebenzisa izihlanganisi ukwakha izivakalisi ezimbaxa.
- Ukusebenzisa ulwazi lwezandi nemithetho yopelo ukubhala amagama anobunzima.
- Ukwakha ibhanki yakhe yamagama nesichazi-magama.
- Ukusebenzisa isichazi-magama ukufumana amagama amatsha nokujonga upelo.
- Ukuxoxa ngombhalo wakhe neyabanye ukufumana ingxelo.
- Ukubhala ezakhe iincwadi ukongeza kwiincwadi zeklasi.

UKUHLOLA

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala ngesandla

- Ukukhuphela iitekisi ezibhaliweyo ebhodini, amakhadi okusebenza njalo-njakujongwe ngakumbi ukubunjwa koonobumba ngokufanelekileyo, nezithuba ezizizo phakathi kwamagama nezivakalisi.
- Ukuqalisa ukusebenzisa usiba () xa ebhala.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala ngesandla

- Ukusebenzisa uhlobo lokudibanisa kuko konke okubhalwayo.
- Ukubhala ngokucocekileyo, ngokubonakalayo, ngokuzithemba nangesantya sokudibanisa esifanelekileyo.

lingcebiso ngemisebenzi yokuhlola okungekho sesikweni:

Ukubhala

- Ukusebenzisa amacebo esandulela sokubhala ukufumana ulwazi nokuqulunqa ukubhala, umz. ukuthetha nomlingane, ukwenza isazobe sokucinga () njalo-njalo.
- Ukusebenzisa izihlanganisi ukwakha izivakalisi ezimbaxa.
- Ukuxoxa ngombhalo wakhe neyabanye ukufumana ingxelo.

Umsebenzi wokuhlola okusesikweni woku-1:

Ukubhala

- Ukubhala ngeetekisi ezimfutshane ezikhethiweyo ngeenjongo ezahlukeneyo, umz. iimbali, incoko yababini njalo-njalo.
- Ukubhala ngamava akhe ngeendlela ezahlukeneyo, umz. inqaku elifutshane kwiphephandaba.
- Ukudrafta / ukuyila , abhale, ahlele aze apapashe ibali lakhe elimihlathi mibini ubuncinane (izivakalisi ezili-12 ubuncinane).
- Ukubhala ngeetekisi ezimfutshane ezikhethiweyo ngeenjongo ezahlukeneyo, umz. iimbali, incoko yababini njalo-njalo.
- Ukusebenzisa ulwazi lwezandi nemithetho yopelo ukubhala amagama anobunzima.
- Ukulandelelanisa ulwazi ze ulubeke phantsi kwezihloko
- Ukusebenzisa iimpawu zokubhala ngokufanelekileyo, umz. oonobumba abakhulu, izingxi, iziphumlisi, uphawu lombuzo njalo-njalo.
- Ukusebenzisa ulwazi lwezandi nopelo ukubhala amagama anzima.

Iitekisi noovimba bonyaka
Ukuphulaphula nokuthetha • Imifanekiso neephowusta • Izinto eziphathekayo nezizalana nezihloko. • Amaqhekeza ebhodi yamabali • Ukulandelelanisa imifanekiso • Izinxibo zokulinganisa imidlalo nemisebenzi yomlomo • IiCD , iiteyiphu, imibongo/izibongo, izicengcelezo, amaculo, oomabonakude, neeDVD • Iincwadi zamabali
Ukufunda nezandi • Imifanekiso neephowusta • Itshati yezandi eludongeni • Iincwadi zokufunda eziziindidi ezahlukeneyo • Iincwadi ezinkulu (ezithengwayo nezenziwayo) • Iitekisi ezimagama makhulu • Iincwadi zokonwaba ezinesivakalisi esi-1 - 2 kwiphepha ngalinye. • Iilebheli zamakhadi zoko kufumaneka eklasini, ezixhonyiweyo namagama abhalwe ngonoobumba abakhulu. • Iintonga zokwalatha xa kufundwa notitshala • Imifanekiso, iiphazili nemidlalo yamagama • Amaphephandaba neemagazini • Iitshati zodonga ezibonisa iimephu neminye imizobo
Ukubhala nokubhala ngesandla • Izixhobo zokubhala, umz. iipenisile, iikhrayoni, amaphepha angenamigca nanemigca (A3, A4, A5) irula, irabha, iincwadi zokubhala • Ukubhala izicwili zezivakalisi ngokuhlanganisa ubonise ukuba uqala njani nendlela yokubhala • Itshati enkulu yokubhala utitshala (ifliphu tshathi) neekhokhi ezingqingqwa • Izichazi-magama zabafundi • Izichazi-magama ezithengwayo

ULUHLU LWAMAGAMA

Amagama abonakala lula (*sight words*) - ngamagama umntu ofundayo awaqonda ngokuzenzekelayo (xa ewabona). Akukho mfuneko yokuba ade acazululwe. Xa esafundiswa ukufunda umntwana amagama aqondeka lula adla ngokuxhaphaka okanye amagama 'asetyenziswa kakhulu' afana nala: 'umama' 'usisi'.

Iblendingi: kuxa abafundi befunda ukudibanisa izandi ezibini okanye ezithathu ukwenza isandi.

Ilitheresi ekhulayo (*emergent literacy*) - luthetha ulwazi lwabantwana olukhulayo malunga namagama. Abantwana babona amagama abhaliweyo baze bawaqonde ukuba athetha ukuthini. Bafunda ngeencwadi namabali befundelwa ngabantu abadala okanye abantwana abadala kunabo. Basenokuqala ukuzama ukubhala amagama abo besebenzisa iindlela abacinga ukuba apelwa ngazo (upelo oluyiliweyo okanye upelo olukhulayo) yaye basenokuqala ukulinganisa ukufunda iincwadi. Zonke ezi zenzo zibonisa ukukhula kolwazi lwabo lwelitheresi - ilitheresi ekhulayo.

Isandi (*phoneme*) - izandi ezizimeleyo zolwimi (umz. 't', 'th', 'ty', 'dy') igama u-'apha' lineefonimi ezintathu ezizezi: 'a' 'ph' 'a'.

Isingqi (*rhyme*) - amagama okanye imiqolo yombongo ephela ngesandi esinye (umz. Hlamba, hamba, thamba).

Izandi zopelo (*phonics*) - ubudlelwane phakathi kwezandi nendlela ezipelwa ngayo. Izandi zopelo zisetyenziswa ekufundeni nasekubhaleni

Itekisi ezotyiweyo (*graphic text*) - itekisi apho ulwazi lungohlobo olubonwayo umz. Imizobo, iigrafu, njalo-njalo.

Ubuchule (strategies): zindlela ezisetyenziswa ngabafundi xa befunda, bebhala, bephulaphula ukuze bafumane ulwazi.

Ukubhala okuncediswayo (*guided writing*) - kulapho umfundi ngamnye okanye amaqela amancinci abafundi abhala uluhlu lweentlobo zeetekisi emva kokuba utitshala ebanike isikhokelwana malunga nokubhala umz. Ifomathi, ukuphawulwa kwentetho (ngeekhoma, izingxi, njalo-njalo), igrama okanye upelo.

Ukubhala ngokudibanisa (*cursive writing*) - indlela yokubhala ngesandla eyenziwa ngokubhala amagama ungakhange uluphakamise usiba (*pen*) okanye ipensile. Kuya kuphuma itekisi edibeneyo enoonobumba abenzeke kuloo ndawo luphakanyiswe kuyo usiba okanye ipensile.

Ukuhlola (*assessment*) - inkqubo ecwangcisiweyo neqhubekayo yokuqokelela ulwazi malunga nokusebenza komntwana, nokuba yenziwa ngokusesikweni okanye ngokungekho sesikweni.

Ukuhlola okusisiseko (*baseline assessment*) - ukuhlola kokuqala okwenzelwa ukufumana ukuba sele esazi ntoni umntwana. Ukuhlola konyaka kwesizwe (*i-annual national assessment - ana*) kuya kwenziwa ekuqaleni kwekota yokuqala kuwo onke amabanga yaye iya kuba kukuhlola okusisiseko.

Ukuhlola okuqhubekayo (*continuous assessment*) - ukuhlola okuyinxalenye yokufundisa nokukhuliswa kwabafundi ngokusoloko benikwa ingxelo ngomsebenzi wabo.

Ukufunda okuncediswayo (*guided reading)* - lithuba lokufunda kweqela apho abantwana bakwinqanaba elinye lokufundiswa aze utitshala ababonise indlela yokufunda ukwenzela ukuba bona baye bengenelela befunda ngokwabo.

Ukuprinta okudityaniswayo (*joint script*) - luhlobo lokudibanisa olusekelwe kuhlobo oluthile lwendlela yokubhala (*script*) engadibanisiyo, olwenzeka ngokuba amagama amaninzi adityaniswe ngenjongo yokukhawulezisa ukubhala.

Ulwazi lwezandi (*phonemic awareness*) - ukukwazi ukwahlula izandi ezahlukeneyo zolwimi.

Ulwazi lwezandi (*phonological awareness*) - ukukwazi ukuqwalasela izandi zolwimi uzahlula kwintsingiselo yazo.

Ukufunda notitshala (*shared reading*) - umsebenzi apho abafundi bafunda kunye notitshala kwitekisi eyandisiweyo yaba nkulu. Esi sisifundo seklasi yonke. Le tekisi isetyenziswayo ijoliswe kwelona qela liqhuba kakuhle apha eklasini. Abanye abafundi baya kuphulaphula, abanye baqale kancinci ukufunda ngelixa abaninzi beya kube befunda ngokupheleleyo. Le tekisi inye isetyenziswa iintsuku ezininzi. Utitshala ujonga indawo ekuza kugxilwa kuyo ngosuku ngalunye. Itekisi le isetyenziselwa ukwazisa ngokusemxholweni iimpawu zetekisi, izandi, igrama nezakhono zokufunda.